

# UMqondiso



Ningahlala phantsi. Bhotani, nonke ngabanye! Ndinovuyo ukuba senkonzweni yeNkosi kusanje, sibuyile kwakhona... Besingazi nokuba singabuya na okanye hayi, kodwa iNkosi ibonelele ngendlela, saza sabuyela enkonzweni namhlanje. Ngoku silindele amathuba amnandi namhlanje, kusanje, kwesi sifundo sesikolo seCawe, eLizwini. Ngokuhlwa ke iyakuba zinkonzo zempiliso kwakhona, ilandelwa yinkonzo yomthendeleko.

<sup>2</sup> Ngoku ke sino—nokusikelelwa kosana, ndiyakholwa ukuba u...uMzalwana uNeville ebendixelela ukuba kukho mntu uthile unosana lwabo olufuna ukusikelelwa. Ukuba bangamzisa umntwana wabo ngeli xesha, ngoko. Abe ke umzalwana wethu ehleli, okanye abanye babo phaya kwi-organ okanye ipiyano, abe mnye. Baze ke bamnyuse bamzise umntwana. Sizakuba nenkonzo yokusikelela; ukuze singene kanye, ngokukhawuleza kangangoko sinako, eLizwini.

<sup>3</sup> Ngokuba, siyathanda uku—ukuhlala eLizwini. Loo nto, nguyena ndoqo, ukunikela ixesha lethu kanye eLizwini leNkosi. Ngoko ke sinombulelo kakhulu ukuba nethuba lokuhlangana nani nonke namhlanje, nokuze...nale—le nkonzo.

<sup>4</sup> Inokuba ndiphazamile. Kulungile, dade. Bendi-ndicinga ukuba ukho. Mhlawumba kukuphazama nje. Kulungile. Ngoku, ndiyabulela, kakhulu, ngokufanayo. Mhlawumbi oku, ndicinga ukuba kuze ngomnye umntu, ngomnye umntu, yayenza ke yaba bunzima.

<sup>5</sup> Ngoku wonwabile wonke umntu? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] ...?... Makabongwe uThixo!

<sup>6</sup> [UMzalwana uNeville uthi, “Naba besiza.”—Mhl.] Owu, ewe, naba abafa abancinane. Uxolo. Uxolo. Kulungile, yiza, mdala. [“Ewe, mhlekazi.”]

<sup>7</sup> Hee ke, isibini, samantombazana amahle, amantombazanana anamehlo agwangqa! Heh? Intle loo nto. Ngubani igama lakhe? Khangela apha! [Unina uthi, “nguJennifer Lee.”—Mhl.] UJenny? [“nguJennifer Lee.”] Jennifer Lee. Ngubani ifani? [“NguSerept.”] Serept. Uvelaphi, Dade Lee? [“eVersailles, Illinois.”] EVersailles, e-Illinois. Kumnandi kunjani!

<sup>8</sup> Ngoku, eBhayibhileni. Ngoku, ngokwesiqhelo, babanezinto ezinjengokubhaptizwa kwabantwana; asikholelwa ekubhaptizweni kwabantwana, ngokuba abakoni, kuba basebancinci kakhulu. Kodwa siyakholwa ekunikeleni

abantwana eNkosini. Ngoku indoda enkulu le nam sizakubeka izandla phezu kolu sanana. NguJenny, ubusitsho? [UMzalwan'uNeville uthi, "nguJennifer."—Mlh.] NguJennifer. Kulungile.

Masithobise iintloko zethu.

<sup>9</sup> Bawo waseZulwini, njengokuba kusasanje sisizisa le ntombazanana, ibizwa ngokuba nguJennifer, kuWe, unina nezihlobo beze naye bevela kude, ukuze asikelelelwe eNkosini. Siyazi ukuba Wena wazibeka izandla zakho phezu kwabancinane oluhlobo, ngemihla yaKho, waze—waze wathi, "Bavumeleni abantwana beze kuM, ningabaleli, ngokuba uBukumkani baMazulu bubobabo banjalo." Ngoku simnikela kuWe, ukuze abe nobomi bokukhonza, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>10</sup> Ngubani igama lenye le intombazanana? [Unina uthi, nguConnie Lynn."—Mhl.] UConnie Lynn. Kulungile, Connie omncinane, wenza, undenza ndizive ndibumncinane. Yintoni, uyoyika? Owu, ndinexhala ayizukulunga, mama. Kulungile.

Masithobise iintloko zethu.

<sup>11</sup> Nkosi Yesu, lo mama uzisa lo Connie mncinci kuthi kusasanje, kwinkonzo yonikezelo kuSomandla. Wampha lo mntwana, ukuba amkhulise, ngoku ke umzisa kuWe, kunye nodade wabo omncinane. Ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba ubenenceba. Sikelela olu sapho. Sikelela le ntombazana incinane. Sisabeka izandla phezu kwayo, eGameni likaYesu Kristu, simnikela kuWe simnikelela ubomi benkonzo. Amen.

UThixo akusikelele, nabantwanana bakho.

Who-wu-u, sinenkumbulo yeentsana ezincinci ngoku!

<sup>12</sup> Ngubani igama lale nkwenkwana? [Uthi unina, "nguJoel Lee Watson."—Mlh.] UJoel Watson. ["nguJoel Lee."] NguJoel Lee Watson. Yinkwenkwe entle kanjani, amehlo amakhulu aluhlaza! Owu! Nivelaphi nonke? ["E-Eastman, eGeorgia."] Nivelela eGeorgia. ["Ewe."] Bendicinga ukuba nivelela eMazantsi. Bendingazi... ["Ewe, umama uphaya ngaseTifton. Kuphaya ezantsi."] Oo, ewe. Owu, he-e-e! Yinkwenkwena entle, yaseGeorgia, ngoko, heh? Kulungile, mhlekazi. Ewe, mhlekazi, kulunge kakhulu. Uyakwazi ukuthetha, naye. Awukwazi?

Masithobise iintloko zethu.

<sup>13</sup> Bawo waseZulwini, sizisa le nkwenkwena ithandekayo, njengokuba unina noyise bemi apha nge—ngenxa yomanyano lwabo. Ubaphe le nkwenkwana ukuba bayikhulise, bambuyisela kuWe ke. Ingangumbono o—omhle kanjani lo, njengoHana, wakudala, owathandazela umntwana; waze—waze uThixo wamnika umntwana, waze wambuyisela etempileni kaThixo, ekumnikeleni. Siphe, Nkosi ukuba le nkwenkwana ibe sisicaka saKho, ukuze unina noyise

basikeleleke, babenamandla nempilo yokuyikhulisa. Kwaye ibingangaphila ubomi obude, bolonwabo, ibesisicaka saKho, njengokuba siyinikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen. (Anisikelele!) Ayenze ibe yindoda eyiyo, mhlawumbi ibe ngomnye umprofethi omncinane njengoSamuweli.

<sup>14</sup> Ngoku nanga amakhwenkwana amabini amancinane. Who-wu-! mathathu apho? Hayi, lusapho lonke olo. Ngubani igama lakho? [Ithi inkwenkwe, “Michael.”] Michael. Elakho ngubani? [Enye inkwenkwe ithi, “Paul.”] Paul. Amagama amnandi anjalo! Elakho? [Ithi intombazana, “Debbie.”] UDebra. Limnandi kakhulu. NguMichael, noPaul, noDebra. Ngubani ke ifani yenu? [Uyise uthi, “Ellis.”] Ngu-Ellis? [“Ewe.”] Kwalunga, lusapho oluncinane olunamandla olu, ndiyakuxelela.

<sup>15</sup> Uyazi, xa ndibona abafu abancinane abanjeya, indiphindisela emva ngexesha endandiseyinkwenkwana. Ngoku isaci sakudala sithi, uyazi, “Bakunyathela ezinyaweni ngoku, bakunyathele entliziyweni kamva,” kodwa andikholwa ukuba kuyakubanjalo xa sibanikela eNkosini. Sinoxanduva apha, ibe uThixo wayibeka esandleni sakho le nto. Wakwenza umshumayeli. Ndahlala ndisitsho ngabashumayeli abangabafazi, uyazi, kodwa wonke umama ungumshumayeli; nali elakhe ibandla, ’yabona, ukukhulisa abafu bancinane ngendlela eyiyo, ngethuba utata esebenza. Ninoxanduva ke. UThixo anisikelele nobabini. Ninosapho oluncinci oluhle.

<sup>16</sup> Bawo wethu waseZulwini, siza noMichael omncinane, ekhangeleka ngathi ulizibulo. Sibeka izandla phezu kwakhe ekumnikeleni, kuYesu Kristu. Usapho lwakowabo luzisa abantwana balo ngokuba oku ukubeke ekukhathalelweni nga-ngabo, baye bayazi ukuba abanelanga, ngaphandle koncedo lwaKho, ngoko ke bazisa usatshana lwabo, ukuza kulinikezela.

<sup>17</sup> Ngoku ndinikela uMichael kuWe, ndimnikelela ubomi benkonzo, eGameni likaYesu Kristu. Ngokunjalo, sibeka izandla phezu koPaul omncinci, saye sinikela ubomi bakhe kuYesu Kristu, ndimnikelela ubomi benkonzo ndisenzela uzuko lukaThixo. Naphezu koDebra omncinane, sibeka izandla phezu kwakhe, Bawo, ekumnikeleni, nokukhumbula uYesu Kristu, Owabeka izandla zaKhe phezu kwabantwana abancinane, esithi, “Bavumeleni beze kum, musani ukubalela.” Banga ubomi balentombazanana bungasikeleleka eBukumkanini bukaThixo.

<sup>18</sup> Sikelela utata nomama, banga bangaphila, ubomi obude bolonwabo, ukuze bababone abantwana babo bekhonza uThixo. Siyicelela uzuko lukaThixo le ntsikelelo, njengokuba sibanikela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Nisikelelwe! Nisikelelwe! Nilusapho oluncinane, oluhle. Ewe.

<sup>19</sup> Okunjani... Niyayazi into endiyicingayo? Amantombazanana aba, mahle noko ngoku kunokuba ayenjalo ndiseyinkwenkwana. Ewe, mhlekazi. Amehlo amakhulu amahle! Ngubani igama layo? [Unina uthi, “Joanna.”—Mhl.] NguJoanna. Ifani yakho ngu... [Uyise uthi, “Blair.”] Blair, nguJoanna Blair. Nina nijongileyo apho emva, akangonopopi? Ewe, mhlekazi. Kunjani kodwa, Joanna, heh? Ubunentlonana, uJoanna, unentloni nje kancinane. Intwanazana ethandekayo.

Masithobise iintloko zethu.

<sup>20</sup> Bawo wethu waseZulwini, olu sapho lwakwaBlair lunikwe oku kumanyano lwalo, loJoanna mncinane. Kwaye siyazi ukuba imihla mibi, apho uSathana akho ndawo zonke, ukuthiyela, ingakumbi la mantombazanana. Kwaye bayazi ukuba abanelanga uku—ukumkhulisa. Kwaye bafuna akhuliswe ngokukuko, nokuze abe sisicaka kuWe. Bakhulisa le ntombazana ke ukuze ikuhloniphe. Ngoku bayizisa, ngokunikezelwa, kuWe. Sibeka izandla zethu phezu kwayo, eGameni likaYesu Kristu, sisanikela uJoanna Blair eBukumkanini bukaThixo, sisenzela uzuko lukaThixo. Amen.

Anisikelele, Mzalwana uBlair, iNkosi ibe nani.

<sup>21</sup> Bhota, mhlekazi! [Uyise uthi, “Bhota!”—Mhl.] Ayisentle le nkwenkwe! Heyi, unjani? Kulungile, bethu, ukhangeleka ngcono xa unokujika ujonge *kweli* cala. Ewe, mhlekazi. Unentlokwana, entle, ebukekayo, nobuso obuyifaneleyo. Heh? Ngubani igama lakhe? [“NguDaniel Mark.”] Daniel Mark. Ifani? [“Mark Harden.”] Harden. [“Harden.”] Harden, Daniel Mark Harden.

<sup>22</sup> Nisuka apha kufutshane, Mzalwan’uHarden? [UMzalwana uHarden uthi, “Ngoku, kwisixeko saseMelkerk.”—Mhl.] Ewe, mhlekazi. Iphi imvelaphi yakho? [“Ekuqaleni ndandivela kwiSizwe saseNew York.”] Uvela kwiSizwe saseNew York. Ijoni leMelika uqobo. [“Ewe.”] Hayi, sisizwe esikhulu. Kukho abantu bakuthi abahlala phaya. Ubawokazi uhlala ePlattsburgh. Owu, ndiye ndonwabe kakhulu eNew York. Ndizakunyuka ndiye khona njengokuba ndinenkonzo elandelayo, kwiSixeko iNew York, kulaa Nkonzo yaMatye iphaya. Kulungile.

<sup>23</sup> Ngoku, igama lakhe nguMark, utsho? [Uyise wayo uthi, “Daniel Mark.”—Mhl.] NguDaniel Mark, intle ke khona le nkwenkwana!

Masithobise iintloko zethu!

<sup>24</sup> Nkosi Yesu, sizisa kuWe uDaniel Mark omncinane, ekunikezeleni ubomi bakhe. Ebenikelwe ezandleni zikatata nomama, ukuba bakhulisele lo mntwana mncinane kwiziyalo zikaThixo. Bayazi ke ukuba abanelanga, ngoko ke bamzisa kuWe, Nkosi, ukuba usikelele ubomi bakhe. Ke, ngoku, siyazi

kananjalo ukuba umhla mbi, lo siphila kuwo. Siyababona aba bafo bancinane, kwaye asiyazi konke into ephethwe lingomso, kodwa, nokuba yintoni na, sibabeka ngethemba esandleni saKho. Sibeka izandla kule nkwenkwana, sinikezela ubomi bayo kuWe, siyinkelela ubomi benkonzo kuBukumkani bukaThixo, sithandaza eGameni likaYesu. Amen.

<sup>25</sup> UThixo akusikelele, mzalwana. Yinkwenkwe entle le. Akusikelele nawe, Mark omncinci.

Owu . . . ngenise, bangenise,  
Bangenise babuye ezonweni;  
Owu, bangenise, bangenise,  
Zisani bancinane kuYesu.

Imnandi kakhulu! Enkosi, dade.

<sup>26</sup> Bangaphi abebekhona apha ngeCawe, abebethandazelwe kwiCawe ephelileyo, abazivayo iziphumo beziva ukuba baphilile? Phakamisani izandla, abebethandazelwe. Owu, bethu, jonga apha, phantse ibe ngabo bonke.

<sup>27</sup> [UMzalwana uNeville uthi, “Haleluya! Ayingomngaliso lowo! Makabongwe uThixo! Bendisiva ngako, iveki yonke.”—Mhl.] Ewe, mhlekazi. Ndivile, nam. Ndifuna ukuba ndikhe ndihlale, ndiphulaphule, ’yabona.

<sup>28</sup> ’Yabona, kukho into eqhubekayo, endizakunixelela ngayo emva kwexesha. Ngoko ke, ngoku, ku—kuluzuko kuyamangalisa. Kwaye ukuba si . . . Siyakuthetha ngayo, kwenye inkonzo, uyazi, ngelinye ixesha. Iyaqalisa ukuqhubeka, kwaye sinombulelo kakhulu ngayo.

<sup>29</sup> Bendiphaya ezantsi eKentucky ke, njengokuba ndisenza qho ngyonaka, ndisihla ndiye phaya. Bendikunye nabanye babahlobo bam phaya. Bekungekuko kwaphela ukuya kuzingela oonomatse, kwaye niyayazi loo nto, ’yabona.

<sup>30</sup> Ngoko ke sinexesha elimnandi kakhulu, saye siyayibulela iNkosi!

<sup>31</sup> Kufuneka ndihambile ngoku, kufuneka ndigodukile emva kwale nkonzo. Size ke, sibe si . . . Ndizakuphinda ndibuye kwakhona, emva kwethutyana, ndisiya eNew York enkonzweni. Ukuba ke singanethuba lokuba simise apha umzuzwana, kungathini, si—siyakuvuya ukuba singanenye inkonzo apha eMnqubeni.

<sup>32</sup> Kuzakufuneka ndibuye ke, ndisiya eShreveport. Size siphinde sigoduke, sizimisele ukuba lapha ngeholidi, iNkosi ithandile, sibuyise usapho. Ndize—ndize ngoko ndifuna uku . . .

<sup>33</sup> Kwakhona ke inkonzo yam ePhoenix iyeza, ngoJanywari. Yindibano yonyaka eyakube ilapho yoSomashishini abangaMakristu. Kwaye malunga neveki okanye iintsuku ezilishumi phambi koko, ndiza kuzama uku—ukuqesha leya inkulu . . . Yabantu beGama likaYesu; kwakukade kukho

umzalwana uGarcia, kunye na—nalaa mzalwana womSpanish phaya benendawo entle, enkulu apho. Basandula ukuyakha. Iyakuhlala amawaka aliqela abantu, isentsha, ibandla labo ke lincinane kakhulu. Bathi ndingayiqesha nanini na ndifuna ukwenza njalo. Endaweni yokuthabatha i—indawo ethe tha, apha kufutshane engxingweni, ndisiya kwibandla nebandla, ndicinga ukuba ndiyakuyijolisa yonke loo nto kwinkonzo enkulu yomanyano, uyabona, size ke siyibambekele apho.

<sup>34</sup> Size sibe nokuqesha itempile. Sizakufumanisa ngoku ukuba singanako na, ukuze ke sibe neNgqungquthela yoSomashishini abangaMakristu. Ngoko, kude kucace eyaphesheya, sizakuzama ukubamba iinkonzo konke phaya eMazantsi, kuJanywari, noFebhali, noMatshi, konke kwimihlaba yaseMazantsi. Kuze—kuze ke siye...ngokuba, ukuba siqala ngoku siye e-Afrika...Yabona, ngelithuba leKrismesi, kubo, ngumhla wesine kuJulayi. Yabona, i—iyana kakhulu, awunako ukungena phaya ngelo xesha, ngoko ithuba elingcono lokuya kusekuhambeni kwethuba. Sifuna ukuqalisa ke, ukuba singanako, eNorway, sibuye ke ngokujikeleza ihlabathi, siyokusebenza phakathi e-Afrika, ukuze sigqibezele apho, iNkosi ithanda.

<sup>35</sup> Kodwa sithandazeleni ngoku. Kwaye siyanithanda, naye niyayazi loo nto. Ngoko silindele okukhulu okungaphezulu, ngaphezu kwako konke esinokukwenza, okanye esinokucinga ukuba iNkosi ingakwenza.

<sup>36</sup> Kwaye siyakholwa, ngokuhlwanje, ukuba kuyakubakho inkonzo enkulu yempiliso. Ndiyakholwa ukuba kuyakubakho i...andizukuthetha kuyakuba kancinane nje, kuba sinomthendeleko ngokuhlwanje. Ngoko okwemizuzu engamashumi amabini okanye amashumi amathathu, size ke sibe nomga wokuthandazela kuze—kuze ke kwangoko emva koko, siza kuba-kuba nomthendeleko. Namkelekile ke ukuba nihlale nathi; siyakuvuya. Asinawo u—umthendeleko ovaliweyo. Ngowalo lonke ikholwa, wonke okholwayo.

<sup>37</sup> Phambi kokuba ndifunde iSibhalo ke, asinakukhe sithobise iintloko zethu umzuzu nje. Ndizakucela umhlobo wam olungileyo, uMzalwana uLee Vayle, ukuba asikhokele ngelizwi lomthandazo, ukuze uThixo asikelele iLizwi laKhe. Mzalwan'uVayle, awunakusenzela loo nto? [UMzalwana uLee Vayle ngoku uyathandaza—Mhl.] Amen. Siphe loo nto, Nkosi. Siphe loo nto, Nkosi. Ewe, Nkosi. Amen.

<sup>38</sup> Ngoku ngokundilisekileyo, ngentlonipho sisondele eLizwini. Ngoku ndinqwenela ukufunda, kusananje, kwi-Eksodos isahluko se-12, sizakuqalisa kumqolo we-12, ivesi ye-12 neye-13, ngokudibeneyo. Niphulaphulisise ngoku. Ukuze ke phambi komthendeleko ngokuhlwanje, sifunde isahluko se-12 se-se-Eksodos, isahluko sonke; okwevesi ye-11 nje apha

kukulungiselela uhambo, umthendeleko ophambi kohambo. Sifuna ukusondela koku ngentlonipho enkulu ngoku. Ngoku ivesi ye-12 yesahluko se-12.

*Ndiyakucanda ezweni laseYiphutha ngobu busuku, ndibethe onke amazibulo ezweni laseYiphutha, ndithabathele emntwini ndise enkomeni, ndenze izigwebo koothixo bonke baseYiphutha, mna Yehova.*

*Igazi loba ngumqondiso kuni ezindlwini enikuzo. Ndolibona igazi, ndigqithe kuni, singabikho kuni isibetho esonakalisayo, ekulibetheni kwam ilizwe laseYiphutha.*

<sup>39</sup> Yanga iNkosi ingalisikelela iLizwi laYo eliNgcwele!

<sup>40</sup> Ngoku ndifuna ukuthatha umxholo ophuma apho, kwiganyana nje elinye elinonobumba abahlanu: *u-Token* [Umqondiso.—Mguq.]. Umqondiso! Ndifuna ukuthetha ngeloo gama, okanye ndifundise esi sifundo sesikolo seCawe, ngegama elithi “umqondiso.” IBhayibhile ithe apha, “Igazi elo loba ngumqondiso kuni.” Sifuna ukusebenzisa igama elithi “umqondiso.”

<sup>41</sup> Asinako ngoku, ndakujonga iwotshi, yakuba lixesha ke, nazi...NdineZibhalo ezininzi endizibhale apha. Ngoko asiko...Ndisazi ke ukuba andizukuba nani okwethutyana. Sazi njani phofu ukuba ayiyikuba lixesha lokugqibela eli abanye bethu bebonana, ngoko masizame ukusondela kuLo ngeyona ntlonelo, ndiyazi ukuba kunzima. INkosi isinike intsasa emnandi ngoku, kananjalo—kananjalo, ukuze siqhube kunzima, imnandi nje konke. Masizame ukuqwalasela ke ngoku kuyo yonke into e—esithetha ngayo, ukuze i...ukuba kukho into apha iNkosi eyakufuna ukuba niyazi, ube nokuyiphiwa.

<sup>42</sup> Kwaye asimeli nje ukuba sibonwe apha. Asize size apha ngokwenzela nje ukuba abanye babone ukuba besinxibe impahla enjani na. Okanye...Si, siza ngenxa yento enye, njengokuba umzalwana wethu ebethandaza laa mthandazo, “Silapha khon’ukuze sive iLizwi, iLizwi eliza kuthi.” Sifuna Oko, kuba kukuphela kwento eyakuba nento eyithethayo kuthi, nantoni na eyakuba nokwaneleyo, nantoni na e—eyakusineda.

<sup>43</sup> Kuba singabantu abafayo. Lonke uluntu lujongene nenguNaphakade. Ngokoke sinexeshana elingaka lokuba senze izigqibo zethu zokuba siyakuya kweliphi icala. Indlela ke iphambi kwethu; singathatha naliphi na icala esigqibe ekulinyuleni. Yiloo ndlela Awababeka ngayo u-Adam no-Eva, yiloo ndlela kwakhona Asibeke ngayo thina.

<sup>44</sup> Kufuneka sikhumbule, ukuba nokuba senza ntoni na, okanye sinempumelelo kangakanani na, ebomini, ngaphandle koKristu silahlekelwe yinto yonke ngokupheleleyo. Ngoko

ukuba Yena, emva... Ukuba Ukuko konke okukhoyo emakujongwe kuko, ngoko singaba singabona bantu bazizidenge ukuba asiLamkeli, sibe, size—size siLilondolozwe. Hayi ukuLamkela, kodwa uza kwinto enkulu kunoko. Emva kokuba uLifumene, musa ukuLithabatha uLixhome kwindawo eshelufeni. Lelokusetyenziswa.

<sup>45</sup> Njengokuya kwagqirha ukuya kufuna iyeza, usuke ulithabathe ulibeke phezu kweshelufa. Ukuba uya uyokufuna iyeza, lisele iyeza. Ukuba kukho isifo esikuhluphayo, libe eli chiza lifanele ukukunceda, sela loo nto akunika yona; kanye ngendlela akunike lona ngayo, kuba ngamaxesha amaninzi imizuzu embalwa yenza umahluko omkhulu ngendlela olinika ngayo. Indlela esazi ngayo...

<sup>46</sup> Kodwa kule meko, namhlanje, kumzuzwana nje omnye wesigqibo sakho unokutyumba isiphelo sohambo lwakho Naphakade. Lithabathe kanye njengokuba Yena elinikezela kuwe.

Umqondiso, “Igazi loba ngumqondiso kuni.”

<sup>47</sup> Ngoku yintoni, kuqala, umqondiso? Ligama elisetyenziswa kakhulu phakathi kwethu bantu bathetha isiNgesi, ngakumbi apha eMelika. Umqondiso ke yi... Ngeliphandle, isichazimagama sithi umqondiso luphawu, luphawu lwentlawulo, ixabiso elihlawulweyo, 'yabona, ukuba i—intlawulo, okanye ixabiso, ixabiso elifunekayo esele lihlawulwe.

<sup>48</sup> Njengentlawulo kumgaqo kaloliwe okanye intlawulo endleleni yebhasi. Uyangena uyokuzithengela i—intlawulo yakho, baze ke bakunike itikiti, lo mqondiso ke awunakuchithwa kuyo nantoni na enye ingenguwo umgaqo kaloliwe. Lingumqondiso ke, kwinkampani yakwaloliwe, wokuba uyihlawulile intlawulo yakho. Lingumqondiso, kwaye awunakulichithela kwenye into. Lisebenza kuloo nto kuphela ke. Lingu—lingumqondiso.

<sup>49</sup> Apha ke ezantsi, le nto sithetha ngayo, apho siqalisa khona, nguThixo esithi kuSirayeli, “Igazi lexhwane liyakuba ngumqondiso kuni.” Ixhwane likaSirayeli, elixheliweyo, lalingumqondiso ofunekayo kaYehova. Kufuneka ukuba ibe ligazi. UThixo wenza umqondiso wawunika uSirayeli. Akukho mqondiso wumbi uyakusebenza, 'yabona, awunakuthathelwa ngqalelo.

<sup>50</sup> Ehlabathini, Ububudenge obuphindaphindeneyo. Kodwa, kuThixo, Ukukuphela kwendlela. Inye kuphela into ayifunayo ngulaa Mqondiso. Kufuneka ukuba ubekho. Kwaye awunakuba nawo uMqondiso ide ibe ihlawuliwe intlawulo, uze ube ngonawo uMqondiso okunika i—ilungelo lokuba udlule ngaphandle kwentlawulo. “Ndiyakulibona iGazi, Ndidlule kuni.” Yayilixesha elinjani, elo, lilungelo elinjani, ukwazi ukuba unalo ngaphakathi kwakho, ukuDlula. “Xa Ndibona



iGazi, Ndiyakudlula kuni.” Kuphela kwento Ayakuyamkela. Akukho nto iyenye inokuthatha indawo yaWo; akukho nto inokuwubambela, akukho hlelo, nantoni na eyenye. Yiloo Nto kuphela efunekayo. Wathi uThixo, “Ndiyakubona loo nto kuphela.”

<sup>51</sup> Kwakungenamsebenzi nokuba babengamalungisa kangakanani na, babelunge kangakanani na, babefunde kangakanani na, babenxiba kanjani na, umqondiso yayikukuphela kwento. “Xa Ndibona umqondiso, Ndiyakudlula kuni.” Yayiligazi umqondiso wokuba i—imfuno kaYehova yayihlangatyeziwe, wokuba yayenziwe. Igazi lalimele umqondiso. Igazi lalingumqondiso. ‘Yabona? Ubomi o . . .

<sup>52</sup> UThixo wayetshilo ukuba, “Mhla nithe nadla kuwo, nakufa ngaloo mini.” Kwaye ke kwakukho ubomi obathathwayo bumele ubomi bekhola. UThixo, ngengeba, wamkela ukumelwa kobomi bomntu ongcolisekileyo. Wathi umntwana waKhe akuzingcolisa ngesono, sokungalikhola iLizwi, wathi uThixo, esisityebi ngengeba, wenza isibambiso; kwaye, sona, sasiyinto efanele ukufa endaweni yakhe. Kwakungekho nto yimbi inokusebenza.

<sup>53</sup> Kungenxa yaloo nto ukuba ii-apile neepesika zikaKayin, nezinye izinto, zingazange zisebenze. Kwakufuneka ukuba ibe bubomi obunegazi kubo, bube ubomi bumkile kwidini, ngoku ke igazi lalingumqondiso wokuba umyalelo kaThixo wawenziwe. Ngoku, yintoni awayefuna yona uThixo? Bubomi; igazi ke lalibonisa ukuba kwakufuneka kukho ubomi obumkileyo, kwakukho into ekufuneka ifile, imfuno kaThixo; ukuba kunikelwe ngobomi, kuze kuphalazwe igazi ke. Igazi ke lalimele umqondiso, wokuba ubomi babumkile. Ubomi besilwanyana uThixo awayethethe ngaso ukuba mabuthathwe, yayiligazi elimele umqondiso. ‘Yabona?

<sup>54</sup> U—u—umkhonzi okholwayo wayebandakanywa nedini lakhe, ngomqondiso. Andinqweneli kuhlala ithuba elide kwezi zicatshulwa zincinane, kodwa, onokuthatha inkonzo iphela ngaso sisinye kuzo, kodwa ndifuna ukukhe ndime apha umuzwana ndiyigxininise loo nto. I—i—ikhola kwakufuneka libandakanywe nedini lalo. ‘Yabona? Ukuba lidini nje e—elenziwe phaya phandle kwenye indawo, wayelinikele; kodwa kwakufuneka ebandakanywe nalo. Ngeliphandle, kwakufuneka abeke izandla zakhe phezu kwalo, kuqala, ukuzibandakanya kunye nedini lakhe. Igazi ke lalibekwa kwindawo apho wayenokuma ngaphantsi kwegazi. Igazi kufuneka ukuba libe phezu kwakhe. Lowo ke yayingumqondiso wokuba uzibandakanyile, enetyela, kwaza kwabonakaliswa ukuba isibambiso esimsulwa sasithabathe indawo yakhe.

55 Ngumfanekiso omhle kanjani! Owu, okhululweyo! 'Yabona, kusandula kwenziwa ubulungisa, nemfuno yomgwebo ongwele kaThixo yayihlangatyeziwe. Wathi ke uThixo, "Ngoku ndiyakufuna ubomi bakho," kuze kuthi ke xa u—u—ubomi bonile. Size isibambiso esingenatyala sithabathe indawo yabo. Yayiba sisilwanyana esinegazi; hayi i-apile, ipesika. Loo nto ifanele ukuyenza icace kangako imbewu yenyoka kuye wonke umntu, ukuba yayiligazi. Eli gazi ke, elalingenakuphuma esiqhameni, laliphuma kwisibambiso esimsulwa. Bube ke ubomi buphumile, nabo—nabo, endaweni yakhe, igazi ke laliluphawu lokuba isilwanyana sasifile kwaza kwaphuma igazi.

56 Umkhonzi oqaba igazi phezu kwakhe ke, wayebonisa ukuba wayebandakanyiwe ekuhlangulweni ngokuba wayezibandakanye, e...dinini wazidibanisa nedini, igazi ke lamela umqondiso.

57 I—imangalisa kanjani khona! Ingummangaliso onjani wona! Ngumzekelo omhle kaKristu, kanye kanye, ikholwa namhlanje elime ngaphantsi kweGazi elaphalazwayo, libandakanywe neDini. Ngoku—ngokugqibelele kanye njengokuba kunokuba njalo! Kunjani ke ngoko ukuba uKristu, hayi—hayi ukuba ibe sisilwanyana... Uyabona, i—sisilwanyana sasisifa, kodwa yayi... .

58 Eyona nto isulungekileyo sinayo, ndiyaqonda, inokuba, si—sisilwanyana, i—imvana. Ngexesha uThixo wafuna ukuqondakalisa uYesu Kristu, waMqondakalisa njengeMvana. Waza wathi xa afuna ukuZiqondakalisa, waZibonakalalisa njengentaka, iHobe. IHobe yeyona ntaka imsulwa neyona icocekileyo kuzo zonke iintaka, yona i—imvana itakane legusha sesona silwanyana sinyulu kuzo zonke izilwanyana. Ngoko ke uyakubona u... .

59 UYesu wabhaptizwa nguYohane, ithe ke iBhayibhile, "Waza—waza wawubona uMoya kaThixo, unjengehobe, usihla phezu kwaKhe." Ngoko ke ukuba yayiyi... Ukuba yayiyincuka, okanye ukuba yayiyisiso nasiphi na isilwanyana, i—imveli yehobe yayingena kuhambelana nemveli yengcuka, ngokunjalo imveli yehobe yayingena kudibaniselana naso nasiphi na esinye isilwanyana ingeyiyo imvu. Ezo mveli zimbini ke zahlangana, zaza ke zanokuvumelana enye nenye.

60 Ngoku uyalubona unyulo kwangaphambili? Yayimvana ukufika kwayo apho. 'Yabona? 'Yabona? I... Yayiyimvana e—ekuzisweni kwayo. Yayiyimvana. Yazalwa iyimvana. Yakhuliswa iyimvana. 'Yabona?

61 Ke, ngoko, lolohlobo kuphela ke loMoya wenyaniso elinokwamkela iLizwi, elinokwamkela uKristu. Abanye bayazama, bazama ukuLifumana, babeke uMoya kaThixo

phezu kwengcuka, 'yabona, benomsindo, besifa, bekhohlakele. Awunakuhlala apho. UMoya Oyingcwele usuka ubhabhe kwangoko. Awungeke uyenze loo nto.

<sup>62</sup> Kwakunokuthini ukuba elaa Hobe lalihlile, yaze, endaweni yokuba Ibe yiMvana, kuthi kanti kwakukho esinye isilwanyana? Ngelasuka lathi ngokukhawuleza okukhulu Labhabha labuyela emva. 'Yabona? Kodwa lathi lakufumana laa mveli elalinokunxibelelena nayo, yasuka yaba yinto Enye.

<sup>63</sup> Kwaye ke i—i—iHobe lakhokela iMvana, kwaye, qaphela, Lakhokelela iMvana ekuxhelweni. Ngoku, iMvana yalithobela iHobe. 'Yabona? Kungenamsebenzi nokuba LiYikhokelela phi na, Yayikuthakazelela ukuya.

<sup>64</sup> Ndiyamangaliswa, namhlanje, xa uThixo esikhokelela kukubomi bokuzinikezela okupheleleyo nobokuMkhonza. Ingaba umoya wethu awuqhankqalazi ngamanye amaxesha, ube bubonisa oko, ingaba sizizo iimvana? 'Yabona? 'Yabona? Imvana iyathobela.

<sup>65</sup> Imvana iyanikezela. A—ayiyenzi—ayithabathi, ikubange okukokwayo. Ingangqengqa nje ubuchebe ubususe uboya kuyo. Yiloo nto kuphela enayo. Ayisoze—ayisoze ithethe nto ngaloo nto; inikela nje ngako konke enako. Yigusha ke leyo. inikela konke okwayo ku... iphisa ngento yonke, ngesiqu sayo nangako konke okwayo.

<sup>66</sup> Yindlela ayiyo ke leyo uMkristu wenene, ukuba ba... uyazinikezela, abakhathaleli nanye kwezelihlabathi, kodwa banikela konke abanako kuThixo. 'Yabona?

<sup>67</sup> Ngoku ke yayiyiMvana egqibeleleyo le, uKristu wayenjalo. Kwaze ke ngegazi elaphalazwayo lemvana, imvana nje yemveli eYiphutha, laza laqatywa igazi, ke, kwathi kwakwenziwa njalo, lamela umqondiso, ngoko lingamela ntoni ke iGazi lale iMvana? 'Yabona? Umqondiso wokuba sifile kwiziqu zethu yaye sibandakanywe neDini lethu. 'Yabona? Ngoko, iMvana ne—ne—neGazi nomntu baba ngababandakanywe kunye, iDini nekholwa. 'Yabona, ubandakanyiwe ebomini bakho, neDini lakho. Oko ke kukwenza le nto uyiyo.

<sup>68</sup> Igazi ke lalingumqondiso, okanye isazisi. Igazi lalibonisa ukuba umkhonzi ulixhelile ixhwane, wayamkela imvana, waliqaba kuye igazi, ukuba wayengenazintloni. Wayengakhathali nokuba libonwe ngubani na. Wayefuna ukuba wonke umntu alibone, kwaye lalibekwa kwindawo apho ayakuthi wonke umntu odlulayo ayakuwubona umqondiso.

<sup>69</sup> 'Yabona, abantu abaninzi bafuna ukuba ngaMakristu, baze ba—bathande ukuyenza ngokufihlakeleyo loo nto ukuze kungabikho mntu u—unokwazi ukuba bangaMakristu. Okanye, a—amahlakani abajikeleza nawo, abanye babo bacinga ukuba,

“Kulungile, ngoku, khangela, ndi—ndi—ndifuna ukuba nguMkristu, kodwa andifuni ukuba *uZibani-bani* ayazi loo nto.” ‘Yabona? Hayi, ngoku, uyabona, asiboBukristu obo.

<sup>70</sup> UBukristu kufuneka buwubonakalise uMqondiso wabo, ‘yabona, ngokuphandle, ebomini bemihla ngemihla, e-ofisini, esitratweni, xa kufike inkathazo, nantoni na, enkonzweni, nandawoni na. LiGazi uMqondiso, kwaye uMqondiso ufanele ukuba uqatywe, yabona, okanye (asinguwo) nomnqophiso ngokwawo awenziwanga.

<sup>71</sup> Igazi lalingumqondiso, okanye isazisi, lisazisa ukuba lo mntu uhlangulwe. Ngoku, kwalunga, qaphela, babenawo, babehlangulwe ngaphambi kokuba kubekho nantoni na eyakhe yenziwa. Ngokholo baliqaba igazi. ‘Yabona, ngaphambi kokuba yenzeke buqu, igazi laqatywa ngokholo, kukholwa ekubeni yayizakwenzeka. ‘Yabona? Ngaphambi kokuba ingqumbo kaThixo idlule phezu kwelizwe, igazi kwakufuneka liqatywe, kuqala. Kwakuse kusemva kwexesha kakhulu emva kokuba ingqumbo kaThixo seyithe yabe iwile.

<sup>72</sup> Ngoku sinesifundo apho esinokuthi ngenene, mhlawumbi sinicingise ngaso, okomzuzwana. Khangela, *phambi* kokuba kwenzeke, kuba kuza ixesha apho ungasayikuba nakuba naGazi liqatyweyo.

<sup>73</sup> Ixhwane lalixhelwa ngexesha langokuhlwa, emva kokuba laligcinwe iintsuku ezilishumi elinesine. Lize ke libulawe ixhwane igazi lalo liqatywe ngexesha langokuhlwa. Niyayifumana? Umqondiso awuzange wabakho kwade kwalixesha langokuhlwa.

<sup>74</sup> Eli ke lilixa langokuhlwa lesigaba sexesha esiphila kuso. Lilixa langokuhlwa eli kwi—kwiBandla. Lilixa langokuhlwa eli kum. Eli lilixa langokuhlwa loMyalezo wam, ndiyafa. Ndiyahamba. Ndiyahamba ndiyaphuma, ngexa langokuhlwa leeNdaba eZilungileyo. Kwaye size siphuma ekugwetyelweni, nakwizinto ezinjalo, kodwa eli lixesha apho uMqondiso kufanele ukuba uqatywe. Bendinixelele kuleCawe iphelileyo ukuba bendininto endifuna ukuthetha ngayo; yiyo ke le. Ixesha apho u—ungenako tu ukudlala ngaYo. Kunyanzelekile ukuba yenziwe. Iyakusoloko isenziwa, kufanele ukuba yenziwe ngoku. Ngokuba, siyabona ukuba ingqumbo kaThixo seyizakudlula phezu kwelizwe, kwaye yonke into ephume ngaphandle phantsi kwaloo Mqondiso iyakutshabalala. IGazi, likwazisile. Qaphela.

<sup>75</sup> Kuba, ubomi besilwanyana babungenakubuya buze phezu komntu. Lakuba liphalaziwe igazi, ubomi babuphuma, kakade, ubomi ke babahlukile kwigazi...Ngoku, igazi lilichiza lobomi, kodwa ubomi bahlukile kwigazi, kodwa ubomi busegazini. Obesilwanyana ke ubomi

babungenakubuyela phezu komnquli. Wayesithi akuphalaza igazi lexhwane, kwakufuneka aqabe ububende, ngokuba ubomi babumkile bungenakubuya.

<sup>76</sup> Ngokuba, babungenakuza phezu komntu, kuba ubomi besilwanyana abunamphefumlo. Isilwanyana asizazi ukuba sihamba ze, saye si—sithi nje... Asisiqondi isono. Asazi kwanto, ngoko ke siyinto ephilayo kodwa asingomphefumlo uphilayo. Ngoko ke, oba bomi besilwanyana babungenakubuyela phezu kobomi bomntu, ngokuba babungenamphefumlo kobo bomi. Ngoku, kukho ubomi, igazi; ubomi, nomphefumlo osebomini; umphefumlo yimveli yobomi. Ngoko ke, babungenamveli ithile, yayisisilwanyana, ngoko ke igazi lalimele umqondiso wokuba ubomi bunikezelwe.

<sup>77</sup> Kodwa kulendawo yozuko, phantsi kwalo mnqophiso, kukho umahluko phakathi kweGazi noBomi. UMqondiso wekholwa namhlanje nguMoya Oyingcwele; hayi igazi, ububende, kodwa UnguMoya Oyingcwele kaThixo. Nango ke uMqondiso uThixo awubiza kwiBandla namhlanje. UThixo ufanele ukuba awubone lo Mqondiso. Kufanele ukuba aWubone kuthi sonke ngabanye.

<sup>78</sup> Ngoko ke, njengokuba amathunzi angokuhlwa evela, nengqumbo seyilungele ukuthululwa isihla ngaseNtla, phezu kwezizwe ezingahloneli Thixo, naphezu kwabangakhohwayo abangahloneli Thixo, naphezu kwe—kweenjingalwazi ezingenanto, kwezi zinto! Ndaye ndi—ndizame ukuzicombulula nokuphila ngcwele kanye phakathi kwabo, ukuzama ukubona ukuba bemi phi na, phambi kokuba ndizithethe ezi zinto. Ngoku siphila emathunzini, nengqumbo ingxamele ukubetha, uThixo yena ubiza uMqondiso wokuba wena ngokwakho uwamkele uMqondiso waKhe, uMoya Oyingcwele. Ukukuphela kwendlela, nephawu ekuphela kwalo uThixo ayakuze alidlule, ngokuba UbuBomi bokwenene bukaYesu Kristu sebubuye bangena kwikholwa kwakhona.

<sup>79</sup> Ubomi besilwanyana babungenakubuya, ngoko ke igazi kwakufuneka libekwe emnyango, phezu kwemiqadi nemigubasi yomnyango; ukuze wonke untu odlulayo, lonke uluntu, wonke umntu oza ngakuloo ndlu, wayesazi ukuba kwakukho u—uphawu phezu komnyango, lolwegazi, lokuba ubomi babufile kuloo mnyango. Amen!

<sup>80</sup> Yindlela ekumele ukuba yiyo kwikholwa ngalinye namhlanje, lizaliswe nguMoya Oyingcwele; uMqondiso wokuba iGazi eliphalaziweyo leMvana, obuya Bomi bebukwiMvana, bubuyile yaye butywinwe ekuhlani apho, ukuze wonke umntu odlulayo, othetha nawe, onalo naluphi na unxibelelwano nawe, abone ukuba iGazi liqatywe noMqondiso woBomi obebukweloGazi uphezu kwakho. Ukhuselekile kwingqumbo. Yiloo nto kuphela; hayi ukuba lilungu. Hayi, mhlekazi!

<sup>81</sup> Ubomi besilwanyana babungenakuhla phezu kwekholwa, ngokuba yayisisilwanyana, babuthetha kuphela ngesazela, bubonisa ukuba kuzakufika iDini eligqibeleleyo.

<sup>82</sup> Ngoku, ke, lalinokubakho njani iDini eligqibelele ngokungaphezu koThixo Buqu esiba yiNtlawulelo, ngokwaKhe? Ngoku uThixo wenziwa inyama, ngelilelaKhe iGazi elidalayo, ukuze libe kuphela kwendlela uBomi bukaThixo ebabunokubuya ngayo.

<sup>83</sup> Ngokuba, sonke sazala ngokuhlangana kwendoda nomfazi, ngenxa yoko ke obo bomi bulapho bobehlabathi, kwaye obo bomi ke abunakuma. Yinto esele igwetywe yalahlwa. Awunakuyilapha. Akukho ndlela yakuyilapha. Akukho ndlela ya—yakuyigudisa. Akukho ndlela yakuyenza ngcono. Kufanele ukuba ife. Yiloo nto kuphela imfuneko ekhoyo. Kufanele ukuba ife.

<sup>84</sup> ISibambiso ke, iGazi likaYesu Kristu, kufuneka lingene kuwe, linguMoya oYingwele ke, uMqondiso kaThixo; wokuba ulamkele iGazi lonyana waKhe, uYesu Kristu.

<sup>85</sup> Ngoko ke, ngemihla kaWesley mhlawumbi... Imihla kaLuther, kwakucingwa “ngokukholwa.” Ngemihla kaWesley, “yayibubende beGazi.” Kodwa ngumhla wokugqibela lo, apho uMqondiso ubizwa khona. Loo nto ke yenze, ngokudibeneyo, isakhiwo esipheleleyo soXwilo. Niyayibona? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>86</sup> Ngamanzi, igazi, nomoya obuvelayo xa umama efumana usana. Into yokuqala egqabhukayo, kuzalo lwesiqhelo, ngamanzi, into yesibini ligazi, into elandelayo ke ibe bubomi.

<sup>87</sup> Kwaphuma kumzimba weNkosi yethu uYesu Kristu: amanzi, iGazi, noBomi. Ibandla lonke ke, uMtshakazi, lilonke, lenziwe ngokugwetyelwa, ukungcwaliswa, nobhaptizo loMoya Oyingwele, olunguMqondiso.

<sup>88</sup> Njengokuba amaHebhere 11 esithi, “Bonke aba bahamba ngeengubo zegusha neengaga zebhokhwe, beludwayi, nazo zonke ezi zinto bazenzayo, kodwa abazange benziwe bagqibelele ngaphandle kwethu.”

<sup>89</sup> Ibandla ke kulomhla, elawamkelayo uMqondiso, woBhaptizo lukaMoya Oyingwele, wokuba iGazi liphalaziwe noMoya Oyingwele uphezu kweBandla; ngaphandle kwethu, ngoko, abanakuvuka. Kodwa baxhomekeke kuthi, kuba uThixo wathembisa ukuba UyakubanaLo, ukuba kuyakubakho umntu othile. Andazi ukuba iyakuba ngubani na, kodwa kukho umntu oyakuYamkela. Inye kuphela into endinoxanduva layo, kukuYishumayela. Yindima kaThixo ke ukuzingela loo mbewu inyulwe kwangaphambili. Iyakubakhona ke, nangoko. Ngokuba, bayakubakhona, ngabanye, omnye nomnye; isigaba sexesha samanzi, isigaba seGazi, ngoku ke sisigaba soMqondiso woMoya Oyingwele.

<sup>90</sup> Ukhumbule, ke, uSirayeli wadlula kwizinto ezininzi, kodwa kwakungexa langokuhlwa apho wawubizwa ngalo umqondiso; kwakungekho kusasa, kungekho ekulungiseleleni, iintsuku ezilishumi elinesine zokugcinwa kwexhwane. USirayeli wayesazi ukuba kukho into eyayisiza.

<sup>91</sup> NoLuther ngokunjalo wayeyazi, noWesley ngokunjalo wayeyazi, noFinney ngokunjalo, uKnox, uCalvin, babeyazi. Yiyo le ke! Babesazi ukuba kuyakufika ixesha eyakuthi ngalo iNtsika yoMlilo ibuyele kwiBandla. Babesazi ukuba kuyakufika ixesha apho ziyakwenzeka khona ezi zinto, kodwa abazange baphila ukuze bayibone, kodwa babeyikhangele beyilangazelela.

<sup>92</sup> USirayeli wayesazi ukuba kukho into eyayisiza, kodwa kwakungexa langokuhlwa apho igazi lexhwane, umqondiso, wawubekwa emnyango. Phofu, ixhwane lalise libekiwe.

<sup>93</sup> Ibisoloko iliXhwane lonke eloo xesha ukuza. Yayilixhwane ngexesha likaLuther, yayiMvana—iMvana ngexesha likaWesley, kodwa ngoku lixesha loMqondiso lokuba yonke indlu igqunywe nguMqondiso. Ndlu nganye kaThixo kufuneka igqunywe nguMqondiso. Konke okungaphakathi kwayo kufuneka kugqunywe nguMqondiso. Indlu kaThixo ke nguMzimba kaYesu Kristu, yaye sabhaptizelwa ngaMoya mnye kuloMqondiso saba yinto enye naWo, ukuze, uThixo athi, “Xa Ndibona loMqondiso ubonakalisiwe, Ndiyadlula kuni.” Yiyure emangalisayo le siyiphilayo ngoku! Owu!

<sup>94</sup> Igazi liliphawule, liliphawule ikholwa, ngokuba ubomi babuphumile, bungenakubuya, ngoko ke kwakufuneka ukuba abe ne—nechiza. Kwakufuneka abenento efana nepeyinti, igazi, ububende obabubonisa ukuba ubomi babuphumile kulo.

<sup>95</sup> Ngoku kwa uMoya ngokwaWo unguMqondiso. UMoya Oyingcwele ngokwaWo unguMqondiso, hayi iGazi. IGazi laphalazwa eKalvary, yinyaniso leyo. Kodwa iGazi, okukokwalo, laphindela kwizinto elalenziwe ngazo, kukutya elalivela kuko Awayephila ngako. Kodwa, uyabona, ngaphakathi kumbhobho weGazi kwakukho uBomi obabuseza ukuba umjelo weGazi uhambe. Wawu... Ububende babungenaBomi kubo, ngokwabo, ngoko ke babungenakushukuma. Kodwa bathi uBomi bakungena kububende begazi, Benza umjelo. Bazenzela umjelo OngowaBo, kwaza kwangumjelo nomjelo emva koko, baze ke banguMntu. Loo mntu ke yayinguThixo, u-Emanuweli, esenyameni. Kodwa bathi obaa Bomi bakuphindela emva, ububende bemka kubo, kodwa uMqondiso unguMoya Oyingcwele ophezu kweBandla, khon'ukuze babone uKristu.

<sup>96</sup> Kunyanzelekile ukuba kubenjalo ngokuba umfazi nomyeni wakhe baba banye. Baba banye. Ngokunjalo uMtshakazi

noKristu baba Banye. Ulungiselelo loMtshakazi, nolungiselelo lukaKristu, lunye. Kwaye khumbula, “Eyokuqala imbali, Tiyofilo, ndakubahlela, ukuba uYesu waqala ukwenza eqhubeka ukwenza.” Ukufa kwaKhe akuzange kuMphezise. Hayi, mhlekazi! Wabuya kwakhona. Ingeso siqu sesithathu, koko kwa uMntu omnye wabuya kwakhona ekwimo kaMoya Oyingcwele, ezakuqhuba kwakhona ngomsebenzi abheke phambili; uqhubela phambili, yatsho iNcwadi yeZenzo. “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade.” NguMqondiso ke lowo. Luphawu olo.

<sup>97</sup> Xa uPetros noYohane babedlula ngesango elibizwa ngokuba Lihle, kwakulele indoda esisilima, isisiqhwala ukusukela esizalweni sikanina waze wathi, “Isilivere negolide andinayo; kodwa oko ndinako, ndikunika kona. EGameni likaYesu Kristu waseNazarete, phakama uhambe.” ’Yabona? Baze bathetha nabo, besazi ukuba babengabantu abangazi nto abangafundanga, kodwa bayiqaphela into yokuba babenaye uYesu. ’Yabona, uMqondiso wawukhona, wanekiwe. ’Yabona, “Oko ndinako!” Bebona ihlwempu, lomzalwana owileyo engqengqe apho, eqhwalela engamilanga kakuhle, eyinto yonke. Kwa obaa Bomi bunye babukuKristu babukubo, “Oko ndinako!”

<sup>98</sup> “EGameni laM niyakukhupha iidemon.” Hayi, “Ndiya.” “Niya!” “Ukuba nithe kule ntaba!” Hayi, “Ndithe.” “Ukuba nithe kule ntaba!”

<sup>99</sup> Owu, mzalwana, ixesha lokuba uMqondiso wanekwe lisondele. Siyalibona. Siyazi ukuba sikufutshane esiphelweni ngoku. Sizizise zonke iintlobo zemiyalezo, ukubonisa imiqondiso nezimanga, naku ke ngoku sibuyela kwinto ekufuneka liyenzile iBandla. UMqondiso kufuneka ukuba ubonakaliswe. “Xa Ndibona igazi, Ndiyakudlula kuni,” Akukho nto yimbi inokusebenza. Kunyanzelelekile ukuba ibe liGazi. Ngoku, uMoya Oyingcwele nguMqondiso wethu osuka kuThixo.

<sup>100</sup> Njengomfundi omkhulu wezakwaLizwi, i-isifundiswa, omnye umzalwana womBhaptizi, indoda elungileyo, enesimo esihle, wathi akuza kum ngaxesha lithile, wathi, “Mzalwan’uBranaham,” wathi, “uthetha ngaloMoya Oyingcwele,” wathi, “kungokuba, asiyonto intsha leyo.” Wathi, “Oko saYifundisayo, kuzo zonke izigaba.” Ndaze nda—ndathi, kulungile, ndiza . . . Wathi, “Ndawamkela uMoya Oyingcwele.”

<sup>101</sup> Ndathi, “WaWamkela nini?”

<sup>102</sup> Wathi, “Ekukholweni kwam.” Ngokuba ndandisazi ukuba yimfundiso yaseBhaptizi leyo, ukuba, “Uthi, wakukholwa, wamkele uMoya Oyingcwele.”



103 Ndathi, “Ngoko uPawulos wathi, kwiZenzo 19, kwigquba, iqela lamaBhaptizi xa, wayebonisa umshumayeli womBhaptizi owayengomnye wabafundi bakaYohane ngeBhayibhile ukuba uYesu wayenguye uKristu.”

104 “Wathi akuba ewatyhutyhile amacala aseNtla kunxweme lwase-Efese, wafumana bafundi bathile, waza wathi kubo, ‘UMoya Oyingcwele namamkela na *nakholwayo* nje?’ Bathi, ‘Asazi nokwazi ukuba kukho uMoya Oyingcwele.” Waza wababuza ke ngoko ukuba babebhaptizwe njani na. Babengabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu ke, iXhwane elenziwa idini. Babengabandakanywanga naYe, konke. Babelikholwa nje; njengeyeza lihleli phaya, bengekaliseli. UPawulosi wabayalela ukuba babhaptizwe kwakhona, eGameni likaYesu Kristu.

105 Wathi akwenza loo nto, ngoko ke uMqondiso wehla phezu kwabo. Babeqondakaliswa ngemisebenzi nemiqondiso kaMoya Oyingcwele, ethetha ngeelwimi ngabo, beprofetha nokuprofetha, bedumisa uThixo. Babebandakanywe ngendlela efanayo ne—neDini labo.

106 UMoya Oyingcwele ke sisazisi sethu. Uyinto esibonakalisayo ukuba singaMakristu. Hayi ubulungu bethu ezinkonzweni, hayi indlela yokuqonda kwethu iBhayibhile, hayi ukuba wazi kangakanani na ngeBhayibhile. Kukuba wazi kangakanani na ngoMbhali wayo, ‘yabona, uphila kangakanani na uMbhali kuwe. Kukuba ubuwena—ubuwena bumke. Awusekho. Uzibalela ekubeni ufile, uMqondiso ke nguwo ophila kuwe. Ibe Ingebobomi bakho; InguYe.

107 UPawulos wathi, “Ubomi endibudlayo ngoku.” Wayephila ubomi obahlukileyo kowayenabo ngaphambili. “Ayisendim, koko nguKristu ophila kum.” Ngulowo ke uMqondiso oqondakalisiweyo awubizayo uThixo. Sibandakanywe nelethu. . . Ukubandakanywa neDini lethu, uBomi boMsindisi wethu bukuthi, uMoya Oyingcwele.

108 Owu, ngu—ngumqondiso oqiniseke kanjani! Akusenakubakho Mqondiso ungomnye. Owu, Nkosi, ukuba ninokuyifumana nje i—ingcinga yoku. Ukuba bendi—bendinamandla kusanje, namazwi, wokugxininisa nokubeka ngaphakathi kumphefumlo wenu ongaphakathi; hayi iindlebe zenu, koko umphefumlo wenu, be—beniyakulibona ithemba laWo. U—uthabatha, Ukwenza uphumle ngolona hlobo.

109 Bekuyakuba njani ukuba wena, ubuwenze ityala, uzakutshutshiswa kwinkundla yomdibaniso. Usazi ke ukuba, ukuba ufunyaniswe unetyala, ubuyakufa, ubusiya kwisitulo sombane, okanye igumbi lomoya otsarhayo igesi, okanye nakuphi na ukubulawela esidlangaleni abebeyakunikona kona, okanye uxhonywe, okanye into enjalo, ugwintwe, nokuba besiyakuba yintoni na isigwebo. Ube usazi ukuba

u...Unetyala. Ube usazi ukuba ubunetyala kwaye ufanele ukuba ufe ukuba akukho mmeli uthile ukumelayo, onokukukhupha kuloo nto. Ngoko ke ubuyakufuna elona gqwetha lingummeli othembekileyo unokulifumana.

<sup>110</sup> Wakufumana igqwetha elilungileyo ke, elilumkileyo, ubuyakuva ngathi ityala lakho lincinane...ubuyakuphumla kancinane, ngokuba unaye ummeli. Kodwa bekuseza kubabakho umbuzo wokuba ingaba eli gqwetha lakuyitshintsha na imbono yejaji, okanye lakusijika na isigqeba senkundla; ukuba eli gqwetha nako konke ukuthetha ngobuqili nokwazi umthetho kwalo, linokuyiguqula loo nto, lilithethelele ityala lakho libonakalise ukuba—ukuba umele ukuba uphile. Kodwa nangoko, kulo lo—lonke igunya lalo elikhulu nentetho yalo enkulu elinokuyenza, nomdla elinokuwufaka kwisigqeba senkundla okanye kumgwebi, u—ubu—ubu...Mhlawumbi ubuyakuziva uphumle okwemizuzu embalwa kodwa nangoko bekuyakubakho umbuzo engqondweni yakho, “Linganako ukwenza njalo?”

<sup>111</sup> Kodwa kule imeko, yokuba iJaji ngokwaYo iba liGqwetha lethu. UThixo waba ngumntu. Kwakungekho gqwetha linokuyenza loo nto. Sasingenakufumana mntu, uMoses, noMthetho, nabaprofethi, akukho nto yayinokuyenza. Ngoko ke iJaji yaba kuko kokubini iSigqeba senkundla, iGqwetha, kwaneJaji, ngokwaYo; yathabathela ubulungisa boMthetho waYo kwizandla zaYo Buqu, yalihlawula ixabiso labo, ngokwaYo. Singaba ngabakhuseleke ngokukhulu kangakanani? Yaza yathumela uBomi baYo Buqu phezu kwethu, njengobungqina bokuba ulamkele. Ngokukhuseleke kangakanani!

<sup>112</sup> “Ewe, nokuba ndihamba emfuleni wethunzi lokufa, andiyikoyika bubu, ngokuba unam Wena.”

<sup>113</sup> Wathi akuba kuko kokubini uMgwebi, neSigqeba, no—noMmeli, Walithetha ityala lethu. Thina, sifunyaniswe sinetyala nguMthetho waKhe Buqu, waza weza wathabatha indawo yomntu onetyala, kwakukwindawo engcwele ke apho. Wathabatha isono sakhe. Wasithabathela kuYe, wafa, walihlawula ixabiso, waphalaza iGazi laKhe, waza wanikela endaweni yoko uMqondiso waKhe Buqu, uBomi baKhe Buqu.

<sup>114</sup> Ngoko, sigqibelele. Ityala lichithiwe. Akusekho sono kokholwayo. Owu Thixo, yiba nenceba, ukuba abantu abanakuyibona loo nto, ukuba akusekho tyala. “Lowo uwavayo amaZwi aM akholwe kuLowo waNdithumayo, ubuBomi obunguNaphakade, akezi ekuGwetyweni, uphume ekufeni wangena eBomini.” Nalo ke ityala. Ityala lichithiwe! Akusekho tyala kuloo nto. Amen! Ngoko, ngokukhuseleka, ngokukhuseleka noMqondiso uqatywe, xa ukufa kuqalisa ukubetha elucangweni phaya, akunalulawulo. 'Yabona? Ewe.

115 IGazi liqatyawe. Ngumqondiso kuphela into eyamkelekayo ngoku. 'Yabona, Wakwenza oko khon'ukuze uMqondiso ube nokuza. UMqondiso wawubuBomi bukaThixo.

116 Wathi uThixo akuba emenzile umntu wokuqala, Wamenza waba ngunyana. Unyana ke wayonakele kangangokuba aphulaphule inkosikazi yakhe endaweni kaThixo, umfazi ke waphulaphula uSathana endaweni yomyeni wakhe, kwathi, bakwenza njalo, yayinto eyonakele kakhulu seyiyonke, yade yezisa ungcoliseko. Wayesazi ke, ukuba bakuthi bakube benze njalo, kwakufanela ukuba bazise abantwana emhlabeni. Isiqhamo esasiphakathi emthini sasingafanele kuchukunyiswa, kwaze ngoko, kwathi kwakwenziwa njalo, bazihlisela esi sono. Lwase ngoko lonke uhlagna loluntu, elazalwayo, lalisesonweni. Nako ke, kungekho ndlela yakuphuma kuso.

117 Waze wehla uThixo. Inye kuphela indlela yokumbuyisela; kukuzifumanela omnye uNyana kwakhona. Ngoku ke anganokuyenza loo nto, ngoku uMthetho waKhe Buqu wawume phaya usithi u“gwetyiwe”? Ngoku uBawo ngokwaKhe waba ngomnye wethu. LiXhwane lokwenene ke elo. Yinjongo yaKhe leyo awayenayo engqondweni.

118 Kungeso sizathu iMvana yabandakanywayo eMyezweni wase-Eden, esazi ukuba iMvana neHobe zaziyakuhlangana ngexesha elithile, apho iyakube iMvana ikunye neHobe. Kwakusekwazini kwaKhe, ngenxa yoko, ukuba sinokuba kunye sonke kwakhona. Wakukhuthalela ngoko ukwenza oko kuzinikela kunjalo, ngoku, ngokokuze uMqondiso ube nokuqatywa, ukuze singabi saba ngabasemzini, asisezizo iindwendwe, koko singonyana neentombi bakaThixo. Bobabini u-Adam no-Eva, umfazi kwanendoda, behlangene, bangoonyana neentombi zikaThixo, kuKristu Yesu, ngedini laKhe elikhulu.

119 Ke, ngoko, ngokokuze kungabikho mpazamo! Imbewu yobu bomi kufanele ukuba ityalwe emhlabeni, eyalo mzimba uyi—uyimbewu etshabalalayo nobomi, ukuba bububomi obugqwethekileyo obusembewini, butshabalala nembewu. Kodwa Wabeka uBomi obunguNaphakade kuyo wayazisa ngokuthi yeyaKhe Buqu nokuba eluvukweni uyakuyivusa kwakhona, ayisayi kulahleka. Niyayibona into endiythethayo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

120 Nantso ke, ayinakutshabalala ngoku. UBomi buphumle phezu kwayo. BunguMqondiso uphezu kwaloo mzimba mncinci, uphumle phezu kwaloo mphefumlo womntu. Kukho uMqondiso phezu kwawo, uMoya Oyingcwele, wokuba ngokaThixo. NgowaKhe. “Xa Ndibona uMqondiso, Ndiyakudlula kuni.” UMqondiso oqinisekileyo, uMoya Oyingcwele nguye uMqondiso wethu. Ngoko ke, wakuwamkela

uMoya Oyingcwele, udlule ekufeni wangena eBomini. Uyiloo nto kuphela ke, kuba uBomi bukuwe. Awusenakutshabalala kwakhona.

<sup>121</sup> IBhayibhile yathi, “Lowo uzelweyo nguThixo akenzi sono, ngokuba engena kona, kuba iMbewu kaThixo,” amen, “iMbewu kaThixo ihleli kuye.” Angona kanjani phofu xa uThixo ongenasono ehleli kuye? Ngoku anguThixo ongenasono, angona kanjani? Akunamsenzi nokuba wayenze ntoni na, iGazi limqumile. ‘Yabona? Usisidalwa esitsha ngoku. Iinjongo zakhe neminqweno yakhe yeyeZulu, ngokuba etshintshile ekubeni yinto efana nengqolowa waba yingqolowa. Iminqweno yakhe ayisafani nokuba yayinjalo ngaphambili, kwaye uyayibonakalisa loo nto.

<sup>122</sup> Uthi ke, “Owu, ndiyayikholelwa loo Nto.” Ube usona? Hayi khona! Ulahlekisiwe. ‘Yabona? Abunakubonakalisa nto yimbi ingenguwo uMqondiso.

<sup>123</sup> USirayeli wayeyalelwe ukuba ahlale ngaphantsi kwegazi de imiyalelo yokuba ahambe ifike. “Musa ukuphuma ngaphantsi kwawo!” Bathi bakuba phantsi komqondiso kwaba kanye, batywinelwa apho. “Musani ukuwushiya!” Bahlala apho zade zabetha inzulu zobusuku akhala amaxilongo. Athi akukhala amaxilongo zaqala ukubhabha iimpondo zezo nkunzi, elowo nalowo wamatsha nomphako wakhe, besiya ezweni ledinga.

<sup>124</sup> Yenza ngokunjalo nendoda okanye umfazi ozaliswe nguMoya Oyingcwele, utywinelwe kude, ukhuselekile kuko, konke ukwenzakala nengozi. Ubomi bakhe bonke bubonakalisa ukuba unjalo, naphina apho ahamba khona, kuwo nawuphi na umcimbi awenzayo, nakubani na athetha naye. Uthi akuhlangana nabafazi, akuhlangana neemanyano, akuhlangana nayo yonke into, lo Mqondiso uhleli apho. Amen! Xa kufika ekufeni, “Andisayikoyika bubi, ngokuba unam Wena,” laa Mqondiso uhleli apho. Xa kufika kuvuko, uyakuba lapho, ngokuba uThixo uyakumvusa ngomhla wokugqibela. Watsho uYesu! “Xa Ndiiboana iGazi, uMqondiso, Ndiyakudlula kuni.” Whowu!

<sup>125</sup> Khumbula, ukuba ukuba laa mqondiso wawunganekwanga, umqophiso ngokwawo wawuyakutshitshiswa. Kunjalo umqondiso wawutshitshiswa. Kwakungeko—kwakungekho mnqophiso okoko nje laa mqondiso wawungekho. Umqondiso wawumele umnqophiso. UThixo wenza umnqophiso kunye nabo, ewe, mhlekazi, kodwa umqondiso kwakufuneka ukho. Wawungasebenzi, umnqophiso wawungenako, ngaphandle kokuba ube umqondiso wawukho.

<sup>126</sup> Inokuba ayemaninzi amaYuda awayenokuthi, “Yiza apha! Andinagazi mna kowam umnyango, kodwa kukho into endifuna ukukubonisa yona, ndingumYuda owalukileyo.

Ndalukile.” Loo nto yayingathethi *nakangaka*. [UMzalwana uBranham uqhvakrazisa umnwe]. “Xa Ndibona Igazi! Xa Ndibona umqondiso!”

<sup>127</sup> Usenokuthi, “NdingumBhaptizi, umRhabe, umWisile,” okanye nantoni na ofuna ukuba yiyo.

Kodwa, “Xa Ndiboana uMqondiso!”

<sup>128</sup> Uthi, “Ndilikholwa. Umntakwethu wayelilungu lale nkonzo. Utata wayelilungu lale nkonzo. Oko ndabalilungu phaya ukusukela ndisengumntwana.” Loo nto ayithethi *nakangaka*. [UMzalwana uBranham uqhvakrazisa umnwe]. “Andixoki, andibi. Andikwenzi *oku*. A. . .” Loo nto ayithethi *nakangaka*. [UMzalwana uBranham uqhvakrazisa umnwe—Mhl.] “NdingowakuMnquba kaBranham. Ndenza *oku*, *noku*, okanye *okunye*. Ndilikholelwa lonke iLizwi.”

Laa maYuda ayenokuthi, “Ndiyakholwa kuYehova!”

<sup>129</sup> Laliwuphulaphule uMyalezo weyure, ukuba lalenze njalo. Ngokuqinisekileyo! Ayenemiyalezo emininzi, kodwa yayingulo uMyalezo waloo yure. 'Yabona? Ndiyakholwa kuMyalezo weyure. Ewe, igazi laliqatywa ngexa langokuhlwa.

Anokuba ayesithi, “Mna, ndingumYuda.”

<sup>130</sup> Abantu bathi namhlanje, “NdinguMkristu, ndingakubonisa ikhadi lam elide lobulungu. Ndifuna ukhe undixelele ukuba ndakhe ndeba ntoni phi na, apho ndakhe ndakwinkundla zomthetho khona. Ndibonise apho ndakhe ndakrexeza khona. Andizange ndizenze zonke ezi zinto, okanye into elolo hlobo. Ndibonise indawo ibenye.” Loo nto ayithethi nto konke ngoku. Hayi, hayi. 'Yabona, akunamsebenzi nokuba lalingumnqophiso kangakanani na, umqondiso awubi nasiqhamo. Awusebenzi.

Uthi wena, “Hayi, ndisisifundiswa seBhayibhile.”

<sup>131</sup> Andikhathali nokuba uyintoni na. Ngaphandle kwalaa mnqophiso, ingqumbo kaThixo ihleli phezu kwakho. 'Yabona? Kunjalo. Ibambene nawe. Ewe. “Izono zakho ziyakukufumana.” Esiphi isono? Ukungakholwa. Awukholwanga nguMyalezo. Awukholwanga liLizwi. Awukholwanga bubungqina boMqondiso, ngokwaWo, ngoku Uzibonakalise ngokwaWo phakathi kwethu. Awukholwanga Koko ke? Akukhathaliseki nokuba awukholwanga kangakanani na nguWo, Unyanzelekile ukuba uqatywe.

<sup>132</sup> Usenokuthi, “Ndiyakholwa kuWo. Ndiyakholwa kuWo. Ndiyakholwa ukuba UyiNyaniso. NdiyaWamkela njengeNyaniso.” Ngoko ilungile yonke loo nto, kodwa nangoko Ufanelwe ukuba uqatywe ubonakale.

<sup>133</sup> Ngoba, lo mYuda mnye wayeme apho, ezamisa igazi, ngelithuba ixhwane lalisopha, esithi, “NguYehova lo.”

<sup>134</sup> Kwabe kumi umbingleleli phaya, esithi, “Ewe, mhlekazi, ndiyakholwa ukuba yinyaniso leyo,” kodwa kweyakhe indlu lalingaqatywanga. Akafuni kuzibandakanya phaya phandle nelaa qela; hayi, mhlekazi, kwaba bantu bayibaxayo banegazi ecangweni. Akasifuni eso sibonakaliso. Akukhathaliseki nokuba wayengumbingeleli kangakanani na, nokuba wayelazi kangakanani na iLizwi, wayekhuliswe kakuhle kangakanani na, injani na imisebenzi awayenzayo, wawapha kangakanani na amahlwempu, nokuba wanikela kangakanani na!

<sup>135</sup> UPawulos wathi, “Ndinganikela umzimba wam ukuba utshiswe, ngokwedini; ndinikele ngento yonke endinayo ukuze kondliwe amahlwempu; ndinokholo lokususa iintaba, njalonjalo; ndithetha ngeelwimi, njengabantu neengelosi; nazo zonke ezinye izinto ezi,” waphinda wathi, “andinto yanto ude uMqondiso ube uqatywe. Kude kubekho loMqondiso!” Ndithetha ngaloo nto ngokuhlwanje, uthando. ‘Yabona? “Ngoku, kude oku kube kusetyenzisiwe, akukho nto indim.” ‘Yabona?

<sup>136</sup> Andikhathali, usenokuba wazikhupha iidemon. Usenokuba wabaphilisa abagulayo ngomthandazo wakho wokholo. Usenokuba wazenza zonke ezi zinto. Kodwa ukuba awukho laa Mqondiso, uphantsi kwengqumbo kaThixo. Usenokuba likholwa. Usenokuma epulpitini uyishumayele iVangeli. “Baninzi abayakuza kuM ngaloo mini, bathi, ‘Nkosi, Nkosi, andizange ndiprofethe eGameni laKho na, ndashumayela ngeGama laKho? Andizange ndikhuphe iidemon ngeGama laKho?” Ngawo omabini amaWisile namaBhaptizi, nabeenkonzo zikaMoya abo. UYesu wathi, “Mkani kuM, nina basebenzi bobugqwetha. Andizange ndinazi nokunazi.”

<sup>137</sup> “Kodwa xa Ndibona uMqondiso, Ndiyakudlula kuni.” Yimfuno kaThixo yale yure leyo. UMyalezo wexa langokuhlwa, kukubekwa kuqatywe uMqondiso.

<sup>138</sup> USathana ujule zonke iintlobo zeenkohliso azifanisayo, zokubambana ngezandla, nobungqina, nayo yonke into enjalo. Yilibale! Iyure ifikile yokuba uMqondiso, ngokwaWo; hayi inkohliso efanayo ethile, ukholo lokuzenzisa, elisisibambiso, nayo nantoni na.

<sup>139</sup> Iyure ingoku apho uMqondiso Buqu uZibonakalisayo ngokwaWo phakathi kwethu, ubonakalisa ukuba Usengulaa Yesu mnye izolo namhla, nangonaphakade, kwaye UseLizwini kanye. Kunyanzelekile ukuba uqatywe ubekwe. Indoda ethi inoMqondiso, iliphike iLizwi, ngoko kuthiweni ngayo? Awunakuyenza loo nto. UMqondiso ufanele ukubakho. “Xa Ndi...Igazi loba ngumqondiso kuni.” Ngoku uMoya Oyingcwele, uBomi obuya babuseGazini, unguMqondiso kuni. Sizakufika kuyo emzuzwini nje, ‘yabona. UMoya Oyingcwele unguMqondiso. Ityala livaliwe. Ewe, mhlekazi. Ngoku, khumbula. Ndaye ndi. . .

140 Akukhathaliseki nokuba uyintoni na, ulunge kangakanani na, *uxhume usihla unyuka* amaxesha amangaphi na, zingaphi na iicawe ozijoyinileyo, zingaphi na izinto ezilungileyo ozenzileyo, ayisayi kuthetha kwanto loo nto kuwe ukuba uMqondiso awuqatywanga wabonakaliswa. Lilixa langokuhlwa eli. Loo nto yayisebenza ngemihla kaLuther, loo nto yayisebenza ngemihla kaWesley, kodwa ayisebenzi ngoku. Hayi.

141 Ewe, ukugcinwa kwexhwane kwakulungile ngoko. Abo ke bafa ngoko phambi kokuba ixhwane libe liqatyiwe, igazi, kwakwahlukile. Ewe, mhlekazi. Baqhubela phambili ngoko ngenxa yesazela esilungileyo. Babeza kugwetywa ngokuba babe-babenjalo na. . .

142 Ukuba babenyulwe kwangaphambili, yayibathela thaa. Ukuba yayingenzi njalo, yayingenzi njalo. Yiloo nto qha. NguThixo nje kuphela. “U—Uyamgwebela lowo Afunayo, abencebaba kulowo Athandayo.” UnguThixo. Yiloo nto qha. “Unencebaba kulowo Athanda ukuba nencebaba kuye, Amgwebela lowo Athanda ukumgwebela.”

143 UmYuda wayenokubonakalisa ngokucacileyo, ngolwaluko, ukuba ulikholwa.

144 Baninzi abantu, ababalulekileyo abaziyo, abanokuthatha le Bhayibhile bathi, “Ndilikholwa, ke uYesu wathi ‘kungokholo’ ukusindiswa kwethu. Nam ke ndilikholwa, kodwa olo bhaptizo lukaMoya Oyingcwele yimfeketho.” Ngoko ke uMqondiso awuqatywanga. Nokuba, ukholwa kangakanani na, lutshitshisiwe.

145 Kanye njengolwaluko lomYuda. Uthi, “NdingumYuda. Kutheni kufuneka ndide ndiphume phaya phandle ndenze njengela qela labayibaxayo?”

146 UMoses wayemile, enyuka esihla ngezitrato, esithi, “Umyalezo wexa langokuhlwa ulapha! Kuyakwenzeka, ekupheleni kwale mihla ilishumi elinesine, ukuba niyakuhlanganisana nixhele ixhwane. Lilixhele lonke ibandla lakwaSirayeli, libeka izandla zalo phezu kwalo, lizibandakanya nalo. Igazi ke liyakudyojwa emgubasini, naphezu komqadi womnyango, ukuze, ‘Xa Ndibona igazi, Ndiyakudlula kuni, kuba lingumqondiso wokuba nikwamkele ukufa kwexhwane eNdinibonelele ngalo.’” Igazi lalinguMqondiso.

147 Ngoku nguMoya uMqondiso. “Niyakuzaliswa ngoMoya Oyingcwele kungekabi kade ukusukela kwezi ntso.” Lathi ke lakuphalazwa iGazi, uMqondiso wathunyelwa wehla ngoMhla wePentekoste, njengomoya, ovuthuza ngamandla.

148 Wawungumxholo wakhe wonke umpostile. Wawukukuthi, “Namamkela na uMoya Oyingcwele nakholwayo nje? Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu

Kristu ukuze nixolelwe izono, naye niyakwamkela isipho soMoya Oyingcwele, kuba nguwo uMqondiso, amen, wokuba niphumile ekufeni nangena eBomi.” Nantso ke. Xa ezaa Ntla . . . Ibandla lamaYuda lanyamalala laphela, zaza iiNtlanga zalithabatha, noko kugqwethwa kulolo hlobo; ngoku liphumile, ukuya kufuna amasalela eeNtlanga, ngenxa yeGama laKhe, uMtshakazi.

149 Niyayibona into endithetha yona? Niyayibona into esithetha ngayo iSibhalo apha? Ukuba uMqondiso wawunganekwanga, ngoko umnqophiso wawungenakusebenza. 'Yabona? Ufanele ukuba ubekho. Ngokuba, ukuba uthi uyakholwa, ube ungayilandele imiyalelo yeLizwi, ngoko ke awukholwa. 'Yabona? Nangona walukile, nangona ujoyinile, nangona ubhaptiziwe kananjalo, uzenze zonke izinto ezinjalo; nangoko ayikabi ngoMqondiso lowo, onguMoya Oyingcwele.

150 Esi sifundiswa sichubekileyo saqhubela phambili sithetha nam, njengokuba bendisitsho kumzuzwana odlulileyo. Sathi, “Billy,” sathi, “U-Abraham wakholwa kuThixo, kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni kuye. Yintoni enye eyayinokwenziwa yiloo ndoda ngaphandle kokukholwa kuloo nto?”

151 Ndathi, “Yinyaniso leyo, gqirha. Injalo. Wakholwa kuThixo. Yatsho iBhayibhile. Unyanisile. Ngokokuhamba osele ukuhambile, unyanisile.”

152 Okwethuba i-i-iintlola ezilishumi elinambini, ezazithunyelwe ngaphaya ukuya kuhlola ilizwe laseKanana, okwelothuba zazisiya phambili ngaseKanana, zazisiya ziba semgangathweni; kodwa zathi zakufika emdeni, ngoko zaqala ukwala.

153 Ndathi, “Nina maBhaptizi ninyanisile, ekuzeni kwenu, kodwa namamkela na uMoya Oyingcwele nakholwayo nje?” Ndathi, “Khumbula, uThixo walwamkela ukhoho luka Abraham. Wa-wakholwa kuThixo, kwaza kwabalelwa ebulungiseni oko kuye, yinyaniso leyo, kodwa emva koko uThixo wamnika itywina lolwaluko, njengophawu, uphawu kuye.” Ingekuko ukuthi inyama yakhe, eyalusiweyo, yayinento yokwenza nomphfumlo wakhe, kodwa yayiluphawu lokuba Yena sele (uThixo sele) elwamkele ukhoho lwakhe.

154 Usipha uphawu ke nathi, olukaMoya Oyingcwele, wokuba Usamkele njengamakholwa. Kuba, “Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya Oyingcwele. Kuba idinga likuni!”

155 Niyawufumana umxholo ngoku. AmaYuda, nokokuba ayenokukubonakalisa kangakanani na ukuba ayalukile, kodwa umqondiso kwakufuneka ubonakalisiwe. Ukuba wawungekho, umnqophiso wawungasebenzi. Wawungeke.



156 Iseyiloo nto, nangoku. Nokokuba wenza ntoni na, nokokuba uyakwazi—uyakwazi ukuyicacisa iBhayibhile. Usenokuba ungumfundi weBhayibhile. Owu, madoda! Useno—usenokuthi, “Ndilikholwa, nayo yonke into.” Kodwa nangoko uMqondiso uyafunwa. Umfundi weBhayibhile, uthi, “Ndandingumntu olungileyo, Mzalwan’uBranham.”

157 “Andikhathali nokuba ngubani othini na, awunakuyidlula laa ndoda. Andizange ndayibona isenza into embi ebomini bam.” Loo nto ayinako *nakangaka* ukuba nento yokwenza noThixo. [UMzalwana uBranham uqhwaqrazisa umnwe]. Inye kuphela into eyimfuneko, yiloo nto kuphela ke!

158 Awunakuyenza loo nto ke. Awunakubeka igazi emqadini womnyango, apho, akunakubakho mqondiso ngaphandle kokuba ixhwane libe lifile. Igazi ke laliluphawu lokuba ixhwane lalifile. Hayi ukwenza nje ngathi uyakholwa; ixhwane lafa!

159 UMoya Oyingewele ke unguMqondiso oqinisekileyo wokuba ixhwane lakho lafa nokuba uwamkele uMqondiso phezu kwakho, kuba uBomi baKhe buqu bukuwe. ‘Yabona? Akukho kuzenza ngathi uyakholwa. Akukho kuzenzisa. Akukho kulinganisa. Bukhona! Uyayazi loo nto. Uyayazi loo nto. Ihlabathi liyayazi loo nto. UMqondiso ukhona.

160 Kwakungakhathaliseki nokuba umntu wayelunge kangakanani na. Yayisenokuba ngumfundi weBhayibhile. Isenokuba li...Isenokuba lilo naluphi na uhlobo lwe—lwelungu lenkonzo e—elilungileyo. Isenokuba ngumntu olungileyo. Isenokuba yintloko yehlelo. Isenokuba ngo—ngowesifundisi saseRoma. A—andazi nokuba ngubani na, akwenzi—akwenzi kwanto oko.

161 Kodwa, uSirayeli, nawuphi na umfundi weBhayibhile uyazi ukuba uSirayeli wayengumzekeliso weBandla, kanye, esiya kwilizwe ledinga. Likuhambo oluya khona ke.

162 Kodwa lakufika ixesha langokuhlwa, uhambo lwaluqhubeka, yayinye kuphela ke into eyayimfuneko epheleleyo. Akukhathaliseki nokuba wayeliJuda kangakanani na, wayesigcina kakuhle kangakanani na isivuno sakhe, ebakhathalele kangakanani na abamelwane, kungakanani na awakwenzayo, ebelilungu elilunge kangakanani na, zingakanani na izishumi awazikhuphayo. Zonke ezi zinto zazilungile. Yayintle loo nto. Wayeyindoda elungileyo, esamkeleka phakathi kwabantu bakowabo, njengendoda elilungisa. Kodwa ngaphandle komqondiso, wegazi, wayetshabalala.

163 Owu, wanga uThixo angandineda, kokubini ngoku nasemakhasethini, ukuba ndiyibethelele loo nto!

164 Akunamsebenzi, usenokuba wayishumayela iVangeli, usenokuba wazikhupha iidemon, usenokuba wathetha ngeelwimi, usenokuba wakhwaza, waxhentsa ukuMoya, kodwa ngaphandle koMqondiso.

Uthi, “Ndingayenza loo nto?”

165 UPawulos wathi ungayenza. “Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezezithunywa zezulu, ndingafanelana ndisamkelisa amahlwempu ngempahla yam yonke, nokuba ndithe umzimba wam mawutshiswe njengedini, ndinganokholo lokususa iintaba, nazo zonke ezi zinto, andinto yanto nangoko.” Musa ukuthembela ngaloo nto. NguMqondiso ofunekayo! Akukhathaliseki nokuba wenze okungakanani na, ulunge kangakanani na; wakulanyaza umsindo kaThixo, uyakuqaphela uMqondiso kuphela.

166 Ngumqondiso wokuba ixabiso selihlawulwe, elo belifuneka. Ixabiso elahlawulwayo ke yayibuBomi bukaYesu Kristu, wanikela ngoBomi baKhe. UMoya waKhe ke uhla phezu kwethu, njengoMqondiso wokuba wamkeliwe. Uwthwala apho kuwe ke uMqondiso, ubusuku nemini, hayi ngeCawe. Kuba ngamaxesha, apho ubanawo uMqondiso. Xa Ndi . . . Igazi loba ngumqondiso kuni.”

167 Uthi, “Ndisakholwa. Ndilikholwa.” Ilungile loo nto. Kodwa ukuba uyawala uMqondiso, ngoko uyakuba likholwa njani? Uthetha ngokuchaseneyo nawe., 'Yabona, uthetha ngokuchaseneyo nobungqina bakho, obenzayo.

168 Abafundi beBhayibhile, umntu olungileyo, amalungu enkonzo, nantoni na oyiyo, ayithethi nto. Ewe, mhlekazi. Mhlawumbi utata wakho ungumshumayeli. Mhlawumbi u—umama wakho uyingcwele. Mahla . . . Ilungile loo nto, bayakuziphendulela ngokwabo. Njengokuba benditshilo, bazama . . .

169 Abantu bazama ukwenza uThixo abe ngutatomkhulu othile omkhulu, otyebileyo, omdala, onobubele, 'yabona, oneqela labazukulwana, abanjengoRickana noo-Elvis abancinane kanye, kwaye “Akukho ngozi kubo.”

170 Hayi uThixo! Akanabazukulwana. UnguYise. Kunyanzelekile ukuba uzalwe ngokutsha! Akangomntu mkhulu uthambileyo unothando olukhulu.

171 UnguThixo womgwebo. IBhayibhile ithetha ngokuba Unguye. Ingqumbo yaKhe inoburhalarhume iyoyikeka. Ungaze uWunyathelele phantsi uthembe ukuba ukulunga kukaThixo kuyakukuthabatha ngamini ithile, esonweni sakho, kukuthabathe kukuse eZulwini. Ukuba Wayenokuyenza lo nto, kungafuneka Axolele konke okulapha, abe wamthabatha u-Eva. Uyakukholwa liLizwi laKhe, okanye uyakuba . . . uyakutshabalala. Wakukholwa liLizwi laKhe ke, uMqondiso uyakuba phezu kwakho. He-h.

172 Ukufa kwasekulungele ukyibetha iYiphutha ngobo busuku, naxesha nini na. Yayilixesha eloyikekayo; zonke iinkonzo zabo ezizodwa, yonke imihla yabo yezidlo, neentsuku zabo zokuzila.

173 UThixo wayebandwendwele. UThixo wayeyibonakalisile yonke imiqondiso yaKhe emikhulu nezimanga phakathi kwabo. Yintoni leyo? Ngoku yima umzuzwana. UThixo wayebabonise inceba yaKhe. Wayebanikile ithuba.

174 BabengenakuLala, bathi, “Owu, akukho nto iyiloo nto. Yimfeketho. Yinto nje elapha phezulu ezingxangxasini, kwakukho ugqabhuko-dubulo lo-lodaka olubomvu olwaphumayo, yayiloo nto eyenza ulwandle lube bomvu.” Kwaza kwafika isiphango, kwaphinda kwafika amasele. UThixo wayelungise indawo, wabeka iLizwi laKhe emlonjeni womprofethi. Into ke awayithethayo, yenzeka, baze bayibona. Babengenakuyikhanyela.

175 Into uMoses awayibizayo, yiloo nto uMoses awayifumanayo, kuThixo, kuba wayethetha kuphela iLizwi likaThixo. Wathi, “Ndizakunenzala uthixo.” UMoses wayenguthixo kubo. ‘Yabona? Babengawazi umahluko, ngoko ke Wathi “Uyakuba nguthixo wena, u-Aron uyakuba ngumprofethi wakho. ‘Yabona, uyakuba njengothixo, ngokuba Ndiyakukuthabatha, izwi lakho, Ndize Ndidale ngawe. Ndaye Ndiyakuthetha, nabantu abanakuyikhanyela lo nto, kuba yiyo leyo kanye apho. Into oyithethileyo, iyakwenzeka.” Owu, bethu! Nantso ke. “Ndizakukubonisa ezo zinto.” Who-wu! IYiphutha ke yayibona. Bayibona kanye phambi kokuba kube lilixa langokuhlwa, okanye kanye nje ngexesha langokuhlwa.

176 Wababonisa ukulunga kwaKhe. Wabonisa ukuba Wayenokuyisusa, aphilise.

177 Abenzi bemilingo babenokwenza kanye loo nto nabo, abalingansi. Basoloko bekho. Kwakukho uYanes noYambres, babemi apho. Kodwa kwathi kwakufika kwinto yokwenene, babengenayo. Kunjalo. Babelandela, okomzuzwana omncinane. Kodwa emva komzuzwana, ubudenge babo babonakaliswa.

178 Ayitsho ke iBhayibhile ukuba kuyakwenzeka kwaloo nto ngemihla yokugqibela, “njengokuba uYanes noYambres bamelana noMoses”? Kodwa ubudenge babo babonakaliswa, nangoku ke kuyakuba njalo kwakhona. ‘Yabona? Nantso ke, abantu abanengqondo ezijikekileyo, abalahliweyo ngokusi ngisele kwiNyaniso, into eYiyo. Banganawo amabandla nezinto ezinkulu, nezinto ezinkulu ezineentyatyambo, ezinkulu, eziphakamileyo, kodwa ekugqibeleni iyure iyakufika.

179 Yima ngokuzolileyo kunye noMqondiso! Yiloo nto ayifuna ukuba siyenze uThixo. Ukubambelela kwiLizwi laKhe. Singesuki kuLo. Sihlale naLo kanye. IBhayibhile yatsho.

180 Ukufa kwakubetha. UThixo wayebenzele inceba, wabonisa amandla nezimanga.

181 Ngoku makhe sime umzuzu nje nokuba mibini, kulaa wotshi iphaya. Makhe sicinge nje ezingqondweni zethu, emva, kwinto Awayithembisayo ukuba iyakwenzeka ngemihla yokugqibela. Ingaba mhlawumbi asisondelanga ekuhlolweni, nathi, 'yabona?

182 Wazenza zonke ezo zinto, kodwa nangoko babengekanqweneli kuguquka, okanye ukukholwa kumyalezo waloo mhla. Babengekafuni kuyenza loo nto, nangona yayibonakaliswe phambi kwabo, yaze yenziwa yaziwa ngokuqinisekileyo.

183 Xa ke ubona izinto ezinjalo zisenzeka, ziluphawu lomgwebo ozayo. Umgwebo uyakuzilandela ezo zinto. Wasoloko usenza njalo, nale ke ayikuba yeyahlukileyo. 'Yabona? Umgwebo ulandela inceba. Xa inceba itshikilelwe, akusekho nto iseleyo ngumgwebo kuphela. Ngoko usoloko uyilandela.

184 Ngoku, lo mboniso. Konke ukwenzeka okukokomoya kuluphawu oluvela kuThixo. Lumka. Kuqaphele, 'yabona. Khangela, konke kwenzeka okukokomoya, yonke into eyenzekayo, iluphawu. Asikho ngebhaqo apha. Ezi zinto azenzeki nje ngebhaqo. Luphawu. Luphawu, loku—lokufumana ukhuseleko, ngokukhawuleza. UNowa wayeluphawu kwisizukulwana sakhe; u-Eliya wayeluphawu kwesakhe; uYohane wayeluphawu kwesakhe. 'Yabona? Yonke into, uMyalezo weyure, uluphawu. Wukhangele, yijonge into Oyenzayo. 'Yabona? Uluphawu. Yonke into inentsingiselo.

185 Kwaye akukho xesha lilelinye apho lalinokubakho ngalo oluhlobo loMyalezo. Wawungenakufika ngomhla kaLuther, wawungenakufika ngomhla kaWesley, wawungenakufika nangomhla weenkonzozo zikaMoya. Wawungenakuyenza loo nto. 'Yabona? Akuzange... kubekho nto injalo yenzekayo, kodwa ke nangoko sasithenjisiwe eBhayibhileni. 'Yabona? Sisekupheleni. Akukho nto yimbi ibinokwenzeka, yayingenakwenzeka kude kube leli xesha. Kwaye yenzeka khon'ukuze ibe luphawu. Ingaba yintoni uphawu bethu?

186 Owu, bantu bancinane, mzalwana wam, dade, ngena ngaphantsi koMqondiso, ngokukhawuleza. 'Yabona? Musa, musa ukuthabatha nasiphi na isibambiso. Musa, musa, musa, ungakhe uyenze loo nto. 'Yabona? Musa ukuYiqikelela nje. Hlala apho kanye ude wazi ukuba uMqondiso usetyenzisiwe, ide (konke okwakho) ingcinga eyayikuKristu ibe kuwe, ide yonke imfeketho yehlabathi ibe imkile, 'yabona, ude wonke

umnqweno wentliziyo ube ukuYe. 'Yabona? Ukuze, ngoko, wazi, wazi ngoko ukuba kukho into eyenzekileyo. UYesu wathi, "Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo," hayi abazenza abakholwayo, koko abakholwayo. 'Yabona? Ngoku, asifuni konke ukuthetha, ukuyilinga; kufuneka ungayenzi loo nto.

<sup>187</sup> UMyalezo weyure uluphawu oluya emabandleni. Uluphawu oluya ebantwini. Ningakhe... niya, niyayifumana? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ndiyethemba, ukuba nasekhasethini, benza kwa into enye, 'yabona, nakwezinye iindawo zomhlaba. 'Yabona, umqondiso weyure ulapha. Ukho uMqondiso ekufuneka uqatyiwe, yaye akukho xesha limbi Wawunokuza ngalo.

<sup>188</sup> Kuqaphele ukulungiselela kukaThixo eloo xesha. Ngoku, njengokuba sisazi ukuba iBhayibhile yathi, "Zonke ezo zinto zenzeka njengemizekelo, 'yabona, kuthi." Qaphela, uThixo wathi akuba elungele ukuyigweba iYiphutha, okukuqala wenza amalungiselelo. Wenza ntoni ngexesha lokuqala? Akalutshintshi udweliso lwaKhe.

<sup>189</sup> Ngexesha lokuqala, Wafumana, wathi Akulwenza ulungiselelo lwaKhe, Wathumela umprofethi nomyalezo. Into yokuqala Awayenzayo kubantu baKhe yayikukuthumela umprofethi onomyalezo.

<sup>190</sup> Into elandelayo Awayenzayo, kukwazisa lo mprofethi, Wathumela iNtsika yoMlilo njengobungqina, bokuwungqinela.

<sup>191</sup> Into yesithathu Awayithumelayo yayingumqondiso. Injalo kanye loo nto. Umqondiso, wawuthetha ntoni umqondiso? Isiqinisekiso!

<sup>192</sup> Okokuqala, Wathumela umprofethi kunye nomyalezo; Wazibonakalisa Buqu phakathi kwa... nge—ngeNtsika yoMlilo ikunye nomprofethi waKhe, emva koko wathumela umqondiso, wokuba kungenwe ngaphantsi kwegazi, wokuba sasamkelwe esi sibambiso sokufa endaweni yakho. Ngoko, igazi lalingumqondiso Awayewukhangela, wokuba uwuvile umyalezo, wakholwa kwiNtsika yoMlilo, waze wasamkela isibambiso Akubonelele ngaso, waze wangaphantsi kwegazi uqobo lobubende obaphuma ubomi buphumela wena. Owu! Yinto egqibeleleyo, yinto egqibelele mpela leyo, yabona, ungaphantsi kwegazi.

<sup>193</sup> Ngoku ungaphantsi koMoya, ungaphantsi koMoya Oyingcwele. 'Yabona? 'Yabona? Uyakholwa kuMyalezo walomhla, 'yabona, uyakholwa ku—ku—ku—ku—kumandla, i—i—iNtsika yoMlilo. Uyakholwa koko, 'yabona, kwaye uyakholwa.

<sup>194</sup> Ngoku, khangela ngoku, ukuWukholwa nje akwanelanga. Hayi uku—uku... ukujikeleza uhamba apho Ukhoyo,

akwanelanga oko. 'Yabona, oko kukuzenza ube mbi kunangaphambili, "Kuba lowo waziyo ukwenza okulungileyo, aze angakwenzi, kusisono kuye." 'Yabona, loo makholwa asemdeni, wathetha kwangaloo nto uYesu.

<sup>195</sup> AmaHebhere, isahluko se-6, "Kuba abo bakha bakhanyiselwa, basiva isipho sasemazulwini, baba ngamadlalelana ngoMoya Oyingcwele, bayiva incasa yeLizwi elihle likaThixo, kwanamandla ephakade eliza kubakho, baza babuya bakreqa: akunakwenzeka ukuba babuye bahlaziyelwe enguqkweni, ekubeni bephinda ukuzibethelelela emnqamlezweni uNyana kaThixo, bewubalela umnqophiso weGazi, abahlanjululwa ngalo. . ." Bububende obabungcwalisa apho. Asinguwo uMqondiso. IGazi alingomqondiso ngoku. BuBomi obunguMqondiso.

<sup>196</sup> Ubomi babungenakubakho apho, kuba yayibubomi besilwanyana. Yayibububende umqondiso, kwakufuneka ubenegazi buqu liqatywe emnyango. Kodwa ngoku unguMoya Oyingcwele. Sizakufika kuyo, emzuzwini nje, ukuqondakalisa oko, 'yabona. BuBomi obunguMqondiso.

<sup>197</sup> Ubomi bakho bumkile, kwaye ufile, nobomi bakho bufile. Ufihlwe kuThixo, ngoKristu, watywinelwa phakathi apho ngoMoya Oyingcwele. Ingcinga eyayikuKristu ikuwe. UKristu ke, neBhayibhile, neLizwi, yinto enye. "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo." Ngoko ke wena, kunye neLizwi, noThixo, noKristu, nibanye. "Ukuba ke nithe nahlala kuM, namaZwi am ahlala kuni, niyakucela into enisukuba niyithanda, niyenzelwe." 'Yabona?

<sup>198</sup> Wawafaka amandla kanye emlonyeni kaMoses, ukuba aye phaya neLizwi laKhe athethe, asuka akho amasele; wathetha, emka amasele; wathetha zakho iintwala; wathetha, ubomi-iintwala zemka. Amen!

<sup>199</sup> Kodwa umqondiso wawufuneka kuSirayeli. KuSirayeli ephela kwakufunwa lo mqondiso. "Xa Ndibona umqondiso, Ndiyakudlula kuni." Owu, he-h, he-h! Okunjalo ukuqiniseka!

<sup>200</sup> Ukuphuma kukaSirayeli eYiphutha, kwakungumzekeliso, woqobo lomzekeliso namhlanje. IYiphutha yayiyinkonzo, uSirayeli ke emele uMtshakazi. Njengokuba ke uSirayeli waphumayo eYiphutha, noMtshakazi ngokunjalo uyaphuma enkonzweni. 'Yabona? Kuba, kufuneka ikhona ephaya Ayakuphuma kuyo, kwaye Ufanele ukuba aphume kuyo, ngoko, ukuba yayingumzekeliso. I—ibandla lisezantsi eYiphutha, ehlabathini nasezonweni, alikhathali ko—ko—konke ngoMqondiso wakho. Abawukholelwa nokuWukholelwa. Kodwa uSirayeli wayewuthanda, kuba lusindiso kuye. Whow! Whow! Ufanele ukusenza sonwabe, ufanele ukuba uzenze iintliziyo zethu. . . Whow!

201 Wuqabeni, bandla! Ngoku ningasileli. Aniyi kwenza njalo? Ningakhe, ningakhe, ningakhe niliyeke litshone ilanga. Musani, musani, musani, musani ukuphumla, ebusuku nokuba kusemini. Musani ukulinga. Akungeke kusebenze, bantwana. Akungeke kusebenze. Kunyanzelekile ukuba nibe noMqondiso!

202 Uthi, “Ndiyakholwa. Ewe, ndiyaya. Mna, ewe, ndiyawukholwa uMyalezo. Ndi . . .” Ilungile loo nto, kodwa, i—intle loo nto.

203 Kodwa kufuneka ube noMqondiso! Niyeva Mnquba kaBranham? Kufuneka nibe noMqondiso wanekiwe! Ngaphandle kwaWo, konke ukukholwa kwakho lilize. ‘Yabona? Ungaphila ubomi obulungileyo; uphulaphule into ethethwa liLizwi; uye enkonzweni; uzame ukuphila ngendlela eyiyo; ilungile loo nto, kodwa asiYiyo leyo. “Xa Ndibona igazi,” nguMqondiso ke lowo. UMqondiso ke apha awu . . .

204 Kuba, into, Wa—Wayefanele ukuba abone ububende, kuba ubomi babuphumile, babuphumile kuso, yayisisilwanyana.

205 Kodwa yayibuBomi baKhe obabuseGazini. Ububende ke yayisisiboniso okanye uphawu nje lokungewaliswa, kodwa buBomi Buqu uMqondiso; kuba ngaphandle kolwaluko, ngaphandle koMqondiso, awukho kwasemlweni. Yonke lo nto isebenza kunye. Ukuba uthi waluselwe eLizwini, kuLo kuphela ke, ngoko uyakulikholwa iLizwi; ukuba uyalikholwa iLizwi, ngoko uMqondiso ufanele ukuba ufike, kuba wathi, “Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, namkele isipho soMoya Oyingcwele.” Nantso ke. Owu, madoda!

206 Qaphelani ke ngoku amalungiselelo wabantu baKhe bezwe ledinga. Qaphelani into Awayenzayo. Kuqala, Wayenabantu Awayebenzele ilizwe. Wayebalungiselele ilizwe. Waza wathumela phaya ezantsi amalungiselelo alo, esenzela abantu bezwe ledinga. Ayengawabo kuphela babenyulwe kwangaphambili benyulelwe ilizwe ledinga . . .? . . . Wawenza njani ke, Wathumela umprofethi kunye nomyalezo, wabonakalaliswa ngeNtsika yoMlilo, waza wanikezela ngomqondiso khon’ukuze babenokuphumla beqinisekile ukuba uyinene. Kunjalo. Wawuyintuthuzelo yalo.

207 Ukuphuma, kukaSirayeli eYiphutha ngoko, kwa—kwakungumzekeliso. Eli ke luqobo lomzekeliso, weBandla liphuma emahlelweni. Ngoku, hayi bonke abenza ihlelo. Ndithetha uMtshakazi. ‘Yabona? Abanye abantu, kukho abanye kwaba bazimeleyo ababi kanye njengokuba benjalo abamahlelo, ngamanye amaxesha babe babi nangaphezulu kunawo.

208 Ndithetha ngoMqondiso ofakiweyo. UMqondiso uvumelana nalo lonke iLizwi. ‘Yabona? Ufanele ukuba

wenze njalo, ngokuba UliLizwi. UBubomi obabulapho eLizwini. “AmaZwi aM anguMoya; AbuBomi,” watsho uYesu. ‘Yabona?

<sup>209</sup> Wathi uMoses akuqala ulungiselelo lwakhe kwaSirayeli, enemiqondiso emikhulu uyabona, uSirayeli wakhawuleza wahlanganisana kulo lonke elaseYiphutha, baya eGoshen, bebuyela kwindawo eyayilikhaya kwakhona, kuba babesazi ukuba kwakukho into ezakwenzeka. Owu, onjani wona umzekeliso!

Owu, bavela eMpuma naseNtshona,  
 Bavela kumazwe akude, (yinyaniso leyo,  
 nakhe naliva eli culo)  
 Bazokudla noKumkani, njengeendwendwe  
 zaKhe,  
 Basikelelwe abo bahambi!  
 Bebon’ubuso baKh’obungcwele  
 Bukhanya luthand’oluNgcwele;  
 Abasikelelweyo bokuxhamla inceba yaKhe,  
 Njengamatye anqabileyo okukhanya  
 kwisithsaba saKhe.

Owu, uYes’uzakamsinya,  
 Izilingo zethu ngoko zakudlula.  
 Owu, kungayini xa iNkosi yethe ibuye ngalo  
 mzuzu  
 Ngenxa yaba bakhululekileyo esonweni?  
 Owu, inokukuzisela uvuyo na,  
 Okanye usizi nokungcungcutheka okukhulu?  
 Xa iNkosi yethu isiz’ebuqaqawulini,  
 Sakuhlangana naYo phezulw’emoyeni.

<sup>210</sup> Ukwaneka uMqondiso! “Ndaye Ndiyakumvusa ngemihla yokugqibela.” Ngokuqinisekileyo! Sikuloo mihla.

<sup>211</sup> Abantu bahlanganisana eGoshen. Babesele belungile. Babesazi ukuba kukho into eyayizakwenzeka. Babefana kanye...

<sup>212</sup> Ungathatha amadada ngexesha lokubumbana, avele abaleke nje ahlanganisane. Xa iinyosi, nayo yonke enye into, izilungiselela, kukho ithuku lemvelo elizitsalayo.

NguMoya Oyingcwele otsala abantu!

<sup>213</sup> Owu, kwakufika ixesha lokuba ingqumbo kaThixo ihle, wonke...Kweza amadada amabini, inkunzi nemazi. Naku kusiza amarhanisi amabini, inkunzi nemazi; nanga amahashe amabini esiza, inkunzi nemazi; kukho into ethile ewatsalayo, ezanyulwa kwangaphambili. Eziseleyo kuzo zatshabalala. Owu!, [UMzalwana uBranham uqhweba izandla]. Eziseleyo kuzo zatshabalala! Kodwa ezo zaluvayo olwa tsalo lungamandla lokuba zingene, zazisazi ukuba umkhombe



wawusele ulungisiwe. Kwakungumqondiso ukuba kukho imvula ezayo. Zazisazi ukuba kwakukho imvula ezayo, kungakhathaliseki nokuba yayiyintoni na ebonakalayo nokuba zazi yintoni na ingcinga zabantu. Zazisazi.

<sup>214</sup> Kwakukho nto ithile ngaphakathi kwazo, eyathi, “Ngenani phaya ngaphakathi, ngokukhawuleza! Ngenani phaya phakathi, ngokuba kukuphela kwendawo eyakuba yekhuselekileyo leya.” Ngokuba, uThixo walungisa umprofethi, Wathumela umkhombe njengophawu, wathi, “Ngenani phaya,” imvula ke yabe isiza. Zangena ke apho kanye, ngambini nagambini. Zonke izilwanyana zangena, ngambini ngambini, emkhombeni, ngokuba zazi yokutsho phantsi kwayo. Kungakhathaliseki nokuba uninzi. . .

<sup>215</sup> Konke ke okungaphandle komkhombe kwatshabalala. Konke okungaphandle komqondiso, wegazi, kwatshabalala, wonke umntu. Wonke umntu ongaphandle koMqondiso, kaMoya Oyingewele, uzakutshabalala.

<sup>216</sup> Akukhathaliseki nokuba balunge kangakanani na, bengamalungu enkonzo kangakanani na! Babebaninzi abanjalo ngemihla kaNowa. Babebaninzi abanjalo ngemihla kaMoses; kodwa umntu owasilelayo ukuqaba igazi, njengokua yayililo umqondiso, watshabalala. Abo basilelayo ukungena emkhombeni, batshabalala. Abo basilelayo ukungena kuKristu, ngokuba nguYe uMkhombe!

<sup>217</sup> 1 KwabaseKorinte 12, sathi, “Sabhaptizelwa sonke Mzimbeni mnye ngaMoya mnye.” Ongabonakaliyo, hayi inkonzo; koko ongabonakaliyo, hayi amahlelo; uMzimba oyimfihlakalo kaYesu Kristu! “NgaMoya mnye,” uM-o-y-a ongunobumba omkhulu, uMoya, “santywiliselwa sonke kuloMzimba.” Ngoko ke uMqondiso usemnyango, ngokuba ukuKristu. Ibe ke yayinguYe, iDini lakho, Elamelana nomgwebo. Uthi ke uThixo akujonga kulo, akanakwenza kwanto. Ukhuseleke kanye njengokuba ubunokukhuseleka, ngokuba uThixo noKristu nguMntu omnye kanye, uMoya wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu. Nanko ke uThixo uQobo lwaKhe, ekunye nawe, umntwana ongowaKhe Buqu, ngaphakathi eMzimbeni. Nantso ke, ingebubo ububende, koko uMoya! “Ndiyakudlula kuni.”

<sup>218</sup> Beza bevela kuyo yonke iYiphutha, bayakuhlenganisana kulendawo inye, khon’ukuze babe phantsi kwalomqondiso.

<sup>219</sup> Baye ke bevela kuMawisile, amaBhaptizi, amaPresbhitari, amaRhabe, abezikaMoya, nayo yonke enye into, khon’ukuze babe phantsi koMqondiso. Kanye njengokuba kwakunjalo ngokuya!

<sup>220</sup> YayiyiNtsika yoMlilo eyayimelwe apho. Waza omnye waxelela omnye, omnye ke waxelela omnye, omnye waxelela

omnye, kwaze, into yokuqala nje uyazi, baqala ke ukuza bonke. Baqalisa ukuza, baza balujonga uphawu lukaThixo. Bathi, “Umgwebo ukufutshane.”

<sup>221</sup> Waza wathi umprofethi, “Ndiva ngoThixo. Kuyakubakho umqondiso. Bekani igazi emnyango ke. Xhelani ixhwane, nilibeke igazi emnyango, loo nto ke iyakuba ngumqondiso, ngokuba ukufa kulungiselela ukubetha.”

<sup>222</sup> Makhe ndinixelele namhlanje, njengesicaka saKhe, ngaphandle kokuba uMqondiso ube usemnyango, kukho ukufa okukokomoya okuza kunintlitha. Kwaye zonke iinkonzo zibhekise ngasemva kwi-kwibhunga, iBhunga leeNkonzo zeHlabathi. Zonke ziphindela emva kubuKatolika. Kuphela ngabo bayinene, bazelwe ngokutsha, abayakuhlala ngaphandle kwalo!

<sup>223</sup> Khumbula, ingengawo lamahlelo enu kaMoya, kuba sele ekulo kakade. Ibonisa ukuba afile loo nto! Atshabalele. Bazinikezela. Babuyele emva. BaMbeke ngaphandle komnyango, kodwa Yena ujonge uMqondiso. Ngokuba, inye kuphela into aqamelele ngayo kukuthetha ngeelwimi.

<sup>224</sup> Ungaze uthembele ngakuthetha ngalwimi, nangantoni na enye. Koko mawubekho uMqondiso ngokwaWo, uBuntu bukaYesu Kristu, uBomi baKhe Buqu bube ngaphakathi kuwe. Ungaluki *oku, okuya*; koko waluke konke okwakho, ude wena noKristu nibe baNye. UKristu ongaphakathi kuwe, noBomi baKhe buphile kuwe.

<sup>225</sup> Ngoku, ngoku, babevela kuyo yonke iYiphutha! Khangela ke ngoku, njengokuba siyibona into abayenzayo, njengokuba siwabona evela amathuba, siyalelwe ukuba senze kwa loo nto. Ubuyazi loo nto? Khangela into eyathethwa ngumprofethi.

<sup>226</sup> Siza kufunda ke ngoku, ukuba ufuna ukufunda, kumaHebhere isahluko se-10. Ukuba ufuna ukufunda kunye nam, ndifuna ukufunda umqolo apha mhlawumbi ibe mibini ngoku phambi kokuba siqhubele phambili. KumaHebhere isahluko se-10, masiqale kwivesi yama-25 yesahluko se-10 kumaHebhere. Ndi...Masibone. Ewe. Ewe, mhlekazi! KumaHebhere, isahluko se-10, umqolo wama-26, 'yabona.

*Kuba, xa sithi sone ngabomi, emveni kokuba sakwamkelayo...*

<sup>227</sup> Masibone, yiyo le ndiyifumeneyo? Ewe. Yiyo kanye. Ewe.

*...ukuba sithi sone ngabomi...sakwamkelayo ukwazi inyaniso, akusasele dini ngenxa yesono;*

*sekusele ke ukulinda okoyikekayo kakhulu, umgwebo nomsindo womlilo, oza kudla abo bachasileyo.*

Nantsi khangela! *Umntu obegiba okaMoses umthetho, ubebulawa kungekho tarhu ngezwi lamangqina amabini, nokuba mathathu.*

*...Niba wobeka phi na ukufanela kukubethwa okubi ngakumbi, lo umnyathelele phantsi uNyana kaThixo, wa...walibalela ekuthini liyinqambi igazi lomnqophiso athe wangcwaliswa ngalo, wamgxeka uMoya wobabalo ophuma kweloGazi?*

228 Mfundisi, khumbula, mntu ulungileyo, mntu uziphethe kakuhle, nokuba uyintoni na, usazi ukuba uThixo walisusa icuba umdiza kuwe. Bafazi, usazi ukuba Wazisusa ibhulukhwe ezimfutshane kuwe, ne—neenwele ezimfutshane, nayo yonke into, kuwe. Uyayazi ukuba Wayenza loo nto. Kodwa ukuba uyajika nangona kunjalo, ulibalele iGazi lomnqophiso, njengokuba Lalinjalo, “ekuthini liyinqambi,” Elakungcwalisayo lakuzisa kule ndawo ukuyo!

229 Njengeentlola, ukuba zithe zazakufika kanye apha emdeni, zakroba ngaphaya, zathi, “Kulungile, ndiyazi ukuba likhona, kodwa isithintelo sikhulu kakhulu. Sikhangeleka sinjengeentethe,” zatshabalalela entlango. Amakholwa asendeni!

230 Musa ukuhamba nje *kangaka*,, uthi, “Ndiyawukholwa uMyalezo.” Uyawuthobela uMyalezo! Ngena kuKristu! Uthi ke, “Kulungile, ndikholwa lonke iLizwi elithethiweyo, Mzalwan’uBranham.” Ilungile loo nto, kodwa oko—oko kukukwazi nje ukufunda.

231 Thabatha uMyalezo, Wuthabathe uWufake entliziyweni yakho, ukuze ube nawo uMqondiso, oba Bomi kanye babukuKristu bube kuwe. “Xa Ndithe Ndabona Oko, Ndiyakudlula kuni.”

232 Njengokuba siyibona imiqondiso emikhulu yokuphela kwexesha namhlanje, siyazi ukuba loo nto iyinyaniso. Ngoku khangela, bendikulindele oku, ixesha elide, elide kakhulu, loMyalezo uza kuni. ‘Yabona? Nibe niyibonile imiqondiso yokuphela kwexesha. Ndaye ndiWushumaye kuni, ndaza ndanibonisa Wona, ngento yonke awayithethayo uKristu. Akunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyavumelana noko? Sikwixesha lokugqibela. [“Amen.”] Andiboni nto isaseleyo.

233 Uthi ke, “Uthini ngephawu lerhamncwa?” Abo bawalayo uMoya Oyingcwele sele bephawulwe ngephawu lerhamncwa. Isigwebo sizakulandela. ‘Yabona?

234 KwaSirayeli, lalisithi lakukhala ixilongo ngonyaka weNtlokoma, wonke umntu...Uyamqaphela uKristu, xa wayefunda oko? Wafunda nje kuphela isiqingatha sako, kuba yayisisiqingatha kuphela esasibhekiselele kwelo xesha. ‘Yabona? “WaNdithumelela ukubopha abantliziyo zaphukileyo, ndishumayele inkululeko, nezinto ezinjalo, ‘yabona,” kodwa,

Yena, “nomnyaka owamkekileyo weNkosi.” Enye le, Akazange-Akazange ayifunde; Wayibeka phantsi iNcwadi esongwayo, kuba yayiyi loo nto eyaloo mini. ’Yabona? Wafunda nje indawana yayo, yinxalenye eyayi yeyomhla waKhe.

<sup>235</sup> Ngoku yiloo nto kanye Azakuyenza namhlanje. Yile nto Ayithethayo, ngoMoya waKhe wentambiso, kwibandla namhlanje. Ingoku loo yure. Lingoku elo xesha. YaMkeleni, bantu. YaMkeleni!

<sup>236</sup> Yintoni! Sibona amaxesha amakhulu esiphelo, izibane ezidanyazayo ezibomvu, kwindawo yonke. Kwindalo, sibona indalo idanyaza ukukhanya, “Ixesha lisondele.” Sikubona kuphezu kwebandla, ukukhanya okudanyazayo. Ligwetyiwe. “Ixesha lisondele.” Lisehlabathini. Sikubona phezu—phezu kwesibhakabhaka, phezu kolwandle, phezu kwezizwe, phezu kwendawo yonke; elangeni, enyangeni, iinkwenkwezi. Imiqondiso!

<sup>237</sup> Sibona imiqondiso yokuphela kwexesha kaMoya Oyingcwele ibuyeke phezu kwabantu. Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLote, indlela uThixo awasebenza ngayo ngenyama yomntu ngoko, yayinguThixo lowo ebonakalaliswe esenyameni. Indlela uThixo aWazenza umntu ngayo, Yena ngokwaKhe ekuMtshakazi waKhe ngaloo mini, ebonakalisa umqondiso okwamnye. UYesu wathi iyakuba yinto enye ngemihla yokugqibela. Siyayibona. Siyayibona iNtsika yoMlilo. Nkqu inzululwazi ithabathe iifoto zaYo, nezinto ezinjalo. Siyayibona imiqondiso yokuphela isondele. Siyazi ukuba ilapha.

<sup>238</sup> Ngoko ke, sikubona nje oku, ukuba niyakholwa kum! [UMzalwana uBranham unkqonkqoza ipulpit-Mhl.] Ukuba anikholwa ndim; kholwani yimiqondiso, kholwani liLizwi, kuba lithetha ngezi zinto ndinixelela zona. Ukuba andinixeleli Nyaniso, bezingenakuphendula. UThixo akanakuthetha nabuxoki. UThixo uthetha neNyaniso. AmaZwi la ayangqina ukuba ndinixelela iNyaniso. Yiyo engqina ngoMyalezo endiwushumayelayo. Asiyilaa Ngelosi kuphela phaya ezantsi emlanjeni ngalaa mini, eyathi, “uMyalezo wakho uyakwandulela uKuza kweSibini kukaKristu,” yimisebenzi ngokwayo! Ukuba awukholwa ukuba iNgelosi yathetha iNyaniso; kholwani yimisebenzi, kuba iBhayibhile yathi ezi zinto ziyakwenzeka ngemihla yokugqibela. Yiyo Engqinayo. Yiyo engqinayo ethetha ngokukhwaza kunamazwi am okanye nakabani na. LiLizwi laKhe. Ingqina ngexesha.

<sup>239</sup> Siyazibona ke ezi zinto, imiqondiso eyoyikekayo phezu kwabantu, nemiqondiso yexesha, phezu komhlaba, iinkxwaleko phakathi kwezizwe.

<sup>240</sup> Simbona uSirayeli esemhlabeni wakhe. Imbasa, iNnkwenkwezi emasondo mathandathu kaDavide,

iyaphaphazela, iyeyona mbasa indala ehlabathini, eyona flegi indala ehlabathini. Usisizwe. Ububurhulumente. Ungabantu abangabakhe. Ukumbutho wezizwe. U,uzizo, uzizo zonke ezi zinto. Ukwi-UN. [IZizwe eZimanyeneyo.—Mguq.] Kwaye unemali eyeyakhe, nayo yonke into. UYesu wathi, “Esi sizukulwana asisayikudlula zingathanga zizaliseke zonke ezi zinto.” Kwaye, khumbula, kwangobuya busuku uSirayeli waba sisizwe ngabo, yayibobuya busuku iNgelosi yeNkosi yavela ngabo kum apha phesheya. Kunjalo kanye. Nako ke apho sikhoyo sonke.

<sup>241</sup> Yonke into ikhonjwe yayiNyaniso kanye. Andinixokisanga. Ndinixelele iNyaniso, noThixo ungqinile ukuba ndinixelele iNyaniso. ngoku, khumbulani, ndingumzalwana wenu. Ndingumntu, 'yabona. Ndingumntu njengani nonke, kodwa kukho umntu ekufuneka eYizisile, kukho umntu ekufuneka eYithethile. Yayingeko kuzikhethela kwam oko; yayikukuzikhethela kwaKhe. Kwaye ndinixelele iNyaniso, naYe ungqinile ukuba IyiNyaniso. [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>242</sup> Xa sibona ezi zinto phezu komhlaba namhlanje, owu, bantu, yiyure yokugqibela le. Wubekeni phezu kwe laa mqondiso, ngokukhawuleza kangangoko ninokuba nako; okanye, ngenani kuwo uMqondiso, ngenani kuwo uMqondiso. Njengokuba siyibona imiqondiso emikhulu yesiphelo, nexesha lisondele, isiyala, “Ixesha lisondele.”

<sup>243</sup> Owu, kuthabatheni ngokundilisekileyo oku! Simelwe kukuthandana. Owu, bethu! Kufuneka sibe nothando kangangoko! Singakhe sithethe okubi omnye ngomnye. Ukuba kukho ubani othi enze isiphoso, mthandazele ngokukhawuleza okukhulu. Sikunye kule nto, noThixo. Singabazalwana noo dade. Owu, philani ngokuhlonela uThixo. Phila, philani ngokweentombi zikaThixo, ngokoonyana bakaThixo. Philani kamnandi, ngobubele, ngokuhtobeka.

<sup>244</sup> Makungabikho bubungena entliziyweni yenu, ezingcingeni zenu. Suka, suka uzigxotho. Xa zinkqonkqoza emnyango zisuse. Uthi nje, usuke ubonise ngoMqondiso wakho, uqhubeke uhambe, “Ndingaphantsi kweGazi!”

<sup>245</sup> Khumbula, baninzi abeza ngakwabo bafazi ngobo busuku, [UMzalwana uBranham unqonkqoza phezu kwepulpit—Mhl.] bathi, “Hye, Gertie, Lillie, abanye kuni, mabaphume, siya emgidini epatini ngokuhlwanje.”

<sup>246</sup> “Who-w! Ndingaphantsi kwegazi. Ndiphantsi komqondiso, wokuba ndihlale apha. Uthando lwam lukuMenzi wam. Kukho ukufa elizweni ngokuhlwanje.”

<sup>247</sup> Nanamhlanje kukho ukufa elizweni. Umgwebo ulindile, usamisiwe. Ibhombu i-Atom, nee-hidrojeni, nazo zonke iindidi zeentlekele, zilindile izizwe.

248 UThixo ke uyaliqhuba iBandla laKhe, elibonisa konke. Besigcine ixhwane okwexeshana elithile ngoku, sikhangele, siyibona into Ayenzayo, sikhangele indalao yaKhe nento yonke, kodwa ngoku uMqondiso kufanele ukuba wanekwe. Kunyanzelekile ukuba wanekwe. Yiloo nto kuphela ke. “Ukuba akathanga umntu azalwe ngoMoya, nangamanzi, akanako ukungena.” Sifanele ukuba sithandane ke. Amakholwa afanele ukuzahlula kwihlabathi. Musa ukuyithabatha nje lula ngoku.

249 Ngoku, nina bantu niphulaphule Oku, ekhasethini, nina bafazi, nani madoda, phulaphulani okomzuzwana. Ukuba nakha nandikholelwa, Wukholweni ngoku.

250 Lixesha lokuba niyeke ukuchukelana. Kholwani kuMyalezo weBhayibhile! Kholwani kuYesu Kristu! Nize nithandane, nibekane, nihloniphane omnye nomnye. Madoda bahlonipheni abafazi benu. Yihlonipheni imizi yenu. Hlanganisani imizi yenu, ngokuba, khumbulani, eli Xhwane yayilelekhaya, ingelolamntu mnye; umzi wonke, nawo, wawufanele ukuziswa. Yonke into kwakufuneka ingeniswa. Simelwe kukuba sithandane. Kananjalo amakholwa amelwe kukuzahlula kwihlabathi.

251 Qaphela, babengahlanganelanga nje ukuba bathethe ngomyalezo. Babehlanganela ukuqaba igazi, ukufaka umqondiso.

252 Yiloo nto ekufuneka niyenzile. UMzalwana uNeville, kunye nakweli bandla, abaphathiswa, amadikoni, ukuya kuni bazalwana, lixesha lokuba sibekela ecaleni bonke ubudenge behlabathi, lixesha lokuba sibekela ecaleni yonke enye into. Sibone okwaneleyo ngoku, sade saqiniseka, ngokuqinisekileyo. UMqondiso ke ufanele ukuba uqatywe. Ngaphandle kwaWo, nizakutshabalala; yiloo nto kuphela ke.

253 Owu, musani ukuhlangana nje, nithi, “NdiyaWukholelwa.” Ngenani ngaphantsi kwaWo, ngenani kuWo! [Kukho usasazo lonomathotholo wamaza amafutshane oluvakalayo luphazamisa-Mhl.] Niyakukwenza kanjani? “Sabhaptizelwa ngaMoya mnye eMzimbeni kaYesu Kristu.” Wonke umntu makakholwe, ngentliziyo yenu yonke. ‘Yabona? Wayengenabutyala ngaye nabani na owayephume ngaphandle kwaWo.

254 Ngubani lo ebethetha? [Kukho umntu othi, “Ibingunomathotholo wamaza amafutshane, Mzalwa’uBranham.”—Mhl.] Amaza amafutshane avela ngentla? [“Aphume apha embokweni.”] Ebephuma embokweni. Angene phaya? [“Mzalwan’uBranham, ndiyakholwa ukuba ibingamaza amafutshane angene phaya emva.”] Amaza amafutshane, ewe. Oo, ba—bawanzibelelanisile. Ndiyaqikelela ukuba bayakuyithabatha... Oo, bayisa ezimotweni? Uxolo.

Ndiyakhumbula ukuba kukho umntu okhe wathetha into enjalo. Bendicinga ukuba kukho umntu onento afuna ukuyibhekisa kum, wabe engakwazi, uyabona, seso sizathu ndi—ndithethe olo hlobo nje. Ndinibone niphunguza. Ndeva ilizwi. Bendicinga ukuba kukho umntu ophakamileyo onento azakuyithetha, andazi kuba ibiyintoni na. Ngoku, ngoku, enkosi.

Kodwa, kholwani, ngenani ngaphantsi kwaWo!

<sup>255</sup> USirayeli akazange ahlanganisane, athi, “Masiwele sonke siye eGoshen namhlanje. Siza kuqhuba siye eGoshen. Qabela inkamela yakho, thina sizakuthatha inqwelo yeenkabi. Siza kuhamba nabakwaJones, abaya, nabanye, na—nabakwaGoldberg, size sinyuke siye e—eGoshen. Yaye uyazi yintoni? NguMoses ozakuthetha namhlanje.” Yayingeyiyo loo nto. Hayi, mhlekazi! Kukuthi, ungene ngaphantsi kwegazi! Ewe, ngokuqinisekileyo.

Hayi ukuthetha ngaWo nje; ngenani kuWo!

<sup>256</sup> Omnye wabo athi, “Uyazi, Mnu. Goldberg, ndiyawuqonda mpela ukuba uyiNyaniso.”

<sup>257</sup> “Ewe, mzalwana, ndiyakholwa ukuba uyiNyaniso. Ndiyakholwa ukuba uyiNyaniso.”

“Mnu. Lavinski, ucinga ntoni ngawo?”

<sup>258</sup> “UyiNyaniso ngokupheleleyo! Ndiwabonile amandla kaYehova uThixo ethetha. Ndiwabonile laa masele ephuma kulaa mhlaba. Ndiyazi ukuba ayikhange yenzeke loo nto engekayithethi, ndiyazi ke ngoku ukuba nguYehova uThixo.” Ngoku, ilungile yonke loo nto.

“Walukile?”

“Ewe, mhlekazi!”

“Ulikholwa?”

“Ewe, mhlekazi!”

<sup>259</sup> Waze wathi akuva uMfundisi uMoses ethetha, ngaloo mini, wathi, “Kodwa kufuneka ungene ngaphantsi kwegazi, kuba uThixo, ‘Igazi lingumqondiso.’ Lingumqondiso! Akukhathaliseki nokuba wawukholwa kangakanani na, waluke kangakanani na; ngumnqophiso kaThixo awawunika u-Abraham lowo, njalo njalo, ngumnqophiso lowo. Kodwa kufuneka ungene ngaphantsi kwegazi, yiloo nto umqondiso, kuba Wathi, ‘Xa Ndibona igazi, Ndiyakudlula.’ ingumSirayeli, naye nawuphi na!”

<sup>260</sup> Oko kukuthi ilihlelo okanye ingelilo, nawuphina, kufuneka angene ngaphantsi kweGazi. UmWisile, umBhaptizi, umPresbhitari, owakwaMoya, ongenahlelo, nokuba uyintoni na, ngowomntu ngamnye. Umelwe kukuthi ungene ngaphantsi

kweGazi. Ngoku ungathethi nje kuphela ngaWo; Wamkele! Ndivi! Ndiveni! EGameni leNkosi, ndiveni! 'Yabona? Nimelwe kukuthi ningene ngaphantsi kweGazi!

<sup>261</sup> Wayengenabutyala ngaye nawuphi na umntu ophumileyo phantsi kwegazi. UThixo wayicacisa eyokuba wonke ophumileyo ngaphantsi kwegazi uyakutshabalala.

<sup>262</sup> Ndingakhe ndiwasebenzise aMazwi aKhe? Bonke abangaphandle koKristu bayakutshabalala. Ungena kanjani kuKristu? AmaKorinte okuQala 12, "NgaMoya mnye!"

<sup>263</sup> Hayi, "ngakubambana isandla kunye, ngakhadi labulungu linye, ngahlelo linye." Bazama ukuyenza loo nto. Basenokuyenza loo nto.

<sup>264</sup> "Kodwa sabhaptizelwa sonke ngaMoya mnye Mzimbeni mnye." "Ukuba ingelosi evela eZulwini ifundisa nantoni na eyenye," uPawulos wathi, "mayiqalekiswe." Nango ke uMyalezo, ngenani kuKristu!

<sup>265</sup> Khangelani, ngaye wonke umntu owayengaphandle komqondiso, uThixo wayengenatyala. UThixo ke akanatyala nangaye wonke umntu, omkhulu nomncinci, obalulekileyo nongabalulekanga, osityebi nolihlwempu, obotshiwewo nokuba ngokhululekileyo, indoda nokuba ngumfazi; Akanatyala nangawuphi na umntu ophumileyo ngaphantsi komnqophiso woMqondiso. Akanabutyala.

<sup>266</sup> Uthi ke wena, "Kodwa, owu Nkosi, ndenze *oku*. Ndikhuphe iidemoni. Nkosi, ndenze *oku*. Ndi—ndishumayeke iVangeli."

<sup>267</sup> "Mkani kuM, nina basebenzi bobugqwetha. Andizanga ndinazi nokunazi." Wamkela kuphela uMqondiso.

<sup>268</sup> NiyaYiva? Yithani, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen!"—Mhl.] Ngoku, kukuni ke. Yena . . .

<sup>269</sup> Ndandihleli apha ezantsi ematyholweni ngenye imini, abafana babemangalisiwe, bathi, "Sekuzintsuku ezimbini ngoku, awuka . . ." Ndandingazange ndidubule nonomatse lo. Bathi, "Kwenzeke ntoni?" 'Yabona, yayiyilento ke. 'Yabona?

<sup>270</sup> Wathi, "Yityathise kubo, emagxeni kubo." Wathi, "Uthe—uthethile naM ngayo." 'Yabona? Ngoku lityeli lakho. Kukuwe.

<sup>271</sup> Akayikwamkela nantoni na eyenye ingenguwo uMqondiso, okaMoya Oyingwele. Kwaye awunakuwamkela uMqondiso ngaphandle kokuba usindiwe, wangcwaliswa, waze wabhaptizelwa eMzimbeni. Akangeke.

<sup>272</sup> Unganako ukulinganisa, ungaziva wonwabile, *uxhuma-xhume*, uthethe ngeelwimi, uxhentse ukuMoya. Loo nto ayinayo nencinane into yokwenza naWo. Wuvuni, eGameni leNkosi! UThixo akayamkeli loo nto. Abahedeni bayayenza loo nto. Amagqwirha ayayenza loo nto.



273 Uthi ke, “Ndisisifundiswa. Ndenza *oku, nokuya*, mhlawumbi *okunye*.” Akakhathali nokuba usisifundiswa kangakanani na. Usathana usiso, naye, 'yabona.

274 Uhlonipha kuphela u—uMqondiso. Nango ke uMyalezo waleyure! Nguwo lowo uMyalezo walomhla! Nguwo lowo uMyalezo welixesha! NgeGama likaYesu Kristu, Wamkeleni!

275 Hayi is.isibambiso, into ethile usathana anokuyibeka kuwe; njengothando lobuxoki, lokwenza ukuba indoda ithande mfazi wumbi ngaphandle kwenkosikazi yayo, mhlawumbi inkosikazi omnye ongaphandle, okanye enye yalento apha, into engahloniphekanga. Asilothando lwenene olo. Ngusathana lowo. Yinto ethile azame ukunikisa yona, endaweni yoko; uvuyo, ukusela uzive wonwabile ngaloo nto, uthi, “Ndiphethwe ziingcinga; ndizaphuma ndiye kuzifunela ikwati yotywala, ndizilibale zonke.” Kukufa oko.

276 NguThixo uvuyo lwakho. NguThixo amandla akho. Kukwazi uMyalezo, ukwazi iNyaniso, nako ukwaneliseka kwethu ngoku. Ukuko konke ukwaneliseka kwam. IkuYe, yonke into endiyisweleyo ikuYe. Ngawo lawo amandla ethu. “Uncedo lwam luvela kuYehova.” Nina Makristu, lukhangeleni kuYe uvuyo lwenu, wajongeni kuYe amandla enu, funani Yena malunga nolonwabo lwenu. NguYe uxolo lwam. NguYe uvuyo lwam. NguYe uthando lwam. Nguye uBomi bam, uMqondiso ophezu komnyango!

277 Akanabutyala nangomntu omnye, umntu omnye, akunamsebenzi nokuba ungubani na, Akanabutyala, kophumileyo ngaphantsi kwaWo.

278 Kwaye khumbula, lalisiziswa lonke usapho, luhlanganiswe ndawonye. Owu, madoda! Owu, khumbula!

279 Uthi ke, “Kwalunga, utata wam ngumshumayeli. Umntakwethu! UMfundisi wam! Owam...” Isenokuba yinyaniso leyo, futhi, kodwa uthini ngesiqu sakho?

280 Khumbula, wawukhuseleke kuphela xa umqondiso wawanekiwe! Ukuba indoda yayikho *apha* ngaphantsi, abe unyana wayo engaphaya kwesitrato, wayesengozini. Wayezakutshabalala. Utata wakhe wayezakusindiswa. Kungenjalo, ukuba unyana wayengapha, abe utata wakhe engaphaya, utata wakhe wayezakutshabalala. Ngumqondiso kuphela! “Xa Ndibona umqondiso, Ndiyakudlula kuni.” Yiloo nto kuphela ke.

281 Wena ke uthi, “Kulungile, unyana wam ungumshumayeli.” Nina bomama nithi, “Ndineyona nkwenkwe ilungileyo, okanye eyona ntombi ilungileyo. Ndiyakuxelela, yeyona ilungileyo. Izaliswe nguMoya Oyingcwele, nolunjani lona uthando! Ithobekile. Andizange ndikubone okunjeya!” Uthini ngawe, mama?

282 Uthi, “Umama ulunge ngolona hlobo. Ndiyazi, ukuba uthe wafa, uya eZulwini, kuba ngenene unawo uMqondiso, Mzalwan’uBranham.” Kodwa uthini ngawe, sisi? Usapho luphela kufuneka lufakwe ngaphantsi.

283 Nidiniwe! [Ibandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Ndiza. . . Yintsimbi yeshumi elinesibini. . . Umzuzu nje. Ndisenokuyinqumlela ndiphinde ndiyiqalise ngokuhlwa kwakhona. [“Hayi.”] Kodwa ukuba ni—niyafuna ukunyamezela ithutyana nje elidana, ndizakuzama ukukhawulezisa ngoku. [Amen.”] Ndizakufaka nje oku phakathi. Kuba, ndiyacinga, khona ngoku ngoku nisephantsi kwentambiso yako, kungangcono ukuba ninokuyifumana khona ngoku. [“Amen.”]

284 Kuphela kuxa uMqondiso wanekiwe! Ngoko, usapho lonke kufuneka ukuba lube ngaphantsi koMqondiso, iGazi. Tata nomama, ndiyayazi indlela eniziva ngayo. Ndinabo abantwana, nam, kufuneka ndibabone besindiswa. Ndithetha nesiqu sam namhlanje. ’Yabona? Ndinabo abantakwethu. Ndinaye udade. Ndinazo izihlobo endizithandayo. Ndi—ndifuna ukuzibona zisindiswa, nazo. Kodwa, khumbula, ngaphandle kokubonakaliswa koMqondiso, ziyakutshabalala. Akukho luvuko kubo. Kunjalo kanye. Kuphelile ngabo. Kuxa wanekiwe uMqondiso kuphela!

285 Khangela, uYoshuwa, akwaba bendinexesha lokuyifunda. Yiphawule uyibhale, uYoshuwa isahluko se-2; iNtlanga eyayikholwa ihenyukazi, uRahabhi.

286 Owu, ndinqwenela ukuba kube bekusemalunga nentsimbi yethoba entloko. Bendiyakuthanda—bendiyakuthanda ukuthatha loo ndawo ndinibonise ukuba kwakunjani na phaya, ’yabona. [Ibandla lithi, “Lithabathe elo xesha.”—Mhl.]

287 Eli henyukazi, iNtlanga, khangela, lonke usapho lwalo. Lalikhholwa. Lonke usapho lwalo kwafuneka ukuba lingene ngaphantsi komtya obomvu, laa mqondiso. Kwafuneka ukuba lungene ngaphantsi kwawo, kuba lwaluyakutshabalala. babevile ngengqumbo kaThixo. Babevile ngokubonakaliswa kwemiqondiso nemimangaliso kaThixo phakathi kwabantu baKhe, kwafuneka ukuba bawamkele. UThixo, ingelosi etshabalalisayo, wayesiza. Babeyazi loo nto. YayinguYoshuwa ke loo ngelosi. Basemgceci.

288 Sinjalo ke sonke isizwe, ehlabathini, ukuba sendleleni yoMgwebo kaThixo!

289 Eli henyukazi, lincinci lidala, lalivile. Ukholo luza ngokuva! Lathi, “Lonke ilizwe liqhiphuke izibilini ngenxa yenu.” Kunjalo kanye.

290 Ngoku, iintlole ezazithunywe apho ukuya kwenza amalungiselelo, nezinto ezinjalo, lawahlonipha loo madoda. Laze, lona, lalifuna ukusindiswa. Lathi, “Ndiyazi ukuba

uThixo wenu nguThixo, ndaye ndivile ukuba zinto zini na ezinkulu Azenzileyo. Ndiyayazi into Ayenzileyo ku-Ogi, ndiyayazi into Ayenzileyo kwizizwe ezahlukeneyo. Kwaye ndiyabona ukuba abo baMamkelayo bayasindiswa, abo ke bangaMamkeliyo bayatshatyalaliswa. Ndaye ndifuna ukuphila,” latsho. Owu, madoda! Nantso ke. “Ndifuna ukuphila.” Kuba babesandula ukuqaphela. . .

<sup>291</sup> Qaphela, iYeriko yayiyivile into awayeyenza uThixo, kodwa babengafuni kusithabatha isiyalo.

<sup>292</sup> Kwaye akukho hlelo kweli lizwe, jikelele, avile onke ngento ayenzayo uThixo. Akafuni kusithabatha isiyalo.

<sup>293</sup> Amandla aKhe amakhulu nemiqondiso abonakalisiwe. Into Ayenzileyo. Wawela kanye kuLwandle oluFileyo, ngokungathi kukumhlaba owomileyo. Wenza, Wadala izinto, wenza namasele, neentwala, neentakumba ukuba zivele emoyeni; wazidala ngeLizwi laKhe, ngomprofethi waKhe. Yayingeyomfihlelo leyo. Bayayazi.

<sup>294</sup> URahabhi ke wathi, “Ndiyivile loo nto. Andifuni kutshabalala kunye nabangakholwayo. Hayi, mhlekazi!” Wayesazi ukuba umgwebo wawufanele ukusilandela, kuba babesendleleni kanye. Wayeyazi loo nto. Ngoko, zamenzela indlela yokuwusaba.

<sup>295</sup> Inokuba babekholwa ukuba ihlelo labo elikhulu laseYeriko lalinako ukumelana nengqumbo kaThixo; ’yabona, ihlelo elilelabo elikhulu.

<sup>296</sup> Yiloo nto kanye abacinga yona abaninzi babo namhlanje. “Oo, ngokuqinisekileyo uThixo akanakuyenza loo nto.” Wathetha loo nto uSathana ku-Eva. “Oo, ngenene uThixo akangeke.” Uzakuyenza, kuba Wathi Uzakuyenza, ’yabona, kube liLizwi lakhe elo. Ewe, mhlekazi.

<sup>297</sup> “Ukuba umntu akathanga azalwe!” “Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bazelweyo!” ’Yabona? “Bayakwazi ngalento bonke abantu ukuba ningabafundi baM,” nezinye, ’yabona. Kulungile, wafuna ukuyenza. Who-w!

<sup>298</sup> Kwenzeka ntoni? Ngoku babevallelwe ngaphakathi. “Akukho mvuselelo izakuqhubeka apha. Ihlelo lethu alinakuyixhasa into enjalo. Asiyikuba nemfeketho enjalo phakathi kwethu. Ndalela nabani na kuni ukuba aye kulaa nkonzo.” Heh! IYeriko, isendleleni yabagwetyiweyo kanye!

<sup>299</sup> Kodwa inokuba kwakukho bafana bathile bamakhasethi abanyebelezelayo bangena ndaweni ithile, besiya kwimbewu eyanyulwa kwangphambili. Banyebelezela baya kutsho endlwini yakhe badlala amakhasethi. Wayenza eyakhe—wayenza eyakhe indlu yayinkonzo, yokwamkela umyalezo.

<sup>300</sup> Basekhona nanamhlanje, uyazi. UMyalezo ufikile kwiMbewu eyanyulwa kwangaphambili, nakanjani na. Asazi

ukuba Uyokufika kanjani na, kodwa Uyokufika, ngoko iLungisa aliyikutshabalala nabangemalungisa. UThixo uyayiqwalasela lo nto, namhlanje. Ewe, uyanyebelezela Ungene ngandlela ithile. Asazi ukuba njani na. Nangona bengayi kuWuxhasa, kodwa ikho iMbewu ephaya phandle eyanyulwa kwangaphambili.

<sup>301</sup> Nabani onento ayaziyo ngeBhayibhile, uyazi ukuba elaa henyukazi lalinyulwe kwangaphambili. Ngenene lalinyuliwe. Alizange...Yathi iBhayibhile, "Alizange litshabalale ndawonye nabo bangazange bakhholwe." Injalo loo nto. Koko lakholwa ngumyalezo weyure.

<sup>302</sup> UThixo ke walinika uphawu, ngabathunywa baKhe. Bathi, "Thabatha umtya ongqombela, obomvu uwubophelele kweyakho..." Bathi, "Khumbula, ukuba akuwubophelelenga laa mtya phaya, okanye uwushiye phaya, lo sisabe ngawo, sakuba simsulwa kwisifungo sethu." Baze bathi, "Ukuba uphumile ngaphantsi kwawo, asinatyala. Owu, Nkosi! [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kathathu—Mhl.] "Rahabhi, yonke imbewu eyanyulwa kwangaphambili apha ngaphakathi, phuma uyokuyizingela. Fumamna utata wakho, umama wakho! Kuba, sisandula ukuphuma, phantsi kwentlawulelo, ezantsi eYiphutha, kwaye yonke into ebesingayifakanga phantsi kwalaa mqondiso yatshabalala. Rahabhi, ndikunika uphawu. Lungumqondiso. Ndithi, ngeGama leNkosi, njengokuthi, ukuba uthe wawufaka! Ndiqhelene naye, nomthunywa. Ndiyazana nengelosi yengqumbo, uYoshuwa. Nguye umthunywa kaThixo otshabalalisayo. Ndiqhelene naye, kwaye uyazi ukuba kufanele kubekho uphawu lomqondiso. Uze uwujingise phaya, kwaye ndiyakukuqinisekisa. Ndiyafunga." NoThixo ufungile, naye, ukuba okuphumileyo ngaphantsi kwawo kuyakutshabalala, kwaye konke okungaphantsi kwawo kuyakuphila.

<sup>303</sup> Kwaye ngoku, kusekho eso sifungo sinye, yiloo nto inye, 'yabona, "Andisayi kuniyekela nitshabalale kunye nabo bangawukholwayo uMyalezo." Baye ba...

<sup>304</sup> Wayeyivile imisebenzi eyayenziwe, waze wakholwa yiyo. Kodwa, ngokumalunga, waye...Yena notata wakhe, nabambalwa babanakwabo, okanye into elolo hlobo, yayingabo kuphela ababekholwa kuwo, kuso sonke eso sixeko.

<sup>305</sup> Uyabona ukuba bambalwa kangakanani? Mnye nje kuphela *apha naphaya*, lusatshana oluncinane oluya kuphuma esixekweni. Akunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngokuqinisekileyo ngoku, apha sithetha izinto eziphathekayo. Si...Ukuba uzakuwubona into oyiyo umzekeliso uqobo, kufuneka ubone ukuba ubuyintoni na umzekeliso uqala. Kufuneka ubone ukuba besiyintoni na isithunzi, ngoko ke uyakubona ukuba iyakubanjani na into yokwenene. 'Yabona?

306 Amandla aKhe ayebonakalalisiwe. Umgwebo uzakulandela. Kufuneka bakholwe, kunyanzelekile ukuba bakholwe ukuze basindiswe. Ewe, mhlekazi. Naba bancinane. . .

307 Aba bafo bangena phaya, aba bathunywa, baze—baze bayibambisa laa mbewu yanyulwa kwangaphambili yakholwayo. Wasebenzisa indlu yakhe njengenkonz, ukwamkela ezi zithunywa. Babengazivumeli zingene kwezaa nkonzo. Hayi, mhlekazi. 'Yabona? Ngoko yena. . .

308 Abayikukuvumela, nawe. Bakukhabela ngaphandle ukuba ukhe wathetha into ngaWo. Ewe. 'Yabona?

Babafumana bonke kweso sixeko sakhe, abakholwayo, babafaka ngaphantsi komqondiso.

309 Yiloo nto kanye ekungcono siyenze namhlanje. Ukuba kukho isihlobo osithandayo ofuna sisindiswe, kungcono uyokusifuna khona ngoku. 'Yabona?

310 Yathi ingqumbo kaThixo xa itshabalalisa eso sixeko sikhulu, uphawu lomqondiso lwayigcina ikhuselekile indlu yakhe. Amen. Yintoni na? Uphawu lwaluphezu komqondiso wakhe. . . Okanye, umnqophiso wawuphezu kwendlu yakhe, sathi sakushukuma sonke isixeko sayakuma emhlabeni. Yayiyintoni? Yayiyintoni? NguYoshuwa, umthunywa kaThixo! UThixo wawuhlonela umyalezo wabathunywa baKhe. Amen! [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kabini—Mhl.] Loo nto yaWuqondakalisa! Loo nto yaWuqondakalisa! Bawuhlonipha umyalezo. Wawuhlonipha umyalezo wabathunywa baKhe. Kwaze kwathi sakushukuma sisiwa sonke isixeko, wawumi apho umqondiso obomvu kaRahabhi phezu komnyango, abanye ke bonke kwaba kuphelile ngabo.

311 Ngoko, zenyuka ngqo iingelosi ezitshabalalisayo zatshabalalisa yonke into eyayilapho esixekweni, akwasala nesuntsu lempahla. Omnye wathatha isuntsu laloo mpahla, kwanyanzeleka ukuba atshabalale kunye nayo, iphuma ehlelweni. Bayithabatha yonke loo nto bayitshabalalisa! "Iqalekisiwe indoda ezama ukulakha. Amazibulo ayo ayakufa isaqala," njalonjalo. UThixo wayiqalekisa ngolo hlobo, loo nto inkulu yalwalayo uba. . . umyalezo wenceba nobabalo, bacinga ukuba babenqatyiswe ngokukhuselekileyo.

312 Abantu abaninzi bacinga ukuba, namhlanje, "Ngenxa yokuba ndingena inkonzo, ndinqatyiswe ngokukhuselekileyo." Ungaze uyikholelwe imfeketho enjalo.

313 Ngoko, "Igazi loba ngumqondiso kuni." NguMoya ngoku uMqondiso kuni, uBomi obabuseGazini.

314 Yinto enye, makhe siyicinge loo nto, laa mqondiso mnye babewusebenzisa eYiphutha, obaa bomi bunye

babuseYiphutha, uThixo wasebenzisa umzekeliso omnye naphaya phezulu. UYoshuwa umzekeliso ogqibeleleyo kaYesu, wanyaniseka kuphawu lomqondiso wabathunywa bakhe abawushumayelayo. UYoshuwa, ekuthetheni kwakhe oko, wathi, “Ningayichukumisi laa ndlu nantoni na ekuyo. Igcinelwe iNkosi.” Amen!

<sup>315</sup> INtlanga, ihenyukazi, umhambi wesitrato, kodwa weva wakholwa, waze wawufaka umqondiso.

<sup>316</sup> Akukhathaliseki nokuba weyele kangakanani na esonweni, yintoni na owayenzayo, loo nto ayinanto yakwenza konke noko. Qaba uMqondiso wena. Ngowakho. Ukuba uva entliziyweni yakho ukuba kukho nto ithile itsalayo, Ungowakho. Faka uMqondiso wena. Omkhulu ke uYosh. . .

<sup>317</sup> Igama uYoshuwa lithetha “Yehova-msindisi.” Ngokunjalo noYesu, uthetha u“Msindisi.” UYoshuwa, ke, akuba esazi ukuba abathunywa bakhe. . .

<sup>318</sup> Abathunywa bakhe babuyela emva, bathi, “Ndiyithobele imiyalelo yakho. Kuye kwakho umfazi esimfumeneyo, sakudlala amakhasethi, uyazi. Sifumene umfazi okholiweyo. Saza samxelela, ukuba bonke abayakungena ngaphatsi kolwaa phawu lubomvu phaya, umqondiso, luyakube luthetha wona. Ngoku ndishumayele oko. Ingaba uyakuwuhlonipha, Yoshuwa?”

“Ndakuthumelela ukuba wenze loo nto.” Amen.

<sup>319</sup> Kwaze ke ngoko, loo nto, uThixo wayihlonipha, laa ndlu ayizange igungqume iwe. Wathi uYoshuwa ngoko akuma apho enika imiyalelo yokuba kutshatyalaliswe yonke loo nto, wenyuka ngqo, wabe uRahabhi nabo bonke abakowabo behleli kakuhle, nayo yonke into yabo, amen, amen, yonke into yabo yayilapho endlwini, ikhuselekile. Basuka nje bema apho, akwafuneka nokuba havele ngefestile. Babekwazi ukuyifunda iBhayibhile ngelithuba idabi laliqhubeka.

<sup>320</sup> Wabuyela emva wamkela, wamkela injengele yomkhosi, waza wenyuswa, waza kutsho eBhetelehem, esakhe isabelo basabelwa apho. Waze wazala i. . . wazala unyana odumileyo, loo nyana udumileyo ke wazala omnye unyana odumileyo, naloo nyana udumileyo wazala omnye unyana odumileyo, wade omkhulu, uNyana wodumo wafika. Konke ukuhla, ukuya kudlula ko-Obhede, ukuyakutsho kuYese, ukuhla ukuza kuDavide. Kunjalo, ihenyukazi uRahabhi, ngokuba wamkholelwa umthunywa. Wawufaka umqondiso, yaza indlu yakhe yasindiswa, kungenjalo ngewatshabalalela apho phantsi kuloo ndawo wayekuyo.

<sup>321</sup> Phulaphulisisa ke ngoku. Owu, uthi, uyawuqaphela nje? Bonke ababengaphantsi kwawo basindiswa eYiphutha. Bonke ababengaphantsi kwawo basindiswa eYeriko. Bonke

abangaphantsi kwawo bayakusindiswa namhlanje. Ixhwane elixhixha igazi, imvana eyophayo, ingumzekeliso kaYesu Kristu.

<sup>322</sup> KumaHebhere 13:10 no-20. Andinathuba lakuyifunda. Yibhale phantsi. Bendizakuyifunda. Ubizwa ngokuba “ngumnqophiso ongunaphakade.” IGazi likaYesu Kristu libizwa ngokuba “ngumnqophiso ongunaphakade.” Ewe, mhlekazi! “Umnqophiso ongunaphakade.”

<sup>323</sup> Kwakutheni uze ubizwe ngokuba “Umnqophiso ongunaphakade”? Ngokuba wawungazukuba nguNaphakade. Xa sihlangule, kugqityiwe konke. Lolungunaphakade, into ethetha, “umyinge othile wexesha,” lide liphelelwe ixesha. Akusayikubakho wumbi. Lakufikelela esiphelweni ixesha, asisayi kuswela mnqophiso. Kodwa lide liphelelwe ixesha, siwuswele umnqophiso.

<sup>324</sup> Ngoku, khumbula, amaHebhere 13:10-20, u “mnqophiso ongunaphakade.” Idinga likaThixo elopha igazi lisenza sikhululeke esonweni. Amen! Akukho sono kuYe; isono, ubuwena, inyama.

<sup>325</sup> Nqulani Yena nibonise amandla aKhe esithembiso. UThixo ubotshwe liGazi, ubotshwe ngumqondiso, abantu bomnqophiso banoMoya kaYesu Kristu apha ngaphakathi, ukuze, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna, uyakuyenza naye,” ebonakalalisa umnqophiso. 'Yabona?

<sup>326</sup> ITestamente eNtsha! ITestamente ithetha “umnqophiso.” Injalo loo nto, ayinjalo, Gqirha Vayle? iTestamente ithetha “umnqophiso.” ITestamente eNtsha ithetha “umnqophiso omtsha.” ITestamente eNdala yayingomdala, phantsi kwexhwane, apho ubomi babungenakubuya buhle phezu kwekholwa. ITestamente eNtsha yayiyiMvana kaThixo, kwaye uBomi baYo buyabuya buhle phezu kwethu. UBomi beGazi! 'Yabona? IGazi buBomi kwiTestamente eNtsha, 'yabona, uBomi busuka eGazini leMvana, elithetha iTestamente eNtsha, umnqophiso omtsha.

<sup>327</sup> Ukuze, uThixo, “Emva kwaloo mihla Ndiyakuyibhala imithetho yaM kumacwecwe enyama entliziyweni yabo.” 'Yabona? 'Yabona? “Ingekuwo amacwecwe amatye, negazi lexhwane, apho kwakufuneka uthi, 'Ewe, ndi—ndinalo ingazi ngapha, ngoku lithi mawenze ntoni? Koko phezu kwamacwecwe entliziyu yenu, 'yabona, ndiyakwenza umnqophiso woMoya naba bantu.”

<sup>328</sup> Ubonakalisa amandla aKhe ke. UYohane 14:12, uthi, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi endiyenzayo Mna uyakuyenza naye.”

<sup>329</sup> ITestamente eNtsha kukuthi “umnqophiso omtsha,” uBomi obutsha, obubonisa ukuba uYesu wahlangabezana nayonke

imfuno awayeyifuna uThixo kuthi, ukusibuyisela kwakhona, ngenyaniso, koonyana neentombi zikaThixo, ngaphantsi kweGazi, apho kungasekho kugwetywa.

<sup>330</sup> KwabaseRoma 8:1, “Ngoko ke ngoku akukho kugwetywa kwabakuye,” hayi kwabo *baWukholelwayo*, “kwabakuKristu Yesu, abangahambiyo ngokwenyama, abahamba ngokoMoya. ILizwi laM ke linguMoya libuBomi.” ‘Yabona? Owu, bendingenakukhe ndithabathe umxholo kuloo ndawo ndikhe ndihlale malunga nezinye iiyure ezimbalwa. Kodwa sizakukhawulezisa siyiqqibe, uyabona.

<sup>331</sup> Akusekho kugwetywa, sikhululekile esonweni, sikhululekile kumaxhala ehlabathi, akukho kugwetywa. Ngoba? “Kwabo sele bethe, ngaMoya mnye, babhaptizelwa Mzimbeni mnye.” Apho ke iGazi leMvana seliqatywe. UThixo weZulu unamkele, kwaye obenu...UBomi baKhe bukuni, ningoonyana neentombi zikaThixo.

<sup>332</sup> Isimo senu sisimo sikaThixo. Yintoni bethu, kukuzenzisana okuthile? Hayi, mhlekazi. UThixo unguThixo womgwebo. UnguThixo wokulungisa. Kufuneka ukuba ibe semgweni. Akukho nto yimbi iyakusebenza. Nalo uhlobo lwesimo enilulo, ngokuba nisisimo sikaTata wenu. ‘Yabona?

<sup>333</sup> Yintoni? Ubomi, khangela xa (bona) ubomi buthatyathiwe, ngenxa yegazi. ‘Yabona? Ubomi ngokwabo buthatyathiwe. ‘Yabona? Ubomi, buthatyathwa, ngenxa yegazi. ‘Yabona? Igazi laliqatywa, ubomi bungabinako ukubuyela phezu kwekholwa ngoko, kuba ibubomi besilwanyana. Ingebo bomi . . .

<sup>334</sup> Kodwa, ‘yabona, endaweni yomntu, yaba ngongaphezulu, ongaphezulu, ongaphezulu koMntu. ‘Yabona? Loo nto yenza ukuba umntu ngoku angabi ngomntu nje, kodwa ungunyana nentombi kaThixo yoBomi obungaphezulu, obungaphezulu, obungaphezulu, obungaphezulu, obungaphezulu obabukuYe, bubuyela phezu kwakho, buze bukutshintshe ekubeni ngumoni, nakwizinto zehlabathi, ubulungu benkonzo, nokuba ngumhambi wehlelo, ube nguMkristu ozelwe ngokutsha, ozaliswe nguMoya; uBomi bukaThixo buphuphuma kuwe, njengeentlantsi zisuka kwindawo yokukhandela intsimbi, uhamba nje, uzele sisidima, nothando, nokulunga, kwaye njengoMoya Oyingcwele uhambe, uthetha. Owu, Nkosi! Nantso ke. Kwaye ngo (ngantoni?) ngokuva uMyalezo, ukukhangela kwiNtsika yoMlilo, nesiqinisekiso esisikelelekileyo, “Ndidlule ekufeni ndangena eBomini.” Qaphela, ngoko ke, akukho kugwetywa kwaphela.

<sup>335</sup> “Ukuba intliziyo yethu ayisigwebi, ngoko sinaso isicamagushelo sethu, ‘yabona siyayazi loo nto.” Kodwa ukuba isono sisentliziweni yethu, ngoko iyasigweba, si—singasuka singaqali nakuqala. ‘Yabona? Kunyanzelekile ukuba



ukhululeke esonweni. Inye kuphela indlela yokukhululeka esonweni kukungena kuYe. Seso kuphela isigubungelo esikhoyo sesono, nguKristu.

<sup>336</sup> Khumbulani, Igazi lomnqophiso, igazi lomnqophiso alamkelwa ngaphandle koMqondiso. Awungeke. Awusoze. Uthi, “Kulungile, ndi—ndihlanjululwe kwezo zinto.” AsingoMqondiso lowo. NguMoya, onguMqondiso, uMoya kaKristu uphezu kwakho. Wukholelwe!

<sup>337</sup> Ngoku, khangela, iLizwi liyasiqinisekisa ngesi sithembiso: Yonke le yimixholo endiyibhale apha phantsi. Ndingaqhubeka ndishumayela imini yonke, kukhangeleka kanjalo, 'yabona, ngayo le. 'Yabona? ILizwi liyasiqinisekisa ngedinga, ngokuaba Lililo idinga. ILizi lisiso iSithembiso, kwaye iLizwi linguye uThixo, libe iLizwi i—ilelethu. Thina ke siba liLizwi, iLizwi ke liba sithi. “Ukuba nithe nahlala kuM, naMazwi aM ahlala kuni,” ngoko, 'yabona, iba lusapho olukhulu olunye nje. 'Yabona? Liyasiqinisekisa. Ngokuba kutheni? Ngoko, yinxalenye yethu. 'Yabona? 'Yabona? 'Yabona, Liba yinxalenye yethu. Ngonjani wona umxholo! Kulungile. Liyasiqinisekisa, idinga.

<sup>338</sup> UMqondiso luphawu lokuba intengo seyenziwe yamkelwa. Ngoku, awunakulifumana itikiti kwaloliwe ude ube ulihlawule ixabiso; ibe inye kuphela indlela oyakuhlawula ngayo ixabiso kukuba ulihlawule. Injalo loo nto. Intoni? Likholwe. Lamkele. Intobeko epheleleyo yeLizwi likaThixo lilonke iyakukwenza ukuba uvumeleke kuMqondiso. Intobeko epheleleyo! Hayi inxalenye yalo uphelele apho ihlelo lakho liphela khona, koko Lona lonke. Intobeko epheleleyo kwiLizwi, elinguKristu, ikungenisa kuKristu.

<sup>339</sup> Ngoku bekuyakuba njani ukuba ubungene wonke, kodwa iinyawo zakho zijinga ngaphandle? Ukuba ubungene wonke, izandla zona zijinga ngaphandle? Ubukhulu bethu bube ngaphakathi, kodwa intliziyo ijinga ngaphandle? 'Yabona? 'Yabona? Intliziyo isesehlabathini? 'Yabona? Kodwa asiyezi loo nto.

<sup>340</sup> Intobeko ezeleyo, epheleleyo ikubeka wena kunye neLizwi niBanye. UyaLikholwa, isuntswana ngalinye. Libe Likuwe lilonke, uyaLijonga lisebenza ngawe.

<sup>341</sup> Awujikelezi esithubeni neqela labenza yonke into. 'Yabona? UnguMkristu. Akukhathaliseki nokuba ngubani othini na, abanakuze bakuchukumise. UkuKristu wena. Ukhuseleke kangokuba unokuba nako.

<sup>342</sup> Xa ukufa kunkqonqkoza emnyango, akunandawo yakubambeleva, 'yabona, ngokupheleleyo. Ngoba? Kukuthabatha nje inyathelo lokuphuma *apha* ukuya kungena Phaya.

<sup>343</sup> Ubudala abuthethi nto konke. Sowudlule ekugugeni. UkwinguNaphakade, kuba ukuYe. Yena ke unguNaphakade. Akuthethi nto konke, nokuba usemtsha, umdala, uphakathi ngobudala, into uyintoni na. Umhle, umbi, umfutshane, utyebile, uyintoni na, akukhathaliseki nakancinane. Ayingeke.

<sup>344</sup> Awujikelezi, nazo zonke ezinye ezi izinto. Wena, wena sowudlule kuloo nto. Ufile. Ubomi bakho bufihlwe kuThixo noKristu. Utywinelwe ngaphakathi apho ngoMoya Oyingcwele, uhamba ukuKristu. Inye kuphela into oyibonayo nguKristu. Kuphela ke. Yiloo nto kuphela, uyahamba. Koko, owu, madoda! Yiyo loo nto sasicula elaa culo lincinane!

Zalisa indlela yam mihla yonke ngothando,  
Ndisahamba neHobe lezulu;  
Mandihambe lonk'ixesha, ndineculo  
noncumo,  
Zalisa i . . .

<sup>345</sup> Mandibe ngumzalwana. Mandiphile umzekelo wento awathi uKristu indoda ifanele ukuba yiyo. Mandibe ngumzalwana kumzalwana, ndibe ngumzalwana kudade. Mandibe ngu-ngumlungiseleli kubalungiseleli. Mandibe ngumzekelo wemizekelo. Mandibonise kwihlabathi ukuba eli Lizwi linguKristu. Inye kuphela indlela endinokwenza njalo ngayo kukungena kuYe. Ngokuba, andinakuyenza ngokwam, nawe awunakuyenza. Kodwa vumela ukuba iLizwi kunye nawe nibe baNye, emva koko Liyaziphila Lona kuwe. Uyincwadi ehambayo kaYesu Kristu, xa athe wanolawulo olupheleleyo, ulawulo olupheleleyo kuwe, ukuze wenze iLizwi ngalinye.

<sup>346</sup> Ukuba Uza *ngale* ndlela, “Ndifuna ukwenza oKu,” uze uthi, “Hayi, hayi, andikholelwa yiloo Nto,” ’yabona, awukabikho Lizwini. ’Yabona?

<sup>347</sup> Ezeleyo, ngoku khangela, ngokuzeleyo, ngoku, intobeko ezeleyo kwiLizwi elipheleleyo likaThixo isivumela ukuba singene kuwo uMqondiso. Ngoko xa sihlawula, sithandaza, kufuneka ukuba sibe noMqondiso wokuba siwuzise kunye nomthandazo wethu.

<sup>348</sup> Ukuba uthi, “Ndiyathandaza, Nkosi, kodwa andinako ngenene. . .” Hayi, awungeke. Usenokuma futhi, ’yabona, kuba laa Mqondiso nguwo into Ayakuyihlonipha. ’Yabona? Ewe, mhlekazi.

<sup>349</sup> Xa sukuba sithandaza ngoko kufuneka sivelise uMqondiso. “Nkosi ndiKuthobele, ngokupheleleyo. Ndiguqukile ezonweni zam. Ndizivela ukuba uNdixolele. Sendibhaptizelwe eGameni likaYesu Kristu. UMOya Oyingcwele uphezu kwam. Ngoku ndinento ethile endiyisweleyo ngokubhekiselele kuzuko lwaKho. Nkosi, ndiyayicela. Yeyam ngoku.” Ngoku ke kubakho into ethile emilayo *apha* emva, “whowu-whowu,”

yeyakho. Yenzeka ngolo hlobo. Kube kuphelile konke. Kuphelile konke. Ilungisiwe. “Ndicela *oku*. Ndiyakucela. Kufanele ukuba ndibe nako. ‘Yabona? ‘Yabona? Ndi—ndiyakufuna ndikufunela uzuko lwaKho.” ‘Yabona? Kwalunga, injalo ke, ngoko ke Uyakunika nje. Uze wazi ukuba kokwakho. Kuyiloo ndlela ke, kubantwana bethu, njalo njalo, siqaba iGazi, silikholwe. Kuphela. Kulungile.

<sup>350</sup> Ubenza ntoni ke ngoko? Xa unawo, unokuwuvulisa uMqondiso kunye nomthandazo wakho, Ubonakalisa ukuba ufikelele ekuthobeleni okupheleleyo iLizwi likaThixo lilonke. Xa unawo uMqondiso, loo nto ibonakalisa ukuba uthobebe lonke iLizwi. Ngoko ke, wena neLizwi nibanye, ucela kuphela lo nto uyiyo. ‘Yabona? ‘Yabona? Ngoko, sekuthenina, uyazi.

<sup>351</sup> Ukuba ndithi *koku*, “Sandla, ndithobebe, thatha phaya laa tshefu!” Senza njalo. ‘Yabona, isandla siyandithobela. Ngoba? Siyinxenye yam. ‘Yabona?

<sup>352</sup> Ngoko xa wena neLizwi nithe nabanye, sonke isithembiso, uzuko kuThixo, lonke idinga lelakho. Liyakuthobela. Ngoku ufuna ukuyikhangelala loo nto ufuna ukuyenza. Awungeke usifake emlilweni isandla sakho, usenzela nje ukuthi, “Ndiboneni ndiyenza.” Owu, hayi, hayi! ‘Yabona? Kodwa ukuba kukho into ethile kulaa mlilo, ekufuneka ndifikelele kuyo, siyakundithobela. ‘Yabona? ‘Yabona? Kunjalo. ‘Yabona, ufuna ukuyijonga into oyenzayo.

<sup>353</sup> Kungeso sizathu uMoya Oyingcwele simnikwe ngoqoqosho, nezinto ezinjalo, niyazi ukuba ndithetha ukuthini na, kuba abanye...Awufuni ku...Isicaka sokwenene sikaThixo asiqhayisi ngaWo, uyabona. Yiloo nto ke. Kukwenza umboniso nje oko.

<sup>354</sup> Xa sithandaza sizisa, uMqondiso. OKo kubonisa ukuba sithobela ngokupheleleyo.

<sup>355</sup> UPawulos usixelela, ukuba, “Igazi liyathetha.” Ngoko, nabanina owaziyo ukuba igazi liyintoni na, ngenene, lona ngokwalo, alinakuthetha. Libububende. Akunjalo? Bangaphi abayaziyo loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kodwa abaziyo ukuba igazi liyathetha? [“Amen.”] Ukuba ufuna ukuyibhala loo nto, yiGenesis 4:10. UThixo wathi, “Uphi umninawa wakho?” Wathi, “Igazi lakhe liyakhala emhlabeni, ngawe.” Amen! Akunjalo? Igazi lakhe liyathetha. Haleluya! [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kathathu]. UThixo wathi, “Uthini ngaye?”

Wathi yena, “Ndingumgcini womninawa wam yini na?”

<sup>356</sup> Wathi, “Igazi lakhe liyakhala. Igazi lakhe liyakhala.” [UMzalwana uBranham unqonkqoza kathandathu epulpitini—Mhl.] Lingumqondiso. Lingumqondiso, wokuba wabulawa. Igazi lakhe lalikhala limmangalela.

<sup>357</sup> Ngoku, ukuba uyayifumana loo nto kwiGenesis 4:10, kwakhona kuMahebhere 12:24, uqalise ukufunda. KuMahebhere 10, 12:4. Ithi, “IGazi likaYesu lithetha izinto ezingcono kunelika Abheli.”

<sup>358</sup> 'Yabona, u-Abheli, yena wayeyindoda elilungisa. Wafa. Wafa, engenatyala, ngokuba wayeseNdleleni. WayeseNdleleni, emele isityhilelo senyaniso awayenaso. Wathetha. Lakhala ke lona! Igazi elinobulungisa lika Abheli lakhala limangalela uKayin.

<sup>359</sup> Kodwa iGazi likaYesu Kristu, alizange likhale nje kuphela, Lasihlangula. Amen! “Lithetha ezona zinto zingcono.” Linenza oonyana neentombi. Liyanifihla kwingqumbo kaThixo. 'Yabona? Igazi lika Abheli lalingenakumfihla uKayin, 'yabona, kodwa iGazi likaYesu linako. Amen!

<sup>360</sup> Ngoko, phuma Cain namhlanje, ukuba ubungumtshutshisi ochasene neLizwi, usithi, “Tintsuku zemimangaliso zeedlula. Le Nto yonke yimfeketho, nezinto ezinjalo.”

<sup>361</sup> Liyakhala, uyabona. IGazi likaYesu Kristu liyakhala, kodwa ke kukho uxolelo kuLo ukuba nje uyakuLamkela. Ndingqwenela ukuba sibe besinokuhlala umzuzwana kuloo ndawo, 'yabona, “IGazi lithetha ezona zinto zingcono.”

<sup>362</sup> Kholwa, khon'ukuze ukhuseleke. Uze ke uliqabe, 'yabona. Kholwa ngenxa yalo. . . Nantsi into ofuna ukukholelwa ngenxa yayo. 'Yabona, ufuna ukhuseleko olulolwakho. Ukholelwa ukhuseleko lwakho, uze ke ufake uMqondiso ngenxa yosapho luphela. 'Yabona? Uthi ke, “Ndingayenza njani loo nto?” Yibange! Ukuba usebenzile kuwe, ngoko ke wena neLizwi niba banye. Amen! Amen! 'Yabona? 'Yabona? Unisebenzela nobabini. Wena neLizwi nibanye, emva koko Wufake kubantwana bakho, Wufake kwizihlobo zakho ozithandayo.

<sup>363</sup> Njengokuba wenzayo uRahabhi, wawufaka umqondiso kuyise, wawufaka kunina, wawufaka kubanakwabo noodade wabo, wabafaka phakathi bonke.

<sup>364</sup> UyaWufaka, uthi, “Nkosi, ndizingela unyana wam. Ndizingela intombi yam. Ndiyayibanga! 'Sathana, yikhulule!' Ndizokuyifuna. Ndifaka uMqondiso wam, uMoya Oyingcwele. Owu Moya Oyingcwele, ophila ngaphakathi kwam, bamba intombi yam leya. Ndiya kuyo ngoku, ndinentambiso yaKho phezu kwam.” Uyakuyenza. Amen.

<sup>365</sup> Yiloo nto kanye abayenzayo eYiphutha. Benza loo nto eYeriko.

<sup>366</sup> Ukuba ufuna ukufunda esinye, iZenzo 16;31. UPawulos wamxelela umthetheli-khulu, “Kholwa! Ndingumthunywa waleyure. Kholwa kwiNkosi uYesu Kristu, wena nendlu yakho uyakusindiswa.” Akunjalo? Kholwa ngenxa yendlu yakho,

bafake bonke ngaphantsi. “Ngoku umbonile uThixo weZulu esenza ummangaliso. Kuphambi komgwebo. Uyakholwa yiloo nto?”

“Ewe! Ndingenza ntoni?”

367 Wathi, “Sukuma ubhaptizwe.” UPawulos wamthabatha wamkhupha wambhaptiza, wathi, “Ngoku, kholwa kwiNkosi uYesu Kristu, wena nendlu yakho uyakusindiwa.”

368 Kholwa ntoni? Kholwa kwiNkosi uYesu Kristu, ngenxa yendlu yakho, faka uMqondiso kwindlu yakho.

369 Ngoko ke wenza njani xa uWufaka kwindlu yakho? Khupha yonke inkunkuma phandle. Thabatha zonke iziketi ezifutshane, nebhulukhwe ezimfutshane, namakhasi, nemidiza, noomabonwa kude, nantoni na eyenye, uzikhabe ziphume ngomnyango, xa ufaka uMqondiso; awunakuma uthule ngenxa yazo. Ewe, mhlekazi. Zikhuphe zonke. Konke ukudanisa, neepati imigidi, ne-rock-and-roll, namaphephandaba amadala anentlamba, nezinto ezizezehlalabathi, zikhabe ziphume ngomnyango, uthi, “Siyayicoca le ndawo jikelele apha.”

370 Njengokuba wenzayo uYakobi, wathi, exelela inksikazi yakhe nabo bonke abanye, esithi, “Hlambani iingubo zenu nayo yonke into. Zilahleni ezi zithixo.” Amen. UYO. . .

371 Uyayazi into awayithethayo uYoshuwa phambi kokuba awele? Wathi, “Hlambani iingubo zenu, musani ukusondela kubafazi benu, nezinto ezinjalo, zilungiseleleni, kuba sekusele iintsuku ezintathu siyiwele iYordane.” Amen. Wayezilungiselela, wayefaka umqondiso. Amen. Injalo loo nto.

372 Zilungiselele. Wufake. Wukholelwe. Coca. Yenza ukuba abantwana bakho, usapho lwakho, izihlobo zakho, ziWubone ukuwe. Kunjalo. Uyakusebenza ke. Ewe, mhlekazi!

373 Uze ke ufake uMqondiso ngomthandazo, ngo—ngo—ngovelwano, ngokukholwa. Wufake ngolunjalo uthando, nokunjalo, de wazi ukuba kuya, kuyakwenzeka. Yiloo nto kuphela. Wufake ngethemba, ukholwa ukuba Uyakunceda. Xa uthetha naloo mntwana, xa uthetha nomyeni wakho, uthetha nenkosikazi yakho, uthetha nesi sihlobo, kholwa ukuba kuyakunceda. Yima nje apho, uthi, “Nkosi, ndibabangile. Bangabam. Ndibafumanela Wena, Nkosi.”

374 Wufake, dala impembelelo ekujikelezileyo, abayakusuke nje bawele kuyo kanye. ‘Yabona? Owu, unjalo, unjalo, ukuba unawo uMqondiso, udala umoya okungqongileyo, amandla, okuthi xa uhambayo, abantu bazi ukuba unguMkristu. Bathande ukuba kubekho nto uyithethayo kubo. Bayalikholelwa ilizwi lakho. Into oyithethayo, bayabambelela kuYo. ‘Yabona? Injalo loo nto.

375 Faka uMqondiso, uze ke uhambe naWo. Yibange indlu yakho. Kufuneka uyenze loo nto ngoku. Lilixa langokuhlwa ngoku. Ngoku, lithuba elide uphulaphule, ngoku, lilo eli ilixa langokuhlwa. Lixesha lokuwufaka ngoku. Ingqumbo izakubetha, ngolunye lwezi ntsuku, lisenokuba liphele kakhulu ixesha ngoku. 'Yabona? Faka uMqondiso, ngethemba.

376 Ukuba ufuna ukukufunda oko, funda into apha, iSibhalo sam ebendisibhalele oku, sesi funda kwaBase-Efese 2:12, ukuba ke ufuna ukusibhala. Qaphela, KwaBase-Efese 2:12, xa uyifunda, ithetha oku. "Ukuba asikhonzi misebenzi ifileyo, koko sikhonza uThixo ophilileyo, onemisebenzi ephilileyo." Amen! [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kabini—Mhl.] Owu, nkosi! Onemisebenzi ephilileyo, imiqondiso ephilileyo. Niyakholwa kwimiqondiso ephilileyo? [Ibandla, "Amen."] Bhala kwakhona, amaHebhere 9:11-14, ukuba ufuna ukubhala. Imiqondiso ephilileyo, imisebenzi ephilileyo, wufake!

377 Hayi imigaqo efileyo, "Ndizakumthatha unyana wam ndimse ecaweni ndiqiniseke ukuba ujoyina inkonzo."

378 Omnye umfana onguMkristu apha, umhlobo olungileyo, itshomi endala, umfo onguye, we—wehla weza apha, wabhaptizwa. Umama wakhe wathi, "Ndingwenela ukuba ube ubuye kwinkonzo enkulwana kunale, ukuba ubufuna u—ukubhaptizwa." 'Yabona? 'Yabona, umfana yena wayengafuni nje imigaqo emidala efileyo nezinto ezinjalo. 'Yanona?

379 Asikhonzi migaqo ifileyo nazithixo zifileyo. Sikhonza uThixo ophilileyo oGazi laKhe laphalazwayo phaya kudala, waze uMqondiso waqatywa kuthi, ukuze nathi siphile. Amen. Ewe, mhlekazi!

380 Musa ukukhonza imigaqo ethile efileyo. Bakhanyela nezinto ezinjengoMqondiso. Bathi, "Iintsuku zemimangaliso zedlula. Akukho nto injengobhaptizo lukaMoya Oyingcwele apha." Uyijoyinela ntoni into enjalo? 'Yabona? Musa ukuyenza loo nto.

381 Faka uMqondiso, ukuze, "ukhonze uThixo ophilileyo," usenzela imisebenzi ephilileyo, imiqondiso ephilileyo; imiqondiso ephilisa abagulayo, ivuse abafileyo, ixele izinto zingekenzeki, ithethe ngeelwimi, itolike, lonke ixesha ngokuchaneke gca, iprofethe ithi *oku* nento *enje* kuyakwenzeka, ibonise imiqondiso eZulwini phezulu, nasemhlabeni, imiqondiso nezimanga, amen, ithetha kanye le nto iBhayibhile yathi iyakwenzeka. "Ukhonze uThixo ophilileyo," faka uMqondiso!

382 Musa ukuya kwezo nkonzo ujoyine loo misebenzi ifileyo nezinto ezinjalo, kuba abakholelwa nokukholelwa kwizinto ezinjengemiqondiso. Kodwa thina bakholwayo, amen, siyayazi loo nto. . . Bathi, "Akukho nto injengomqondiso apha. Loo nto,

owu, owu, yimfeketho leyo. Laa nto bathetha ngayo phaya phezulu, yimpambano. Kutheni, akukho nto injalo apha. Kutheni, nina bafazi baphaya, owu, ni—ni, kutheni, anazi... Siyintoni isinxibo senu...?" Benza njalo. IBhayibhile yatsho. "Ziyintoni iinwele zenu...?" IBhayibhile yatsho.

<sup>383</sup> Nango, nango ke umahluko, 'yabona. "Musa ukuchukumisa, musa ukuphatha, musa ukungecamla." Yena unguThixo. 'Yabona? Ngoku, oko kunento okuyithethayo.

<sup>384</sup> Ngoku, bacinga ukuba yimpambano. Kodwa kuthi bakholwayo bayaziyo iNyaniso, siyazi ukuba IBukho baKhe, kuba Yenza kwa ezazinto zinye Wazenzayo ngokuya Wayelapha emhlabeni. Amen.

<sup>385</sup> "Owu," batsho, "baqikelela nje ukuba babona laa Ntsika yoMlilo." Owu, hayi! Owu, hayi! Akukho nto siyiqikelelayo.

<sup>386</sup> Babcinga ukuba uPawulos uyaYiqikelela, naye. IYiphutha yacinga ukuba uSirayeli wayeYiqikelela, kodwa Yabathatha yabasa ezweni ledinga. Ewe, mhlekazi! Asiqikeleli... .

<sup>387</sup> KumaHebhere 13:8, uyazi, "UYesu Kristu ukwanguye izolo, namhla, nangonaphakade," ukuba uyibhala, phantsi, 'yabona, ukuba, "Usenguye." A—ayisekuko—ayikuko... ikukuqikelelwa okuthile.

<sup>388</sup> Xa ndibhala oku apha ezi Zibhalo ndizibhala apha, ndiyazazi apho zikhoyo ezi Zibhalo, yiyo loo nto ndiya kuzo. 'Yabona?

<sup>389</sup> Ndiyazi ukuba buBukho baKhe obuphilileyo, kuba Wenza kwa into enye kuloMoya. Ngoku, ukuba sele iphume ecaleni yayakungena kwimigaqo mhlawumbi ihlelo, sazi ngokukhawuleza okukhulu ukuba ibingengoKristu. Akunjalalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuba ndinikhokelele kumgaqo othile okanye into enjalo, eyenye, ndinokuba ndithunywe ndisuka kwihlelo elithile. Kodwa andiniziseli migaqo, kwaye andinifundisi mahlelo. Ndinifundisa iLizwi likaThixo, elingamandla ovuko lukaYesu Kristu ebonakalalisiwe, engenzelwanga mna kuphela, koko nabani na othandayo. 'Yabona? Ukuze u... .

<sup>390</sup> Ungumzalwana wam. Andingomntu mkhulu, ube wena ungumntu omncinane. Singabantu abancinane sonke kuThixo. 'Yabona? Singabantwanana baKhe. Asazi nto, kuloo nto besifanele ukuyazi. Usenza ukuba sazi ngokuthanda kwaKhe, kwaye siyaMbulela ngoko sikwaziyo kweeNtsikelelo zaKhe. Kwaye andikwabi ngokwam oku; ndiyafuna ukwabelana nani ngako. 'Yabona? Ndinifuna ukuba ningene kuKo, kwaye ndifuna ukuba niwamkele loMqondiso. Ukuba ke aniyenzanga loo nto... Abaninzi kuni, uninzi lwenu, seluyenzile kakade. Kodwa ukuba abanye benu abayenzanga... .

<sup>391</sup> 'Yabona, ndithetha ekhasethini, kananjalalo, niyaqonda. Kwaye abaninzi babo... Andithethi apha ebandleni; siphumile

sonke, ndiyakholwa. Kodwa kusenokubakho amawaka aphindwe ngamawaka azakuva ikhasethi, 'yabona. Kwaye, oko, lulungiselelo. Kuyakubakho umntu othile oyakunyebelezela angene eYeriko, uyazi, ephethe ikhasethi, ngoko sifuna u—sifuna ukuyibambisa laa Mbewu yanyulwa kwangaphambili lakungena phaya, 'yabona, kuba ingqumbo iyeza.

392 Yazini ukuba ibuBukho bukaThixo ophilileyo, bubonakalisa ukuba uThixo waMvusa ngokweLizwi laKhe elathenjiswa. “Kuyakuba mzuzwana ihlabathi lingabi saNdibona. IYeriko, iYiphutha, abasayi kuba saNdibona. Ke nina niyakuNdibona kuba Ndi. . .” “Ndi” isimelabizo somntu, kusoloko kubhekiselelwa kuso, yabona. “Ndiyakuba nani. Ndim uMqondiso. Uvuko lwaM lunguMqondiso. Imisebenzi eNdiyenzayo iyakunibonakalisa, iyakuNdibonakalisa kuni.”

393 “Njengokuba kwakunjalo ngemihla ka—kaLothe, kuyakuba njalo ekubuyeni koNyana womntu, xa kuyakuba kuphuma uMyalezo wangokuhlwa.”

394 “Kuba kuyakuthi ngexa langokuhlwa kuKhanye. Kanye xa kusondela ixaxa langokuhlwa, ukuKhanya kuyakuphuma.” Owu, uzuko kuThixo! Indenza ndibenga ndingabaleka ndinqumle umkhosi nditsibe ngaphaya kodonga. 'Yabona? 'Yabona? “Kuyakubakho ukuKhanya malunga nelixa langokuhlwa.” Injalo loo nto. Watsho umprofethi.

395 “Ndiyakuba nani. Ndiyakuba kwisigaba sikaLuther; ndiyakuba kwisigaba sikaWesley; ndiyakuba kwisigaba samaPentekoste; kodwa kanye ngexa langokuhlwa, kuyakubakho ukuKhanya.” Abamahlelo bayakunyamalala bemke, uMqondiso ke uyakuqatywa. Kwaye nabo bonke abo banyanisekileyo entliziyweni, ukuhla ukuya kuphuma phaya, ngaphandle—ngaphandle kwenu abanakwenziwa ba—bagqibelele. Kodwa kuni. . .

396 Kunjengokuba intloko kufanele ihambe, ukuze imke nonyawo. Inyanzelekile intloko ukuba ihambe, ukuze sihambe nesandla. Inyanzelekile intloko ukuba ihambe, ukuze ihambe nentliziyiyo. Inyanzelekile intloko ukuba ihambe, ukuze ihambe nomlomo. 'Yabona, intloko imelwe kukuba ihambe.

397 Ngoku ke sikwixesha apho uMqondiso waqatywa khona emiqadini yomnyango, 'yabona, nasemigubasini. “Ke ngoko xa Ndibona igazi, lingumqondiso, Ndiyakudlula kuni.”

398 Ndizakukhawulezisa ngoku, ngokukhawuleza kangangoko ndinako ngoku. Eminye imizuzu nje emalunga nesihlanu, okanye elishumi, sizakugqiba.

399 Ibonakalisa ukuba uThixo waMvusa kwabafileyo. Niyayikholelwa loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Uphila



phakathi kwethu namhlanje. Kwaye “Ndi” nguKristu. Kwaye laa “Ndi” unathi kude kube sekupheleni kwe...loo nto ke *kusekupheleni* nje, nto leyo ithetha, “ukuphela kwehlabathi.” “Ndiyakubakho kude kube sekupheleni kwehlabathi,” ngokweLizwi laKhe lesithembiso. Wayithembisa loo nto. “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.” Asiyomfeketho leyo kuthi. InguMqondiso. InguMqondiso.

<sup>400</sup> Siyawamkela lo mnikelo ungcewele weGazi. Siyalamkela iGazi laKhe elanikelwayo, size sinike...Lowo usinika uBomi, uMqondiso, itywina lesithembiso saKhe. Kwabase-Efese 4:30, ithi, “Musani ukulenza buhlungu igazi”? Hayi. “Musani ukumenza buhlungu uMoya Oyingcewele, enithe ngaye na” [UMzalwana uBranham uyapheza, ayekele ibandla licaphule u, “tywinwa,”] “naqiniselwa, nagcinwa...” Niqiniselwe intlawulelo. Ninjalo. UMqondiso, uMoya Oyingcewele, uyakuba litywina. Xa sukuba nantoni na itywinelwe ngaphakathi kwetywina, kungcono ungayiqhekezi. Awunakulaphula, wena, hayi iTywina likaThixo. Hayi. ‘Yabona? Kuba u...“Musani ukumenza buhlungu uMoya Oyingcewele kaThixo, enathi ngaye natywinwa naqiniselwa imini yentlawulelo, ekuvusweni komzimba.”

<sup>401</sup> Liyimbewu, uphawu lokuba imbewu intshuliswe ngoBomi obunguNaphakade, “u-Zoe, ‘uBomi obubobaM,’ kwaye Ndiyakubuvusa kwakhona ngomhla wokugqibela.” Kwaye uhamba nje, unethemba lokuba uBomi bukaKristu bukuwe, ube nawe ukuYe. “Sabhaptizelwa Mzimbeni mnye ngaMoya mnye, sitywinelwe apho ngoMoya Oyingcewele,” phakathi koku amakholwa aluluhlobo, “kude kube yimini avuka gayo uYesu.” Owu, nkosi! Faka uMqondiso. Lithetha loo nto kuthi. Silindele ukuba eli Dini lisinike uBomi, kwaye Lenza njalo. Kwaye Lisinika uMqondiso, size siwufake uMqondiso, olitywina de...Singa—singabathathi- nxaxheba Koku, kuyinto enjani ukuba nkulu, ukuba ngabathathi- nxaxheba, sibhaptizwe ngaloo Moya mnye, sangeniswa kulowo wemfi... wemfihlelo uMzimba.

<sup>402</sup> Ndiyibize ngendlela lo nto, *oyintsomi?* Ofihlakeleyo, uMzimba oyimfihlelo, uMzimba oyimfihlelo kaYesu Kristu. ‘Yabona, uMoya Oyingcewele uthe, “Uyibize gwenxa laa nto.” Isidenge esifana nam, kodwa Uthe, “Uyithetha gwenxa loo nto,” Ndiyibize ngokuba “*ngoyintsomi,*” kanti ngoyimfihlelo kaYesu Kristu, ‘yabona, uMzimba oyimfihlelo kaYesu Kristu. Andi...Asiswele mfundo; siswele uMoya Oyingcewele. NguWo ofunekayo. Ewe, ‘yabona, loo nto inokuba ikhubekise umntu othile ndaweni ithile, umhlohli othile, ngoku ndiyathemba ukuba uyakuyivisisisa. UMzimba oyimfihlelo! Iyakuba yeyento ethile, kuba Ngengayithethanga loo nto. ‘Yabona? Ulapa khona ngoku. Ulapa epulpitini. Ulapo kanye phantsi. NguYe. ‘Yabona? Whow!

403 KuYe ke akukho kufa. KuYe akukho lusizi. KuYe akukho kudinwa. Kuye akukho sono. KuYe akukho kugula. KuYe akukho kufa. SikuYe ke! Ukuba uSathana uzama ukukunika into ethile, enjengokugula, thabatha nje uMqondiso wakho uWuqabe. Owu, nkosi! Thabatha uMqondiso wakho uWuqabe, wokuba uyimveliso ethengiweyo kaYesu Kristu. UMqondiso umele ukuba ixabiso lohambo lwakho lihlawulwe.

Uthi yena, “Wakufa uyakuba ulahlekile.”

404 Yithi, “Uyiphosile. Ndinayo imveliso ethengiweyo. Ndinawo uMqondiso.”

“Uyintoni uMqondiso?”

405 Uyawazi ukuba Uyintoni na. Musa, musa ukudlala ngaye. Uyawazi ukuba Uyintoni na. Ngoku, usenokuthetha nabanye baba bashumayeli, baye bayakuphikisana nawe. Hayi uSathana; wazi ngcono. 'Yabona? Owu, ewe. Uyachasana nayo, kabini mhlawumbi kathathu, uyazi, enze impazamo, yokuhenda. USathana uyayazi into othetha ngayo. Bonisa nje loo Mqondiso, uyakubhabha. Ewe.

406 Ngokuba, uyintoni? Yimveliso etywiniweyo. Akanakuyaphula ivuleke, anikele into apho engeyiyo. Uthi, “Susa izandla zakho! Niditywiniwe.” Owu, nkosi! Imveliso etywiniweyo! Ewe, mhlekazi! Uthengiwe. Phakamisa uMqondiso wakho phezu kokholo lwakho olungena kushukunyiswa kwisithembiso saKhe, umjongo emka. “Umthandazo osebenzayo oshushu welungisa uyezisa kakhulu!” 'Yabona? 'Yabona? Thabatha loo Mqondiso. Wenzelwe loo nto. USathana ukho khon'ukuze akulinge.

Wayephaya eYiphutha eyokulinga.

407 Ngoba, uyazi, ngalaa mini xa uRahabhi wabekayo elaa henyukazi. . .Ihenyukazi lajingisa, laa msonto, ndiyaqikelela ukuba amanye aloo majoni ahleka ahlekisa, athi, “Laa mfazi uphambeneyo uphaya phezu! Uphakanyelwe sisiciko. Khangelani, ungene phaya. Ha, ha, ha! Ngoba, nakha nayiva into enjalo? Kutheni, uGqirha uJones wathi, apha ezantsi, 'Akukho nto iyilaa nto.’” Kodwa yayikho kuba umthunywa ovela kuThixo wawuzisa umyalezo wabaxelela.

408 Ungacinga ngaMayiphutha esithi, “Bakhangeleka. . . Uthi, khangela elaa qela legquba labazenzi ngcwele, liqaba igazi! Ha, ha! Abazukuba nambutyulela ukulihlamba ke ngoku! Owu, madoda! Laa makhaya mahle kangakaya atshizwe wonke ligazi! Owu, ukunuka okunje! Ndiyakufungela iyakuba yinto eyoyikekayo leya kwintsuku nje ezimbalwa. Ayizukuthetha nto konke. Uyazi ngoba? U-father ongcwele *uzibani-bani* watsho.” Kodwa yayikho. Yayinjalo. Yayinento eyithethayo.

409 Inento eyithethayo kuthi baYikholelwayo. Yabona? Khumbulani nje ukholo lwenu olungena kushukunyiswa eninalo kweli Lizwi! Ngoku anisenguye u-Eva kwakhona. 'Yabona? Awunguye omnye waba bathandabuzi, aba, ke, benzelelelayo ngoSathana. Ubambe lonke iLizwi likaThixo. 'Yabona?

U-Eva wathi, "Kulungile, iNkosi itshilo!"

410 USathana wathi, "Kodwa, uyazi, iNkosi ngokuqinisekileyo ayinakuyenza into enjengaleyo kumntu olunge njengawe. Owu, uyathandeka. Akanakuze." Owu, ewe, uzakuyenza, nayo. Wathi Uyakuyenza.

411 "Kulungile, utata wam ngumlungiseleli. Bendingumlungiseleli." A—Andinakuyinceda. Ngaphandle koMqondiso, ulahlekile. Ingqumbo iphezu kwenu, 'yabona, kuphela oko, ngaphandle koMqondiso. 'Yabona? Ewe. Wathi Uyakuyenza, kwaye Uyakuyenza. Oko, oko kuyenza nje iphelele. Uthi uyakuyenza.

"Owu, ndiyakholwa ukuba iintsuku zemimangaliso zedlula..."

412 Ewe, kodwa Wathi azidlulanga. "Ndim izolo, namhla, nangonaphakade," 'yabona yiloo nto kuphela Azibonakalisa ukuba uyiyo.

413 Ngoku, kuthi, siyayazi. Kubo, abaYikholelwa. Kodwa siyaYikholelwa. Siyayazi ukuba yiNyaniso. 'Yabona?

414 Ngoku, ngokuba koko, siba yinxalenye yeLizwi. Size ke sithathe uMqondiso, uMoya, ube phezu kwedinga, "NdinguYehova okuphilisayo."

415 Ngoku lungiselelani inkonzo yempiliso ngokuhlwanje. 'Yabona? Thabathani uMqondiso, Wuxhomeni phezu kweLizwi, phezu kokholo lwenu olungena kushukunyiswa kwelo Lizwi, uyakuphuma. Yiloo nto—Yiloo nto emkhuphayo, kuba kuYe akukho nto injalo.

416 Ndinqwenela ukuba ndibe bendinokungqina umzuzwana nje ngoku, kwizinto ezithile endizibone zisenzeka kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo. 'Yabona? 'Yabona? Owu, into ebendinokungqina ngayo!

417 Uyazi, noLuka wathi, "Ukuba konke awakwenzayo uYesu bekunokufakwa ezincwadini i... bekungayikubakho zincwadi zaneleyo ehlabathini zokukuphatha."

418 Oku nje ndikubone kolu lwam ulungiselelo, ndikubona Ekwenza, ubungeke ube nako ukuyifumba apha eqongeni loo miqulu. Ukuba bendinokukubhala ngeencukacha oko ndiMbone ekwenza kolu lungiselelo lwam lodwa, ndambona ekwenza. 'Yabona? Ube nempumelelo enkulu kulungiselelo

Iwam ngaphezu kokuba Wayenayo kolwaKhe Buqu. Ngoku, khumbulani, nguYe obenempumelelo enkulu, ngoku, hayi mna; nguYe owenze oko. Uzuko! Haleluya!

<sup>419</sup> Ube nempumelelo engaphezulu eJeffersonville kunokuba Waba nayo eNazarete. Wakwenza oko kwesa sixeko sikhohlakeleyo nakwesi sixeko sikhohlakeleyo. Amen! Uzuko! Kuba, “Akazange abe nakwenza miqondiso apho,” kodwa Uyenzile apha. Ekugqibeleni ude wagqobhozela, apha. Uyenzile ukuba yenzeke apha. Usenokuba wenze ukuba kuze abantu abavela kwenye indawo, kodwa U—uyenze kuba yenzeke, nangoko. Ngoko, Ube nempumelelo engaphezulu kanye apha kunokuba Wenzayo e—eKapernahum okanye—okanye eNazarete, kuloo nto. Ube neyona miqondiso mininzi kanye apha kule Tabanekile kunokuba Wenzayo kulungiselelo luphela lwasemhlabeni. Injalo loo nto, wayenza loo nto. Ngoku sithini ngehlabathi liphela? Owu, nkosi! Ngoku nantso into Ayenzayo.

<sup>420</sup> Ngoku khumbula, “Nguye” owenzayo. Ngoku, ayithi ndim owayenzayo, 'yabona, kuba andizanga ndiyenze. Andizange konke konke. NdiMthandile nje ndanikela uqobo lwam kuYe, ndathetha into Ayithethileyo, waza uMoya Oyingwele waya kwabanye abantu nabo bakholwa kwinto Ayithethileyo, waza ke Wawenza umsebenzi. Kuphela.

<sup>421</sup> Ukuba angenza nje ukuba sonke sikholwe yiyo! Angenza ntoni khona ngoku ukuba Angenza ukuba sonke siyikholelwe khona ngoku? Akunakubakho mntu ubuthathaka jikelele kule dolophu. Injalo loo nto. Ukuba Ebenokwenza ukuba wonke umntu ayikholelwe, bekuyakuba kuphelile konke. 'Yabona?

<sup>422</sup> Phakamisa uMqondiso wakho phezu kokholo lwakho olungena kushukunyiswa eLizwini laKhe lesithembiso, uSathana ke uyakusaba.

Ngoku ndizakuvala ngoku.

<sup>423</sup> UThixo wakha wanikela omnye umqondiso kwihlabathi; yayingumnyama wezulu. Niyayikhumbula loo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Wahlala, ehleli ethembekile kuloo mqondiso, kuba Wawunikela ukuze ube ngomqondiso. Onke la mawaka eminyaka, Akazange asilele ukuwubonakalalisa loo mqondiso. Akunjalo? [“Amen.”] Ngoba? Uwuhloniphile. NguYe owawunikelayo. Wanika ihlabathi umqondiso wokuba Akangeke alitshabalalise ngesikhukula kwakhona ihlabathi. Okoko Wenza njalo, njalo, ukusukela ngaloo mini, ubonakalalisiwe.

<sup>424</sup> Kukho amalungu apha emoyeni, enza laa mnyama wemvula. Ithi yakuna, lize liphume ilanga, loo nto ke iwuvelise. Ilanga liyayomisa iphele imvula, ngoko Ubeka umnyama apho ukuqondakalisa ukuba akusayikubakho manzi

phezu komhlaba ayakuwa ngokwaneleyo abenokutshabalalisa ihlabathi. Ngumnqophiso waKhe ke lowo. Ungumqondiso. Wathi, “Ndiyakuninika wona ukuba ube ngumqondiso.”

<sup>425</sup> Wawuhlonipha umqondiso waKhe ngemihla kaNowa. Usawubonakalisa nangoku. Wawuhlonipha umqondiso waKhe eYiphutha. Wawuhlonipha eYeriko. UyaWuhlonipha nanamhlanje. Usoloko ewuhlonipha umqondiso waKhe wakuba ubonakalisiwe.

<sup>426</sup> Onke la mawaka eminyaka, Uthandile ukubonakalisa laa mqondiso, Akawulibali. Akawulibali umqondiso waKhe. Ngoku, akukhathaliseki nokuba litshintsha kangakanani na ihlabathi, umnyama usekhona. 'Yabona, Uyawuhlonipha umqondiso.

<sup>427</sup> Wenza loo nto nangoku, Uyawuhlonipha uMqondiso waKhe. Akukhathaliseki nokuba litshintsha kangakanani na ibandla, nokuba likwenza kangakanani na *oku*; uThixo uyawuhlonipha uMqondiso waKhe, yiloo nto kuphela. Isibonisa ukuba Akasileli ukuhlonipha into Ayenzayo nento Ayithethayo. Siyayamkela kwaye siyihlonipha loo Nto. Ndenza njalo mna.

<sup>428</sup> Ulindele ukuba nathi sibonakalise uMqondiso waKhe phezu kokholo lwethu, kuSathana nazo zonke iinqulo zakhe ezingakholwayo namahlelo, ukuze sikholwe ukuba isithembiso saKhe siyinyaniso, kwaye Uyakuyenza into Athembise ukuyenza. Nalo ke iBandla.

<sup>429</sup> Akumangalisi ukuba bangabi nakubeka nesiseko sokuqala phaya, njengokuba sisibiza njalo; nindixolele ngeli gama. Akumangalisi ukuba kungabikho ndawo bafika kuyo koko babuyele emva emahlelweni benze igquba labantu abanxibe kakuhle, abazilungisileyo, iingqondi, abafundileyo. Bengayikuze bafike ndawo, ngokuba yiloo nto abayibonakalalisayo, “NdinguMwisile, ndinguMrhabe.” Bayiloo nto kuphela.

<sup>430</sup> Kodwa amakholwa athabatha uMqondiso! Kwaye laa nto uYesu waqala ukuyenza eGalili, Uyaqhubeka ngoku ngeSibonakaliso saKhe soMqondiso, kaMoya Oyingcwele ubuyele phezu kweBandla. Kuba, yayingezo zenzo zabapostile, yayizizenzo zikaMoya Oyingcwele ukubapostile, loo nto ke inguMqondiso.

<sup>431</sup> Bathi kwanyanzeleka ukuba babase iso uPetros noYakobi, xa babe...uPetros noYakobi, xa babedlula kwisango ekuthiwa Lihle, njengokuba bebona bangabantu abangafundanga. Inokuba babesithi, “Hit, haint, tote, krazula, landa, thwala. Ndinixelela ngale *nto*,” 'Yabona? Banokuba babenazo zonke iintlobo zobizo magama ababengenakuziqonda bona. Basenokuba babengawazi umahluko, zonke i-i...zibalo zeSibhalo. Kodwa

kwakufuneka beqaphele ukuba babekhe banaye uYesu. Babewubonakalisile laa Mqondiso, ngokuba laa Moya wawuphezu kwaKhe, ngaphambi kokubethelelwa kwaKhe, wawuphezu kwabo emva kokokubethelelwa. Amen!

<sup>432</sup> Loo nto ke iMenza amaHebhere 13:8, “UYesu Kristu ikwanguye, izolo, namhla, nangonaphakade.” Nantso ke indlela esazi ngayo ukuba Uyaphila. Ngokuba kutheni? Sazi njani ukuba thina siyaphila? Ngokuba ephila Yena. Kwaye ngenxa yokuba sisazi ukuba siyaphila, kungenxa yokuba sifana naYe, saye sikuYe thina. Kwaye Wathi, “Ngenxa yokubaNdiphila, niyakuphila nani, NdinguYe,” ESityhilelweni, ngulowo wayefile, wabuya wadla ubomi ngonaphakade.” Ukuba ke si—siyafa kwiziqu zethu size siphile kuYe, siphile ngonaphakade. Kwaye ubomi bakhe obukuthi bunjengobomi kanye bayo nayiphi enye into, Bubonakalisa into Awayeyiyo. Loo nto ke imenza ukuba abenguYe izolo, namhla, nangonaphakade.

<sup>433</sup> Ngoku unganako njani wena, xa bekukhanyela Oko? Awuboni “imisebenzi efileyo”? Khonza uThixo ophilileyo, onguNaphakade...Ndithetha, umnqophiso ongunaphakade woBomi obabuseGazini likaYesu Kristu. Ngoku qhubeka, ukufunda, ndi...Kulungile, ndiza...kulungile sizakupheza apha. Yabona, ekubonakaliseni uMqondiso woBabalo lwaKhe, uthando lwaKhe! Ngoku, ngaphandle kwaloMqondiso ufakiwe... .

<sup>434</sup> Ngoku, linguMqondiso. Yintoni uMqondiso? UMqondiso luphawu lwetyala eselihlawulwe. Ixabiso ebelifuneka selihlawulwe. Ixabiso losindiso lwethu yayikukufa, yabona, kwakungekho mntu ke wayenokulihlawula ngaphandle koKristu. Hayi u—umoya wehlelo, hayi umoya kapopu, hayi umoya wandoda ithile okanye ingwele ethile, koko uMoya kaYesu Kristu, uphezu kweBandla, unguMqondiso wokuba ityala selihlawulwe kwaye uhlangabeze yonke imfuno awayeyifuna uThixo, kwaye thina naYe sibanye. “Ngaloo mini, niyakwazi ukuba Mna ndikuye uBawo, noBawo ukuM; Mna ndikuni, nibe nina nikuM.”

<sup>435</sup> Qaba uMqondiso! Qaba uMqondiso wovuko lwaKhe. Ukuze, njengokuba Wavuselwa ukungcwaliswa kwethu, Usivusile nathi kunye naYe. Ngoku ke sihleli kwiindawo zaseMazulwini, kuKristu uYesu, ngaphantsi kobudlelane balo uMqondiso.

<sup>436</sup> Wathi uSirayeli ehleli apho, kuqhubeka izikhalo, phaya phandle esitratweni, babengenayo nenye into abanokuhlupheka yiyo. Inye nje into, ukuqiniseka ukuba igazi, umqondiso, wawubonakala.

<sup>437</sup> Yiloo nto kuphela esimele ukuhlupheka ngayo ngoku. Kukho inkathazo e—endleleni, eyenza ukuba, zihlobo.

Akusayikuba kudala, inkathazo, iyantlitha. Yazini loo nto. Qiniseka ukuba uMqondiso uyabonakala. UMqondiso ke nguMoya oYingcwele. “Kuba sabhaptizelwa mzimbeni mnye ngaMoya mnye, senziwa iindlamafa zozuko lwaKhe,” eLizweni lethu, lixesha lokumatsha ngoku kusiyiwa kwiLizwe ledinga.

<sup>438</sup> Niyamthanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyawukholelwa uMqondiso? [“Amen.”] Bangaphinda abangathanda ukuthi, “Owu, Mzalwan’uBranham, ndithandazele, ukuze ndingene ngaphantsi koMqondiso?” [“Amen.”]

Masithobise iintloko zethu.

<sup>439</sup> Nkosi Yesu, Wena uNobabalo Lonke! Lathi ihlabathi lakuba sesonweni, kwaye kungekho bani unokulinceda, uThixo, ngenceba, eyayibonisa kwangaphambili, ngomzekeliso, wokuba kwakusiza uMqondiso owawuyakusisusa isono sethu; ungasigqumi nje kuphela, koko ubenokusisusa siphela. UYesu ke weza kanye ngexesha elililo, waza Waliphalaza eloo Gazi, uBomi baKhe Buqu, ethabatha... esenzela thina uxolelo ngenxa yezono zethu, waza waphinda Wazinikela wabuya kwakho ekwimo kaMoya Oyingcwele, onguMqondiso ngoku omele ukugecinwa liBandla Ade abuye. Kuba uMpostile uPetros wathi, “Idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, esukuba iNkosi uThixo wethu iyakubabiza.”

<sup>440</sup> Nkosi, ngobabalo lwaKho, uncedo lwaKho, ndibanga wonke umntu owuvayo lo Myalezo. Ndibabangela uThixo, ndiyaKuthandaza, Nkosi, kokubini apha kusanje kwanabo bayakuva ekhasethini. Ukuba ke kukho iMbewu naphina, eyanyulwa kwangaphambili, Nkosi, ukuba ive iLizwi lalomhla, bangangangena ngoku, ngokuzolileyo nokuthobekileyo, bazibeke phantsi iimbasa zabo emnqamlezweni, okanye ubuqu babo, njengembasa yobabalo lukaThixo obabizileyo. Banga ke bangazaliswa nguMoya Oyingcwele baze bawubonakalise uMqondiso wobomi bukaYesu Kristu eluvukweni lwaKhe, lo gama besesemhlabeni. Siphe oko, Nkosi.

<sup>441</sup> La Mazwi, Nkosi, ndisenokuba andiwathethanga ngendlela eyiyo. Ukuba ke andenzanga njalo, ndiyathandaza ukuba uMoya Oyingcwele awathathe loo Mazwi awazise ngendlele amelwe kukuziswa ngayo, ukuze abantu babenokuqonda bazi, ngaphandle kolunya. Mabazi kananjalo ukuba uthando luyalungisa. Ukuze bazi ukuba kungenxa yale yure siphila kuyo, nokuza kweNkosi okusondeleyo, saye sibona izibane ezikhulu ezibomvu zidanyaza, kwihlabathi lonke jikelele, zokuba ixesha lisondele.

<sup>442</sup> Banga abantu bangawamkela uMoya Oyingcwele namhlanje! Ndiyathandaza, ndibazisa kuWe, eGameni likayesu Kristu. MaWubenguMqondiso kuthi lo gama sisaphilayo, lowo Wathembisayo ukuba Uyakuba nguwo. Kuyakuba lula ukucela oko, ngokuba Wathembisa ukuba Uyakuba nguwo, ndaye ndiyazi ukuba Uyakuba nguwo. Sithandaza eGameni likaYesu. Amen.

Ngoku, iintloko zethu sizithobisile, umzuzu nje.

<sup>443</sup> Ngokholo, ndikholwa, ndinithandazele, ngako konke endaziyo. Ndi—ndithandaze ngokunyaniseka, ngako konke endikwaziyo ukuba uthandazelwa njani na.

<sup>444</sup> Khangela, ndiyakuqonda oko. Niyazi yintoni? Zizishumi zenu neminikelo yenu le ndiphila ngayo. Kukuxhaswa nini, apha ebandleni, ukuze ndibe nomntu endinokushumayela kuye. Luthando lwenu, noo “amen,” benu nobudlelane benu. Namazwi enu anobubele phakathi phaya ehlabathini apho nisukuba nisiya khona, kwizizwe ngezizwe jikelele kwesi sizwe, ngamazwi enu anceda ukusa uMyalezo. Nini. Singabasebenzisanayo koku, kunye noKristu. Singabazalwana noodade, Yena ke nguKumkani wethu. Kwaye ndiyanithanda. Ndi—ndi—ndi—ndi, apho ndikhoyo, ndifuna ukuba nibe lapho nani. Ndiqhuba ndinqumle eli lizwe, ukuya kuthetha nani amatyeli aliqela. Ndiyakulangazelela ukuhlangani nani apha kusasa ngeCawe. Ndiyanithanda. Ndabasoloko ndinithanda. Ngamanye amaxesha kuyanyanzeleka ndithethe ngqongqo mpela, kodwa kukunilungisa nje oko. Niyabona, kungokuba nje ndiyanithanda, 'yabona, kwaye andifuni ukuba niWuphose. Nani, ningayenzi loo nto.

<sup>445</sup> Ngoku, ngokuzolileyo nokuthobekileyo, ngako konke okusentliziyweni yakho, emazantsi kakhulu, Wamkele. Yithi, “Nkosi Yesu, khona ngoku thabatha konke okukum, okungafani naWe, ndenze ukuba ndisuse lonke ikratshi lam, konke okukum, ndikukhuphe. Yonke inkunkuma, konke ukungakholwa okukum, ndi—ndiyakwala ngoku, Nkosi. Ndikukhabela ngaphandle. UMoya Oyingcwele kaThixo ke, onjengehobe, mawuhle ungene kum. Ndi—ndifuna ukuphila ngoNaphakade, Nkosi, kwaye ndi—ndifuna ukuba Undinceda ngeli xesha. Ndi phe ke ngoku.”

<sup>446</sup> Usandaza njalo, sizakungqumshela eli culo, okanye silicule ngokuthe chu, sonke, u-*NdiyaMthanda*. Kwaye, khumbulani, uza ngothando, kuba Yena uluthando. Ngoku ndiphakamise isandla sam phezu kwezi tshefu, ukwenzela kuba abantu babe nokuzifumana kungekabi sebusuku.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda  
Wandithanda kuqala  
Wathengu'sindiso lwam  
EKalvar'emthini.



NdiyaMthanda, ndiyamthanda.  
 Wandithanda kuqala, (ngoku bunikezele nje  
 kuYe ubomi bakho)  
 Wathengu'sindiso lwam  
 EKalv . . .

447 Thanda, thanda, Mthande. Uyayibona into Awakwenzela yona. [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela u-Ndiyamthanda—Mhl.] Kungothando. Uthando luzisa ukuthobela. Uthando luzisa ukuqhelana. Uthando luzisa umtshato. Kulapho sijonge khona ke apho, kwiSidlo sangokuhlwa soMsitho weMvana. Ndiyamva uMsindisi wam ebiza, esithi Uyandithanda, nam. Nam, okwam! Ndi . . .

448 Intliziyo yakho yonke nje, uzivele nje iNto ethile emnandi ngenene ingena kuwe. NguMoya Oyingwele ke lowo.

Wandithanda kuqala  
 Wathengu'sindiso lwam  
 EKalvar'emthini.

449 Ukuba . . . ndiyakuziphakamisa izandla zam, kunye nabaphulaphuli, kunye nomculo. Ukuba ndonile, ukuba ndenze nantoni na engendawo . . .

Ndithandazela nina ngoku, kunye nam.

450 Ukuba kukho into engalunganga endiyenzileyo, isandla sam siza kuWe, Nkosi, sithetha ukuba ndicela uxolo. Isandla sam siza kuWe, Nkosi, sithetha ukuba bendi—bendigafuni kuyenza. Kwaye ndiyazi ukuba ndiyafa, Nkosi. Kufanele ukuba ndilishiye eli hlabathi, ngokwakwimo yenyama. Ndifuna ukuhlangana naWe. Izandla zam zithetha ukuba, zithathe, Nkosi. Ndizalise ngoMoya. Ndinike uMqondiso wothando lwaKho phezu kwam, uMoya Oyingwele, oyakundenza ndiphile ngokuzola, ngobunono, undenze ndiphile uBomi obabukuKristu, ukuze intliziyo yam ivuthe ngenxa yabanye, ukuze ndingabi ndiphantse nakuphumla, ubusuku nemini, ndide ndibenokufumana wonke umntu endinokuba nako. Ndiyakuba njengabathunywa baseYeriko; ndiyakuya kuye wonke umntu endinokuba nokuya kuye, ndibone ukuba andinakubafaka ngaphantsi kweGazi lomnqophiso na, phantsi kweGazi leMvana, ukuze bawamkele uMqondiso.


451 'Yabona, iGazi liyacoca. UMoya unguMqondiso wokuba iGazi seliqatywe. 'Yabona? UMoya unguMqondiso wokuba iGazi seliqatywe. Lingekaqatywa iGazi, u—uMoya awunakuza. Koko lakuqatywa iGazi, ngoko ke uMoya unguMqondiso, uwubuyisela kuwe, ukholo lwakho eGazini lwamkelwe, ixabiso lohambo lwakho lihlawulwe. Ixabiso lohambo lwakho lihlawulwe. Kugqitywe konke. Ityala livaliwe. UnguMkristu. Ulikholwa. UKristu ukuwe, ube wena ukuKristu.

...thanda kuqala  
Watheng'usindiso lwam  
EKalvar'emthini.

<sup>452</sup> Ngeentliziyo zenu zithotywe ngoku phambi koThixo; uMlungiseleli wenu, uMzalwana uNeville, namazwi akhe okuvala nento azakuyithetha.

<sup>453</sup> Nizikhumbule iinkonzo zangokuhlwanje, inkonzo yempiliso. Nifike kwangexesha. Kufuneka siqale ngentsimbi yesixhenxe, ndibeseqongeni ngecala leyesixhenxe. Kulungile, Mzalwan'uNeville? [UMzalwana uNeville uthi, "Kulungile."—Mhl.] Ngoku sizakudla umthendeleko, uyabona, ngokuhlwanje. Nize!

<sup>454</sup> Ngale njikalanga, kufuneka nihlale kanye naWo. Ningawuyeki umke lo Myalezo. Khumbulani, ningaze niwuyeke lo Myalezo umke!

<sup>455</sup> IGazi liyakuba nguMqondiso wokuba uBomi bunikezelwe. 'Yabona? "Xa Ndibona iGazi, Ndiyakudlula kuni." UMoya Oyingcwele nguMqondiso wokuba iGazi seliqatywe entliziweni yakho, kwaye UnguMqondiso wokuba iGazi liqatywe. Ukuba alizange laqatywa, uMqondiso awuyikuza. Niyaqonda? Yithani, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Igazi lifanele ukuba liqatywe, ukuze ke ngoko uMqondiso ufike. UnguMqondiso wokuba iGazi lentlangulo seliqatywe nexabiso lohambo lwakho lihlawulwe. UThixo anisikelele. Mzalwan'uNeville. 

*UMqondiso*, Umq. 3 Inani 1  
(*Token*, Vol. 2 No. 19R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla wo-1 kuSeptemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1994 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)